Lwada lwawa ludanile;
Namhla zipelil inkani.
    Singama Britani!!

Kad' igazi lincenceza,
Kad' intsimbi zikenceza,
Kad' igqogqa inkanunu,
Kad' ibhodla i Mpundulu,
Kad' ilaula iruluwa
Kad' umpefumlo upuma,
Maliqondw' elilizwi:
    Singama Britani!!

Namhl' u Stena iqikili,
Namhl' u Bhot' umongameli,
Namhl' uDivet' injengele,

The country's at peace: we're British!! (1902)

It's peace, he said.

The country's at peace, they say,
weapons are buried,
passions abated,
anger's subsided.
We vanquished the foe,
and he fell frustrated;
pigheadedness ended today.
    We're British!!

For a long time blood flowed,
for a long time iron clanged,
for a long time the cannon boomed,
for a long time the lightning bird burped,[1]
for a long time gunpowder ruled,
for a long time life was extinguished.
This should be clear:
    We're British!!

Today Steyn the wily,
today Botha the leader,
today General De Wet,

1. The Xhosa word *impundulu* will be translated as "lightning bird" throughout: see the glossary of Xhosa terms following the Introduction.

Namhl' uDilar' itwalandwe;
Emva kweminyakanyaka
Bapume beyakayaka
Bepelelwe ziz' inkani:
    Singama Britani!!

At' umngqingo we Kimbili,
At' indlal' e Mafekeni.
At' imbub' e Ledismiti,
At' ukuwelwa kwe Gqili,
At' umnyhatyo wo Tukela,
At' imfamntu e Stombuka,
Ngokwenen' engenampiti:
    Singama Britani!!

Ndalwa kwa eyama Linde,—
Nango Hintsa ndatwal' indwe,
Ndel' ehlatini nge Zembe.
Ngo Mlanjen' ndarol' inyembe,
Ngo Ngcayecibi ndenz' ilinga,
Na Besutu nama Tshaka,
Sendisitsho ngokwenyani:
    Singama Britani!!

Kamelani amanxeba,
Nimbulis' obe lutshaba,
Hlumisani izwe lenu,
Kutazan' iminwe yenu.
Ncokolani nge zemfazwe,
Nenz' uxolo 'de nangane,

today De la Rey, veteran warrior,[2]
after year upon year
have emerged in tatters,
their pigheadedness ended:
    We're British!!

Oh the siege of Kimberley,
oh the hunger of Mafeking,
oh the carnage at Ladysmith,
oh the breech of the Orange,
oh the Tugela massacre,
oh the Stormberg slaughter;
in plain truth:
    We're British!!

I fought at Amalinde—
I was a hero in Hintsa's War,
I took to the forest in the War of the Axe,
I drew out an arrow in Mlanjeni's War,
gave my all in Ngcayechibi's War[3]
alongside Sotho and Zulu;
in truth I say:
    We're British!!

Tend the wounds,
greet the one-time foe,
nourish your nation,
put your fingers to work,
talk about battle
but make peace and embrace.

---

2. Jacobus Herculaas de la Rey (1847–1914), a formidable Boer guerilla general. *Itwalandwe* was a Xhosa warrior who wore a headdress of plumes of the blue crane (*indwe*) as a sign of military distinction.
3. The internecine Battle of Amalinde was fought between Ngqika and his uncle Ndlambe in 1818. The following four were nineteenth-century frontier wars between the Xhosa and the British: Hintsa (1834–35), the Axe (1846–47), Mlanjeni (1850–53), and Ngcayechibi, the last frontier war (1878–79).

Tina singama Britani:
    Singama Britani!!

Hlabelan' eyoloyiso!
    Singama Britani!!
Hlabelan' eye Ndumiso!
    Singama Britani!!
Le yinyanga ye Jubulu!
    Singama Britani!!
Nemigcobo emikulu!
    Singama Britani!!
        Singama Britani!!!

As for us, we're British:
    We're British!!

Sing a song of triumph!
    We're British!!
Sing a hymn of praise!
    We're British!!
This is the Jubilee[4] month!
    We're British!!
Celebration unsurpassed!
    We're British!!
        We're British!!!

4. The coronation of Edward VII was originally scheduled for 26 June 1902, but was postponed until 9 August.

8

I Kresimesi ka 1906

"Kuba siyibonile inkwenkwezi yake e Mpumalanga, size kuqubuda kuye." Mateyu 2:2

Kambe nkosi Mhleli, sendide ndaqèla ukuti ngelixesha enyakeni ndibe senkundleni, pambi kwezikùlu zakokwetu kwami napambi kwe Nkosi zam. Namhla ke bendifuna ukuke ndenjenje:—

Ta-ta-la-ho-o-te-e-e-e!!!
Yatwas' inyang' endala,
Yatwas' inyang' enamandla,
Yatwas' inyang' enkulu,
Inyang' eyaziwa zintlanga,
Inyang' eyaziwa zizizwe,
Inyang' eyaziwa zilwimi.
Batetile ngay' o Mosisi,
Abakokeli nabaniki-miteto;
Batetile ngay' ababoni,
Atetile ngay' amatola,
Zitetile ngayo nezazi
Zat' iyakuzalw' indodana,
Zatsho zibonga zizinkenkelele,
Zisiti ngu Kwezi-Lomso,
Ngu Kutetela-kuse-Sixantini,
Ngu Mmangalis' igama lake;
Watsh' u Yisay' into ka Hamotse,
Watsh' u Jeremiy' into ka Hilekiya,
Watsh' u Johan' into ka Zekariya.

Christmas 1906 (1906)

"We saw his star in the east and have come to worship him."
Matthew 2:2

By the way, my Lord Editor, I have become accustomed to appearing in the courtyard at this time of the year, before our officers and before my superiors. Today I would just like to say:–

Listen!!!
The old moon's appeared,
the strong moon's appeared,
the great moon's appeared,
moon known to races,
moon known to nations,
moon known to tongues.
Moses and his lot spoke of it,
leaders and law-givers;
seers spoke of it,
soothsayers spoke of it,
wise men spoke of it,
saying a young man will be born,
that's what they said singing lusty praises,
saying he's Morning Star,
he's Command Resting On His Shoulders,
Wonderful his name;
so said Isaiah son of Amoz,
so said Jeremiah son of Hilkiah,
so said John son of Zechariah,

"Incúk' isaya kudla nemvana."
Inkwenkwez' iboniwe zizazi,
Zayiv' intsholo yase ma-Zulwini,
Zakubon' ukukanya kwase Nyangweni,
Ziye zawa ziripuk' imvalo.
Safik' isi Tunywa sashumayela,
Ziqale kaloku zadlan' indlebe,
Ziqale kaloku zafakan' imilomo,
Kuze zitsh' eqol' emaqegwini;
Zijong' inkwenkwezi e Ntshonalanga,
Ziye zaqulek' e Jerusaleme.
Kant' inkos' ayik' e Jerusaleme.
Zipindele kwase nkwenkwezini
Kuze zide zifik' e Betilehem;
Apo zawa ngamadolo nendololwane,
Zawarol' amabhaso zamnikela.
Zaburol' ubuqolo zamnikela,
Zaburol' ubulawu zamtambisa.
Oyi! Nina baswel' ukuqonda!!
Ubebona wupina yen' oka Gaba?
Ukuz' abong' abe kwayinkenkelele:
"Yabinz' inkwenkwez' isixelela,"
Siyibonile sise Mpumalanga,
Siyibonile sise mdudwen' e Gqora,
Silapa nje size kuqubuda—
Gazi limrolo yintonina?
Ngonyam' egob' igungxula,
Mang' angalanyw' engayi kwalanywa,
Sinyuka ngalif' ukusing' ezulwini.
Kangel' amaling' esiwenzayo,
Sitshatshel' esikulu sakulo Mazulu,
Qinis' indong' esizakayo
Ngale Kresmesi ka 1906.
Gxumek' umtunz' oyi Ngqungqutela,

"The wolf will eat with the lamb."
The star was seen by wise men,
they heard the heavenly choir,
they saw the light from heaven,
they sank down with rending consciences.
The angel came and preached,
at first they conferred with each other,
at first they consulted each other,
before mounting their oxen's backs;
they fixed their eyes on the star in the West,
and journeyed perplexed to Jerusalem,
but the Lord was not in Jerusalem.
They continued led by the star
and in the end reached Bethlehem
where they fell on knees and elbows,
drew out their gifts to present to him,
drew out their myrrh and anointed him.
Oh, you lacking perception!!
Which one did Gabha's son see
when he burst out in praise,
"The shooting star informed us"?[1]
We saw it in the East,
we saw it at the dance at Gqorha,
we're here to offer adoration –
why is his blood streaming so?[2]
Lion that crouches and shifts the stone,
they wish to glimpse him but he can't be glimpsed,
who ascended to heaven on a cloud.
Take note of our efforts,
you heavenly hero,
strengthen the walls we build
in this 1906 Christmas.
Steady the impact of Congress,

1. A line from the famous Great Hymn of Ntsikana son of Gabha: see Hodgson (1980).
2. Another line from Ntsikana's hymn, referring to Jesus.

Igogoshel' usapo luka Luhlanga,
Igogoshel' usapo luka Xósa,
Igogoshel' usapo luka Palo.
Oluzi mpanza kulo lonk' elimiweyo
Ngale KRESMESI ka 1906,
Qinis' indong' esizakayo Nkosi,
Siluhlang' oluntshwenyileyo ngenyama,
Singonotwal' impahlana bendlela,
Sizint' ezingenant' esandleni,
Sizint' ezingena ndawo zendyebo,
Kangel' i Sikumbuzo se Nkosazana
Ngalonyaka WAKO ka 1906.
Sinik' ibhaso lako lomhla wokuzalwa,
Nik' abafaz' ukubinq' omfutshanana,
Nik' umtinjan' ukukwaz' ukugwaba,
Nik' umlisel' ukukwaz' ukuputuma,
Nik' amadod' ukukwaz' ukunyanisa;
Sikelel' i Linga le Sikumbuzo,
Sikelela bonk' abapati baso,
Sikelela yonk' injongo yaso,
"Tshawe lo Xolo,"
"Tshawe lo Bom,"
"Tshawe lo Somandla."

UMHOBE:
Yizani sivume
Ingom' u Sidyume,
Namhlanje kuzalwa

so it can keep to itself the world's children,
so it can keep to itself the children of Xhosa,
so it can keep to itself the children of Phalo,
widely scattered on earth.[3]
In this 1906 Christmas,
Lord, strengthen the walls we raise,
as a race of puckered flesh,
ever burdened on the road,
empty-handed things,
things with nothing of value.
Take note of the Queen's Memorial
in this your year of 1906.[4]
Give us your birthday present,
give women various tasks,
give maidens talent to sing,
give young boys skill in searching for strays;
give men understanding to tell the truth;
bless the Memorial effort,
bless all of its directors,
bless all of its objectives.
"Prince of Peace,"
"Prince of Life,"
"Prince of the Almighty".

ANTHEM:
Come let's sing
the song Sidyume,
today is born

3. Xhosa was the eponymous ancestor of the Xhosa royal line. Phalo (d. 1775) son of Tshiwo was the last leader of a united Xhosa nation, before his sons Gcaleka and Rharhabe established separate territories.
4. While Jabavu and *Imvo* lobbied for the creation of a higher education institution for blacks in South Africa, the *Izwi* faction (including Mqhayi) sought support for a bursary scheme in honour of Queen Victoria that would send black students to study in Britain: see the second paragraph of the prose preamble to item 20 below and Odendaal (2012: 317–18).

Imvana ye Mvana.
Zinkosi yizani,
Lomkos' utsho kuni,
Zikulu pangani
Nibiziwe na ni.
Mahlwempu yivani
Le Nkos' ize ngani,
Milwelwe vukani
Le Nkos' ifa ngani,
Namhla nomelele,
Kuba nizalelwe
U Litye Lembombo,
U Tshawe lo Xolo;
U Vul' amatywina,
U Qaq' amaqina,
U Sityumza-ntloko
Yenyoka yo Koko;
Akana butshaba,
Akana buhlanga.
Bonke babiziwe,
Bonke bamenyiwe.
Nanku ke ndizile
Nyana ka Davide;
Ndizise no bawo
Owandizalayo.
Ne Nkosi ndinayo
Endibuse kuyo,
Nezwe lonke layo
Namabusa ayo,
Kwa nabantwanana
Asibashiyanga,
Bombilini wam
Nowe nkosi yam.
Sibeka k' izandla
Usipefumlela,
Usisikelela,
Usitamsanqela

the Lamb of Lambs.
Come, you chiefs,
this host addresses you,
hurry, nobles,
you've also been summoned.
Listen, paupers,
this Lord came for you,
waken, diseased,
for you this Lord died,
today you're strong,
for to you is born
Foundation Stone,
Prince of Peace,
Breaker of Seals,
Puzzle Solver,
Head Crusher
of our forebears' snake;
he displays no hostility,
no racial prejudice.
All are summoned,
all invited,
so I have come,
Son of David;
I've brought my father
who gave birth to me.
I too have a chief
whom I serve
and his whole country
and all his followers
as well as his children,
we've left none behind,
those dear to me
and to my chief.
We lay on hands
to inspire,
to bless,
to grace,

Kwigama lo Yise,
Kwigama lo Nyana,
Kwigama lo Moya,
Kum Triniti Omnye,
    Amen! ewe, Amen.

in the name of the Father,
in the name of the Son,
in the name of the Spirit,
three joined in one.
Amen! Yes, amen.

9

Ukufa ko 1906 nokungena ko 1907

"Izikanyiso esibhakabhakeni samazulu, zezemiqondiso, zezamaxesha amisiweyo, zezemihla neminyaka." Gen. 1:14

Iminyaka ngoku liko elihlabati icingelwa ukuba ingamawaka omahlanu anamakulu ositoba ananci nye, (5910). Ekubeni ke isiteto se Ncwadi Endala sisiti "Iminyaka eliwaka inje ngamini nye," makube ngokuteta kwayo intsuku zintlanu liko ilizwe, kuxa lijikayo ilanga ukuba ngoku intsuku mazizokuba ntandatu.

Kuleminyaka ke, iminyaka u Yesu Krestu i Nkosi yetu enyukile ngelifu ukugoduka ise liwaka linye linamakulu ositoba anesitandatu (1906); oko kukuti ngokwe Ncwadi Endala usuku luselunye, kuxa limkayo ilanga, ukuba masizokuti seyintsuku-mbini i Nkosi inyukile.

Iminyaka yokufika kwe Lizwi apa kweli lizwe, xa sikangele ukufika kuka Nyengana (Dr Venderkemp) ema X'oseni ngoku ikwi kulu linesixenxe (107); oko kukuti ukuba u Nyengana ufike ukupuma kwelanga, azikabuyi nase ntlazaneni efikile u Nyengana.

Iminyaka yomntu iba ngamashumi osibhozo (80), oko kukuti ngokwe Ncwadi Endala umntu unikwa ubom be yure ezimbini qwaba kulomhlaba, abe lowo ngode wax'amla. "Yonke inyama ibutyani, bonke ubuhle bayo bunjengentyatyambo yasendle."

The end of 1906 and the start of 1907 (1907)

"Lights in the firmanent of the heavens, and let them be for signs and for seasons and for days and years." Genesis 1:14

It is estimated that the earth is 5910 years old. Seeing that the Old Book says, "A thousand years are as one day," in terms of that assertion this world is only five days old, and the sun is now passing through the sixth day.

Of these years, the number of years since the ascension of our Lord Jesus Christ in the cloud on his way home is 1906: that means, according to the Old Book, it is but one day, and the sun is approaching the end of the day when we can say the Lord ascended to heaven two days ago.

The number of years since the arrival of the Word in this country, using Nyengana's (Dr van der Kemp's)[1] arrival in Xhosaland as a basis, is now 107; that means if Van der Kemp had arrived at sunrise, the cattle had not even returned at the mid-morning break after the arrival of Van der Kemp.

A person's lifespan is 80 years. That means, according to the Old Book, that a person is given a life of two hours on this earth, no more, to live life to the full. "All flesh is grass, all its beauty like a wild flower."

1. Johannes Theodorus van der Kemp (1747–1811), the first missionary to work among the Xhosa people, from August 1799 to December 1800: see Enklaar (1988).

Abantu abamnyama abakoyo kweli lizwe lise Afrika ese Zantsi abangapezulu kwezihlelwe, okanye izigidi ezine, uma ke kulomhlati welipepa ndizinika ilungelo lokuteta egameni labo ngale mizuzwana ndisapanyazayo, kuba—

Hleze ndibonge ndingabi sabonga,
Hleze ndozele nditabat' umqonga,
Hleze ndilale ndingabi savuka:
Kanti lomini yeyokugoduka.—(HADI.)

Ndiyavuyisana kakulu nabo bate bapumelela kulomnyaka udlulayo, ndaye ndibanqwenelela konke ukulunga; nangapaya koko ndiyahlongoza ukuba beme bemi emsebenzini. Kodwa pambi kokuba senze nayipina intsebenzo, ndinga amawetu angandilandela, sike siye kuvela nasentla komzi welo Bhotwekazi lingapezu kwama Bhotwe, sik'ahlele pambi ko Mdun'-Omkulu lowo sisiti:—

A! Mlil' odlayo!!
Ngokub' i Nkosi yetu ngumlil' odlayo.
Ndlov' inemixag' ezingalweni,
U Sala sinecibi ngapezulu,
Isinungunung' esi Ngcwele sesinunzela.
Ngu Ndinguye ka Ndinguye,
I Afela ne Omega—
Isiqalo nesi Pelo.
A! Mlil' odlayo!!
Wena wadl' u Kora
Nabalandeli bake,
Wena wadl' i Gomora
Wasula nge Sodom.

Black people inhabiting this country of South Africa number no more than four million; if in this article I take the liberty of speaking on their behalf in these few seconds, I'm blinking, because –

Lest as a poet my poetry stops,
lest I grow drowsy and take to my bed,
lest I sleep and wake no more:
yet on that day I must go home. (Hadi)[2]

I congratulate most warmly all those who succeeded in the passing year, and wish them everything of the best; moreover, I urge them to persist in their work. But before we proceed, I wish my compatriots could follow me in paying a short visit to the other side of the settlement of the Great Palace that is greater than all other palaces, to offer salutations in the presence of that Supreme Power, saying:–

Hail, Consuming Flames!
for our Lord is Consuming Flames,
elephant adorned with armbands,
Steadfast with a pool in heaven,
dignified, holy but fearsome.
He's I Am son of I Am,
Alpha and Omega,
the beginning and the end.
Hail! Consuming Flames!
You who consumed Korah[3]
as well as his followers,
you who consumed Gomorrah,
wiped it away with Sodom.

---

2. Under the pseudonym *Uhadi waseluhlangeni* (The harp of the nation), Jonas Ntsiko (c. 1860–1918) contributed letters, articles and poetry to *Isigidimi sama-Xosa* and *Imvo* between 1875 and 1916. The four-line stanza Mqhayi quotes appears in the preamble to Hadi's poem "*Unyulo luka 1898*" (The 1898 election) published in *Imvo* on 1 February 1899. For Mqhayi's obituary poem on Ntsiko, see Mqhayi (2009: 144–9).
3. Korah led a rebellion against Moses (Numbers 16).

Duma barwaqele
Nakwi Ntab' e Sinayi,
Mini wabajezula ngemibane,
Wababharamlela ngendudumo.
Mini wapum' imisi ngempumlo
Wabavutezela ngamadangatye.
A! Mlil' odlayo!!
Nyok' enkulu ngu Makanda-Matatu,
Sitshatshel' esikulu sakulo Mazulu,
Makungwa zi Kerubimi ne Serafimi,
Mabongwa zimbovane nenyengelezi,
Mdun' Omkul' ohlala kwelesi Tatu.
Xelelan' aboni babuye—
Abakafuli nabapimisi,
Abaneratshi nabanolunya,
Ngokub' i Nkosi yetu ngu Mlil' odlayo,
Abakukumali naba nenkani,
Abarexezi kwa namaxoki,
Abagculeli boyise nenkosi zabo,
Ngokub' i Nkosi yetu ngu Mlil' odlayo.
Bizan' amanxila nabagqweti benene,
Bizan' amahilihili namadungudwane,
Bizan' amamenemene nama bhedengu,
Ngokuba le Nkosi ngu Mlil' odlayo.
Bizan' amasela nabavukeli-mbuso,
Bizan' abareletyi naba nentlebendwane,
Bizan' bonk' abakonzi bezi tixo
Ngokuba le Nkosi ngu Mlil' odlayo.
Bizani bonk' abakohlisi,
Bizani bonk' o Ntlolela-yombini,
Bizani bonk' abantliziyo zilukuni,
Ngokuba le Nkosi ngu Mlil' odlayo,

Roar And They Flinch,[4]
even on Mount Sinai,
when with lightning you flicked a glance at them,
blasted them with thunder,
when you blew smoke from your nose,
engulfed them in blazing flames.
Hail! Consuming Flames!
Gigantic snake called Three Heads,[5]
Great Champion of the Heavens,
invoked by cherubs and seraphim,
praised by ants and the polecat,
Ultimate Force in the third heaven.
Tell sinners to return –
sorcerers and pimps,
the proud and malicious,
because our Lord is Consuming Flames,
the vain and the stubborn,
adulterers and liars,
deriders of father and chief,
because our Lord is Consuming Flames.
Summon drunkards and twisters of truth,
summon vagabonds and vagrants,
summon the shifty and the villainous,
because this Lord is Consuming Flames.
Summon thieves and rebels,
summon the lascivious and denigrators,
summon all those who worship idols,
because this Lord is Consuming Flames.
Summon all deceivers,
summon all double dealers,
summon all the hard of heart,
because this Lord is Consuming Flames.

---

4. A common praise name for God.
5. Makhanda Mahlanu (Five Heads) is a creature popular in folktales (see Theal 1886: 48–55, for example); Mqhayi names God Three Heads in the aspect of the Trinity.

Bizan' abadl'igazi labamsulwa,
Bizan' abatyomf' isidenge,
Bizani bonk' abanamayelenqe,
Yitini le Nkosi ngu Mlil' odlayo.
Bizan' abalahlekis' imfama,
Bizani bonk' abadli bezixhaxha,
Bizani bonk' abaqomfi bezisu,
Bizani bonk' abalala nezilo,
Yitini le Nkosi ngu Mlil' odlayo
Wabizeni onk' amavimba,
Wabizen' onk' amanqener'a
Nabo bonk' abangalukanga ngentliziyo,
Yitini le Nkosi ngu Mlil' odlayo.
"Ngumkulu ngenceba,"
"Ngumakolisa ngoxolo,"
"Ngumasikwa yimfesane,"
"Ilunga lakulo Mazulu,"
"Ilunga lakulo Mazulu."

UMHOBE:

Wapela lonyaka
Sisengabakoyo, abashukumayo,
Sigciniwe nguwe Tshawe lo Somandla,
Menzi wenkwenkwezi kwa nezilimela.
Udlule lonyaka nenxalenye yetu,
No Roji ka Jingqi umfo ka Maqoma.
Wenze nina ngaye, ungelose nina?
Kuko kwi Kerubi, kuko kwi Serafi.
Ndenzel' ukuze ke ndiqashe ucishi
Kwiqela akulo lomfo ka Njalatya

Summon exploiters of the innocent,
summon bullies of the feeble-minded,
summon all the plotters,
tell them this Lord is Consuming Flames.
Summon those who lead the blind astray,
summon all those who eat tobacco tar,
summon all abortionists,
summon all who commit bestiality,
tell them this Lord is Consuming Flames.
Summon all the stingy,
summon all the indolent,
and all uncircumcised at heart,
tell them this Lord is Consuming Flames.
"He is great in mercy,"
"He is pleased with peace,"
"He is compassionate,"
"the righteous of Heaven,"
"the righteous of Heaven."

ANTHEM:
This year's ended,
we're still alive and kicking,
protected by you, the Almighty's Prince,
Creator of stars and the Pleiades.[6]
This year's passed on with some of us,
including Kona, son of Maqoma.[7]
What have you done with him, which angel is he?
He's with the cherubs and seraphim.
I've done this so I can draw lots
within Njalatya's son's folk

6. The Pleiades is a significant constellation for the Xhosa people: the years of manhood after circumcision are counted by appearances of the Pleiades.
7. The Jingqi were Maqoma's people. Kona (1818–1907) son of Maqoma and Noxina in the Right Hand House is named Roji kaJingqi in his praise poem (Rubusana 1911: 262).

Kwa nonyana wake ongu Sodelashe,
Intw' ezinamendu ngapezu kwe nkosi,
Int' ezinamandla nakune ngonyama,
Abashiyananga ekumkeni kwabo,
Bagoduke kunye ukuy' ezulwini.
Usebenze nina ngomfo ka Jotelo?
U Gqira wempahla, umtanan' ongaka?
Ungelose nina, umfo ka Dondashe
Kwa nenkosikazi, unina ka Kondile?
Ndifuna nonyaka ndibe nay' ucishi
Endizicishele ezingelosini.
Sitamsanqele ke tina baseleyo
Empilweni yetu, kwa nase ntlalweni,
Kangela imfuyo, kangela ulimo,
Kangel' ukubila kwa nezivubeko,
Kangel' intsebenzo, Tixo sikelela!
Kangel' amaxego, namaxegokazi.
Kangel' imilwelwe, izicokovane,
Sebenz' impiliso, wenz' imvuselelo.
Imvula yitobe, kamnandi nonyaka,
Ubetis' impepo, esb'ak'ab'akeni.
Kangel' inkedama ezinezidlubu,
Endawo sezise mazants' amaziko
Intwan' ezipile ngamate entamo.
Vusel' u Abraham, onyana nentombi
Kwezo ntsinekana ezine zidlubu,
Kangel' abahlolo, nabahlolokazi

and his son Sodelashe,[8]
men swifter than the chief,
men stronger than a lion.
They left not at sundry times,
but together to journey on high.
What have you done with Jotelo's son,
a veterinarian, so small a child?[9]
Which angel is he, this son of Dondashe
with his wife, Kondile's mother?[10]
This year I want to draw lots
to select one of the angels
to bless us who stay behind
in health as well as in life.
Observe the stock, observe the crops,
observe the sweat, observe old pains,
observe our labours, God bless them all!
Observe the aged men and women,
observe the frail and the destitute,
foster health and revival.
Bring us plentiful rains this year,
raise a gentle breeze in the sky.
Observe the orphans, bellies burnt[11]
from finding places below the hearth,
young ones surviving on nothing but phlegm.
Raise sons and daughters for Abraham
from those children whipped and scarred,
observe the widows and widowers,

8. Njalatya (Warrior) was one of Maqoma's praise names. Sodelashe cannot be identified, but he may be Kona's son Ndamase, also known as Kumkani.
9. Jotelo Festiri Soga (1865–1906) son of Tiyo Soga. Tiyo's father Soga was the son of Jotelo.
10. Dondashe was the son of Ngqika and Suthu. Kondile was Nathaniel Cyril Mhala (1843–1920). According to Mqhayi (2009: 172–3), "*Unina ka Kondile ngu Mtsekazi, intombi ka Matiwana, udade bo Mhlontlo inkosi yama Mpondomise*" (Kondile's mother is a woman of the Tse clan, the daughter of Matiwane and sister of Mhlontlo the Mpondomise chief).
11. Kropf defines *isidlubu* as a "brownish mark of burning on the stomach, got from sitting too much over the fire" (1915: 83).

Abondl' inkedama, bezpete ngamenyo,
Kangel' udederu lonyana bezisu,
Qeqesha Somandla, naso k' isihlwele!
Liyemka ilanga lomhla wesibini!
Yabinz' inkwenkwezi, ikushumayele.
Finyis' imbuxuka ezinemikunyu
Ezidolopini nasezilalini,
Ezitolosheni, ezibhulasini
Ngalonyaka mtsha ka 1907.
Kangel' amalinga etyalike
Ezifuna imbedesho ngokwa lomhlaba.
Kangel' u Kumkani, owase Britani,
Menz' isis' esihle, afum' amatambo
Mnik' ukunyakama kwenkaba yake.
Kulonyaka wako ka 1907.
Kangel' izwe letu,
Usigcinele side sikule,
Lingemkanga nezizwe
Kuba nati asifuni lizwe lamntu.
Kangel' ama Linga esipete wona,
Okwaka ubunye ngapakati kwetu,
Ozi Ngqungqutelela kwa nozi Kumbuzo,
Ama Sebe azo ne Komiti zazo,
Abapati bazo kwa nenjongo zazo.
Dal' imvisiswano, hlaziya ubuntu.
Kukwanqe nentshaba ebezigculela.
Sikelel' ipepa eli "Zwi Labantu,"
Ulinik' umqolo, ulinik' ikhaka,
Ulip' inyaniso, ulongeze ngomdla
Nabapati balo, nabax'asi balo.
A! Sidokodoko!
Sigodokazi somnyamanzi
Esisezants' enzongonzongweni yesiziba,
Ndinguye ka Ndinguye,
Siqalo nesipelo,
Alefa no Omega.
Batsh' onyana balomhlaba,

who feed orphans with none to help them.
Observe the hordes of bastard sons,
there are the crowds, Almighty, control them!
The sun sinks on the second day!
The shooting star preached about you.
Clear snot from overfed bodies
in town and in the country,
in servants' quarters and farm workers' houses
in this new year of 1907.
Observe the efforts of churches,
who need prayers as in the secular life.
Observe the king of Britain,
strengthen his stomach, make his bones sturdy,
keep his navel moist.
In this your year 1907,
observe our country,
keep it for us until we're mature,
safe from other nations:
we lay claim to no one's land.
Observe the efforts we're making
to build accord amongst ourselves,
congresses and memorials,
branches and committees,
their leaders and their aims:
foster harmony, restore compassion.
Stop jeering foes dead in their tracks.
Bless the newspaper *Izwi labantu*,
give it strength, give it a shield,
hand it truth, augment its interest,
its managers and supporters.
Hail! Heavy Block!
Weighty log of the hook-thorn tree
found deep in the river pool,
he's I Am, son of I Am,
Alpha and Omega.
So say the sons of this land,

Bentombi zama Afrika,
Batsho beziyaleza
Kwimfazwe zentlalo,
Kumadab' obu bom,
Kuhambo lweli lizwe,
Nik' amadod' ukum' enyanisweni,
Nik' abafaz' ukubinq' omfutshane.
Nik' umlisel' ukukwaz' ukuputshuka,
Uputshuke kwintambo zo Satasatana.
Nik' umtinjan' ukuba neratshi
Uzidle ngamagam' oyise,
Ukwazi naw' ukupasuluka
Kwintambo-ntambo zakwa Mcengacengi.
Nang' ungena k' unyaka,
Singabasapanyazayo,
Sibulela esinako,
Asikwazi okuzayo.
Mvula Mayine.
Ewe, Mayine.

sons of African daughters,
they say so soliciting help for themselves
in wars between different creeds,
in the battles of this life,
through this country's journeys.
Give the men roots in truth,
give women a state of readiness,
give young boys the skill to elude
the fetters of fripperies,
give the girls cause for pride
to boast of their fathers' names,
so they too have the skill to resist
the many bonds of the Flatterer.
There the new year entered,
and came on us still blinking,
grateful for what we have,
not knowing what's to come.
Let the rain fall.
Yes, let it rain.

10

Sise kwelidala! Singama Britani!!

Eli Tabu lanamhla, ndilisingisa kwigqala, eliminyaka isondeleyo kwikulu elimanci mabini libudla ubom, likwimitombo ye Teko, kulo Tele usoMgauli, into yakwa Togu kwa Ngconde. Njengegqala ke yena, uyakuba namalungu awudluleyo owake um-mizo, enditi ke lawo wowaxhoma elutangweni ukuze kungabiko nto ilahlekayo, ako amadodana.

Izigqibo ze Komfa leyo, ababusuluzelanga bonke ukuziginya kwabo, nabazizihlobo zayo. Kodwa kuko zintshwenyana zitile, zipume ngokwe nkowane, ezingayibonelanga luto nenqu ndibano leyo;—ngonyana bonina ke abo.

Ngako oko ke yitini kulomavezandlebe, kwezompeleru, kulomagqwetanyaniso, kwezonyoka,—mazivale eyazo imilomo ezizihogo, kuke kutete onyana bamadoda, ziti ukuba ilwimi zazo ezinamaxhayi azivumi kuzola, zizihlohle ngotuli ziyakwanela:—

Bota ke wena wasema Nyangeni!
Bhotake wena wemihla yase Tambo!
Ogcinwe yinkosi kwade kwanamhla.
Kuz' ubon' izimbo zonyana bonyana.

As we've always said: we're British!! (1908)

I dedicate today's contribution to a veteran who is nearing 120 years of age. He lives at the Teko Springs at the home of Tele, the father of Mgauli, who lives in the territory of Togu, of Ngconde.[1] As a veteran, many pieces of meat probably bypassed his throat, of which I say he should hang those up on the cattle kraal so that nothing gets lost, there are still some men left.

The resolutions of this Conference[2] were unopposed by all the people and its well-wishers, but there are some disgruntled people who have sprung up like toadstools and who paid no attention at all to the gathering; – those are mothers' babies.

Therefore, tell those immigrants, those deceivers, those truth-twisters, those snakes – they must shut their hellish mouths, so that fathers' sons can talk, then if their forked tongues refuse to be quiet, they should stuff their mouths with dust, that would suffice:–

Greetings to you of the Ancestors!
Greetings to you of the days of Tambo,
who's been spared by the Lord until now
to see your sons' sons' lifestyles.

1. Togu is the son of Sikhomo, and Ngconde is the son of Togu, in the Xhosa royal line.
2. The conference, held in Queenstown on 27 and 28 November 1907, was "a decisive moment in the evolution of a united black front against white domination" (Odendaal 2012: 340). It was promoted by *Izwi* and members of the SANC in response to the perceived threat of a federal union between the four colonies, and was attended by representatives of the (coloured) African Political Organisation, but boycotted by John Tengo Jabavu, editor of *Imvo*, and his largely Mfengu supporters: see Odendaal (2012: 339–43).

Indab' idiliziwe emdeni welaba Tembu
Umz' uhambile wade wagabadela
Namhl' ujikwa zizo kwa Nqanda-ngopondo
Kukalim' umntu kwa Gompo, wat' apel' amahlati!!"
Wat' "Inguqu kunje konke kunkongolo"
Zahlokom' intlanjana zaya zaliwel' i Gqili
Satet' isigodlo kwapendul' owakwa Hintsat
Owakwa Cwama kwa Makabalekile
Latsh' ixilongo kwashukum' umntu kwa Ndaba
Wat' owakwa Hala wahlabel' owakwa Gcina
Owakwa Ndungwana wahlabel' owasemaQwatini
Zazalis' izizwe kwelika Komanisi
Yoz' ibhodle lukul' intaba ka Lukanji min' itetayo.
Sise kwelidala, singama Britani!!

Siye sitingaza singamise ndawo
Sizele zihluku nayimpindezelo
Sizele yinkwitshi inqambi yentlanga
Sizizipitsolo nakukuqunjelwa
Sibhodl' izabongo sitet' intshongoqa.
Yahlanzis' i Komfa, yatsho yagutyula
Yaqengq' iziqosho yagil' izigodo
Yabakup' oquwe, kwagatywa kwarudwa
Yatsho kwagabuka saziv' imizimba
Saqonda kakuhl' ukulahleka kwetu
Taru mfo ka Tele! Taru mfo wakwa Gwali!!
Sise kwelidala, singama Britani!!

The news was divulged at the Thembu borders,
the nation's grown too rapidly.
Today the border's at Nqanda's Kraal.[3]
Someone in Gompo said "The truth is out!
Turn back, there's no other way."
Rivulets roared across the Orange.
The horn sounded; Hinsathi's people replied,
the Khoi living with Makabalekile.[4]
The horn sounded; someone with Ndaba stirred.[5]
With the Hala a Gcina called men to arms,
with the Ndungwana a Qwathi called men to arms.
Nations flocked to Queenstown.
If it could speak, Lukhanji'd burp stories.[6]
As we've always said: we're British!

We came uncertainly, fixed on nothing,
filled with grudges, seeking revenge,
filled with slights, shunned by strangers,
swollen and bloated,
belching bad breath, mouthing abuse.
Conference purged, swept out the dirt,
rolled away logs, shoved blocks aside,
expunged trivialities, probing, cleansing,
expelling, soothing our bodies,
making us see how lost we were.
Peace, son of Thaele! Peace, man of Gwali!!
As we've always said: we're British!!!

3. This is a speculative identification with Nqanda the chief in the Right Hand House of the Tshomane, a Mpondo group, whom William Shaw met in 1829: see Hammond-Tooke (1972: 161). Skead identifies Qanda's Kraal with Ngqeleni (Skead 2001: 572).
4. Hinsathi was a Khoi chief living near Somerset East in the early eighteenth century. Makabalekile was a senior councillor of Ngqika's (Rubusana 1911: 531).
5. Ndaba was the son of Zondwa in the Thembu royal line.
6. Lukhanji is the mountain known as Hangklip near Queenstown.

Az' upin' umtaka Ngangelizwe ka Mtirara?
Az' upin' umtaka Novili wentombi ka Sarili?
Nimtenin' ukumfundisa[1] lomtana mabandla ka Ndaba?
Animxelelanga nu' ukuba lomhlab' umiwa ngobudoda.
Animxelelanga n' ukub' amadod' apa mabini
Amadod' apa ngu Rulumente no Njanya ka Mbulali?
Animxelelanga n' ukuba ama-Mfengu la ngamakwenkwe,
Isidlo sawo ngumncancho nomtinto
Umenza ntonina k' oka Bikitsha pay' e Bhungeni?
Akufun' ukudlalisa ngemidongwe yomhlab' ontlaluntlalu
Buyel' emadodeni Bhexesh' ilanga ka Ngangelizwe
Lowo ka Mabhidhli siyamazi tina base Tsitsikama
Lomhlab' ukuwungena kwake uwungene ngobuntamo.
Lomhlab' ukuwuma kwake uwume ngobuhumba.
Lomhlab' ukuwupuma kwake uyakuwupuma ngokompunzo.
Sise kwelidala, singama Britani!!

Maziyifundisw' intlanga lengom' amadoda
Ngwevu yase Bumbana neyase Lupapasi
Zinikana ngobugqi kobakwa Mshweshwe
Mfene yoka Ntshanga neyoka Xashimba
Ositwenyana nokalelwe zinwele zake
Zidlal' e Msintsileni kude kupum' ilanga
At' umfundis' apume ngokutshayelela
Epet' odolosi nendawule zakwa Matiwana
Encediswa yinto ka Mgcodo yakwa Mpikwana

1. *ukumfandisa*

Where's Ngangelizwe, son of Mthikrakra?
Where's Novili's child, Sarhili's daughter?[7]
How have you treated this child, Ndaba's people?
Didn't you tell her this world's led by men?
Didn't you tell her there're just two men here,
the men here are Government and Mbulali's Njanya?[8]
Didn't you tell her the Mfengu aren't circumcised?
They eat *mncancho* and creamy child's milk.[9]
What are you doing to Bikitsha's son at the Bunga?
You don't want to play with clay that feels gravelly.
Return to other men, Ngangelizwe's Bhexeshilanga,
we know that son of Mabhidli at Tsitsikamma.[10]
His entry into this world was stiff-necked,
his stay in this world was like smut in corn.
He'll leave this world like a beast aborting.
As we've always said: we're British!!!

Let strangers be taught this song, men,
old men of Bumbana and from Lupapasi,
exchange enchantments from Mshweshwe's land.
Baboon of Ntshanga's son and Xashimba's,
stumpy with patchy hair,
who played at Msintsileni till sunrise,
when the priest emerged to offer encouragement,
bearing the Matiwane family's divining bones,
assisted by Mgcodo's son from Mpikwana's territory,

7. The daughter of the Gcaleka chief Sarhili, Nomkafulo (known by the Thembu as Novili), was beaten by her husband Ngangelizwe, the Thembu chief. Ngangelizwe was also held responsible for the murder of Novili's bridesmaid, her sister Nongxokozelo: see Soga (1930: 248–54, 484–6).
8. Njanya is an ancestor of the Zima, a Thembu clan.
9. Kropf defines *umtinto* as "sweet milk which has been put aside to form cream, and which grown up people may not drink" (1915: 412). The noun *mncancho* is unknown.
10. The Zizi leader Veldtman was the son of Bikitsha, the son of Mabhidlili. According to Mqhayi, he was one of a Mfengu group who migrated to the Tsitsikamma forest: see Mqhayi (2009: 52–61).

Int' ezide zagcwayelana ngomgubo ka Pezulu
Zat' ukuyiteta lonto "lulwendiselwano."
Nakulugcin' usapo mtaka Sondlo noka Falati
Lungagqit' imikondo luyakwenzakala.
Ingom' iny' emayifundisw' umlisela nomtinjana:
Singama Britani, Singama Britani!!

Zitaten' iziqwala nizipos' ekungeneni kwemilambo
Kuba ziyawona lomhlaba ka Xosa ka Zwide
Zinanin' ukuba ziwuncunze ngezinti
Zibe ziwongez' imihadi nezigingqi.
Zitaten' imfama nizilahle kwakona
Ziyawon' lomhlaba ka Xosa ka Luhlanga
Zinanin' ukuba ziti zihamba zibe ziwupumputa
Zinanin' ukuba ziti zihamba zibe ziwuvavanya
Azibonin' ukuba siwuqilingel' ukuwuseka ngegazi?
Zitshabalaliseni zonk' izifombo.
Kuba ziwugxekile lomhlaba ka Xosa ka Njanya
Zitenin' ukuz' ukumila zikufumbe ndaweninye
Kanti nje lomhlab' ufun' imiceya nemidondosholo
Yifundiseni ingoma ye Komfa yifundiseni:
Sise kwelidala, singama Britani!!

Impumlo yezizwe ngama Bandla ka Rarabe
Zipulushe ngayo kwimfazwe yenkanunu nesinandile
Zisapulusha ngayo kwimfazwe yomhlalapantsi
Tetani bakwa Ndungwana nabakwa Gcina
Nina bakwa Tshatshu hlabelan' i Ngoji
Nis' ilizw' lingumqumbi kwa Hala
Niti "nonyak' impuml' iyonakala
Kuba kad' intsilwa zingqele nangamazolo."
Maze nilitabate nina bakwa Hala

those who sprinkle each other with Heaven's Powder,[11]
referring to it as "intermarriage".
Look after Sondlo's and Falati's family,[12]
so they don't tread witches' paths and come to harm.
Boys and girls must be taught just one song:
We're British! We're British!!

Cast cripples into the meeting of rivers
because they spoil the land of Xhosa, of Zwide.
Why do they eat curds pinched between twigs,
stamping pits and ruts into the ground?
Take the blind there and toss them aside,
they spoil this land of Xhosa, of Luhlanga.
Why do they grope about as they walk?
Why walk about testing the footing?
Don't they see we've bonded it firmly with blood?
Destroy all the hunchbacks
because they've mocked this land of Xhosa, of Njanya.
Why did they heap their all in one pile?
Yet this land needs well-rooted yellowwoods.
Teach this Conference song over and over:
As we've always said, we're British!!

The nations' nose is the Rharhabe people,
they led with it in the war against cannon and snider,
they still lead with it during the clandestine war.
Speak out, Ndungwana and Gcina,
Tshatshu, raise the warsong,
take the country, ready to bud, to Hala's place,[13]
say "this year the nose is smashed,
battered by colds and the dew."
Take it up, you Hala,

---

11. A toxic powder.
12. J.W. Sondlo of Lesseyton; Nkohla Falati of Mgwali.
13. Ndungwana, Gcina and Tshatshu are Thembu clans; the Hala are the Thembu royal family, named after Hala son of Dlomo.

Niliweze liye kwa Matiwana kwa Myeki
Kwi Sibekeb' esisibhebhe sakulo Yokazi
Nit' impumlo yezizwe nomyak' iyonakala
Kuba kade siyiyekele ngengqele nangamazolo.
Maze nina bakwa Velelo niliweze
Nilisingise kuma bandla ka Malangela
Kulomzi mkulu wakulo Ngqungqushe
Ningamshiy' u Nyawuz'okad' akile
Niti "siyibon' igcabile nonyak' impumlo yesizwe
Kuba siyiyeke kakulu zayintlitantlit' intlanga."
Maze ningafiki kwa Senzangakona
Kumabandl' e Mbumbul' ecim' umulilo
Siyakumweza ngenqanawa umtunywa osinga kona.
Maze ningafiki kwa Mshweshwe kwele Nduku.
Siyakubatumela ngencwadi sivumelane
Ngokunjalo kwelaba Hlambeli nelama Ndebele
Ngokunjalo kwelama Swazi nelaba Tshopi
Okwakaloku masiqondisise kulengoma:
Sise kwelidala, Singama Britani!!

Igqibile i Komfa igqibile
Igqibile mzukulwana ka Gciniswa ndiyakuxelela
Ngade kushukum' u Solufefe, i Atshibishopu e Kapa
Ipendul' i Bishopu e Rini kwelika Nxele
Atet' u Mhlekazi i Ruluneli
Ifikis' incwad' ingqanga ka Jemsana
(Ingqanga ngokwenene yona ntaka yasemfazweni)

take it over to Matiwana at Myeki's place,
to Flaps With Flippers of Yokazi's home.[14]
Say the nations' nose is smashed this year
because we exposed it to colds and dew.
You of the Velelo family, take it across,
direct it to Malangela's people,
in the Ngqungqushe Great House
and don't leave Dakile's Nyawuza behind,[15]
say, "This year we see the nations' nose has dried
because we let it be pummelled by strangers."
Don't go as far as Senzangakhona's place,
people whose bullet extinguishes fire.[16]
We'll ferry the messenger there by boat.
Don't go as far as Mshweshwe's land of staves.
We'll send them a letter and reach agreement.
The same applies to the land of the Hlambeli and Ndebele.
The same applies to the land of the Swazi and Tshopi.
As for now let's confirm this with this song:
as we've always said, we're British!!

Conference ended, it's finished,
it's finished, Gciniswa's grandson, I'm telling you,[17]
even if His Grace the Archbishop stirred in Cape Town,
the Bishop of Nxele's Grahamstown replied,[18]
His Honour the Governor commented
after Jameson the Great sent a letter
(the true bateleur, that bird of war)

---

14. Myeki was a Mpondomise leader.
15. Velelo was the son of Gcaleka in the Right Hand House; Malangela was the father of Mpondo in the Great House; Ngqungqushe son of Nyawuza was himself the father of Faku of the Mpondo.
16. Senzangakhona (1762–1816) son of Jama was a Zulu ruler, the father of Shaka.
17. Gciniswa was the father of Noyi, who had eight sons, among them Makaphela. Their family took the surname Balfour after Noyi's baptismal name, Robert Balfour: see Gqoba (2015: 286–9).
18. Nxele (also known as Makhanda) led an attack on Grahamstown in 1819.

Egameni lo Rulumente wase Koloni
Zitetan' i Ntloko zama Bandl' Embedesho
Ngade ziwel' i Ncwadi ziye kuwa ku Lord Elgin
Zit' ukupuma zapuma ngo Hatshisini
Zat' ukubuya zabuya ngo Lord Selbona
Zapamban' incwadi zaxananaza
Wayitat' oka Notolo wayiwez' u Tsukela
Wayitat' oka Heka wayipumez' ulwandle.
Wapendul' oka Hendisini kwelika Gaveni
Way' etelela kwelo mveleli-Ntloko yama Tiyopiya
Lengoma yifundiseni ebantwaneni
    Sise kwelidala. Singama Britani.

Lengqomb'o Nosantso' iyakwaz' ukuhlabela
Az' iyitenina lengom' ixak' amadoda?
Ayiriliz'ama Cwama kwawafanela
Ayingqumshel' ama Tshiwo atsho nge zidili
Eli Gqir u Dulamana liyakwaz' ukuhlaba
Kuba lingen' esizibeni lalirol' icanti
I cant' elipet' *um-mino* ngomlomo
Lafik' e Komfeni laliqangqulula
Bavel' o Menemene no Sawala
Amagqwir' amakul' abulal' uhlanga
Ngokub' esit' ukuhlamb' ahlamb' e Palamenteni

on behalf of the colonial government.[19]
Religious leaders consulted each other,
letters even crossed the sea to Lord Elgin,
dispatched, sent off by Hutchinson,
returned, brought back by Lord Selborne.[20]
Letters crossed and circulated,
Notolo took one across the Tugela,
Heka took one across the sea.
Henderson of Lovedale replied[21]
in support of the Ethiopian Provincial.
Teach this song to the children.
As we've always said, we're British!

This dark-brown one from Nosantso's home[22] knows how to lead a song,
how did he handle this song baffling men?
As usual the Khoi sang it out of tune.
The Tshiwo sang bass with exclamations.
This doctor Abdurahman[23] understands divination:
he entered the pool and tugged *ichanti*,
which holds *um-mino*[24] in its mouth
and, arrived at Conference, it slashed it open
and Merriman and Sauer emerged,
great wizards who've killed the nation
because they clean themselves by washing in Parliament,

---

19. Leander Starr Jameson (1853–1917), prime minister of the Cape Colony from 1904 to 1908.
20. Victor Alexander Bruce, 9th Earl of Elgin (1849–1917), colonial secretary 1905–08; Walter Francis Hely-Hutchinson (1849–1913), governor of the Cape Colony 1901–10; William Waldegrave Palmer, 2nd Earl of Selborne (1859–1942), South African high commissioner 1905–10.
21. James Henderson (1867–1930), third principal of Lovedale from 1906 to 1930.
22. Allan Kirkland Soga (1862–1938), editor of *Izwi*. He and his three brothers (John Henderson, William Anderson and Jotelo Festiri) were the sons of Tiyo Soga and Janet Burnside, whose Xhosa name was Nosantso (Mqhayi 2009: 236). On Tiyo Soga see Chalmers (1878) and Williams (1978, 1983).
23. Abdullah Abdurahman (1872–1940), president of the African Political Organisation 1905–1940: see Raynard (2002).
24. *Ichanti* is a fabulous, hypnotic water-snake. The noun *ummino* is unknown.

Apo sisela kona tina mz' untsundu.
Eli lizwi asilam, lele Komfa:
    Sise kwelezolo singama Britani.

Nangaya! Nangay' amakwenkw' ebizana ngezikoko!
Incum nemvalo zifeziwe ngamadoda.
Inxhaxheba zonke zabiwe zagqitywa
Kwasal' o ngcengcengce inyama zamakwenkwe
Maze niwagcin' angenzakalisani
Ngokubizan' imingeni nangoku culana
Ngamabandl' afuman' alwe ndiyanixelela
Ngalomtinto nalomnchancho wasezi bozi;
Won' afumen' imvaba, ndiniqondisi[le]
Maze tina senze lento ndinike ice[bo]
Maze kuti x'apaka [. . .]
Kwa Nokugca [. . .]
    Situmel' igq[iza]
    Liwaraqe liw[a]pahla,
    Lize ke liwenze[. . .]
    Singama Brit[ani]

Izimbo Ziquluba [. . .]
Ishiyele kuw' i Komfa nto ka Zwedala
Andikushiyi nto ka Mqanda neka Pamla
Ndinifaka ndawonye ukuze nifelane
Ngokupahl' indlu yakwa Radebe
Ngowakwa Mafu nowakwa Bhungane
Ngabakwa Mlotywa kwa Mpangazita
Uvile kambe nto ka Tunyiswa
Tole le Ngwana lili Ngwana nalo

where we black people drink our water.
This voice isn't mine, it's the voice of Conference.
    As we've always said, we're British!

There they are, boys calling each other in order!
The brisket and breast meat were eaten by men.
The portions have all been distributed
leaving only the dripping as meat for the boys.
Make sure they don't hurt one another
by challenging and provoking each other
I tell you they're folk quick to fight
over sweet milk and churned breast milk
found in a milk sack, believe me.
We must follow advice I give you:
just when [. . .]
and [. . .]
    We'll send a troop
    to besiege and ring them
    and make them [. . .]
    We're British!

The styles [. . .]
It's left Conference in your hands, son of Zwedala,
I'm not bypassing you, sons of Mqanda and Pamla,[25]
I've grouped you together to die for each other
in guarding the house of Rhadebe
with a Mafu and some from Bhungane's houses,
with Mlotywa of Mpangazitha's house.[26]
Tunyiswa's son has also heard,
Tole, son of Ngwana also a Ngwana.

---

25. Thomas Mqanda (d. 1915), president of the SANC, was a farmer and headman in Peddie. On Pamla see item 2, note 9.
26. Mlotywa was an alternative name of Bhungane of the Hlubi; Mpangazitha was Bhungane's son in the Right Hand House.

Maze namhl' ulwe ngokwe Mfecane
Maz' uhlab' unin' uhlab' udiza
Yenjenjal' i Mfecane sikuxelele
Lomhobe ngumhobe wohlanga
    Singama Britani. Singama Britani!!

Nivile kambe mafa-nankosi
Nivile kambe zintwala-ndwe zomzi [. . .] Britani
    Anixelelwa ndim senive kade ngaba [. . .] wenu

Ukuxents' okunomkita kokumisa ngaxag[i]
Ingom' enamandla ngumqukumbelo
Ingom' abakweta ngum-Yeyezelo
Eyomdudo yeyokukupisana kwezintlu.
Umtabata ngumpiwano [wez]andla
Yimbumba yamanyam' eli[. . .]
Umzi wezikolo liwuyile k[. . .]
Zapikel' ukuqomfa zilah[. . .]
Namhl' u Tixo zizaku[. . .]

    Wa Mtikala! Wa [. . .]
Wa kwedini yakokwetu [. . .]
Lovoti yako likak[a l]omzi wakowen[u]
Lovoti yak[o li]rele lohlanga lwako
Lovoti yako yinto yako yokubulal[a]
Lovoti yako yinto yako yokudliz'[. . .]
Yiva ke eli lizwi liya kunyana ka [. . .]

Fight today as in the Mfecane,[27]
stab all that stands in your way,
that's how it was in the Mfecane, we're telling you.
This anthem's a national anthem:
We're British! We're British!!

You Die-Hards[28] have heard,
you've heard, crane-crested heroes of Britain.
You haven't been told by me, but by your own people.

The most striking dance mimics a boy's style,
the most powerful song's the *umqukumbelo*,
the initiates' song is *umyeyezelo*,
the *umdudo* opposes lines of singers,
the *umtabata* has people clapping in time.
It's a ball of scrapings[29] [. . .]
The school group's amazed [. . .]
They persist in abortions and [. . .]
Today they [. . .] God.

Hey, Mtikala! Hey, [. . .]
Hey, hometown buddy [. . .]
Your vote's the community's shield.
your vote's your nation's spear,
your vote's an instrument of death.
Your vote's a bludgeon [. . .]
Hear this word directed at [. . .]'s son,

27. The Mfecane usually refers to the marauding Ngwane led by Matiwane (d. 1830) son of Masumpa or the disruption they caused between about 1818 and 1828: on Matiwane and the Ngwane, see Msebenzi (1938).
28. *Amafelandawonye* (literally, those who die together) and *amafanankosi* (those who die with the chief) were veteran warriors who formed the chief's bodyguard.
29. *Imbumba yamanyama* is a phrase coined by Ntsikana referring to the indissoluble unity that comes from compacting the individual scrapings from an animal pelt.

Pulapula ke lengoma iya ku Makapela
Ivela kwi neterhu intsimb' edl' ezinye
Ivela konyana wo Nomenti, umfo ka Qashani
    Sise kwelidala, sise kwelezolo
    Singama Britani! Singama Britan[i]!!

listen to this song going to Makapela,
sent from Iron-Eating Iron,
sent from the son of Nomenti, from Qashani's son.[30]
As we've always said, we stick to our word:
We're British! We're British!!

30. Nomenti was the married name of Mqhayi's mother; she was Qashani, the daughter of Bedle, who married Ziwani, Mqhayi's father. *Intsimb'edl'ezinye*, iron-eating iron, is a praise name for Mqhayi, signifying power: he is tough as iron, but tougher than iron.

11

I Kresmesi 1907

"Wamzala unyana wake wamazibalo." Luke 2:7

Abalesi balomhlati ababanga nakuxola kukungawuboni nonyaka. Ukwenjenje noko sekusemva, kukuhlaula elotyala, kuba kutiwa asinto ibolayo ityala.

Lavel' i-Kwezi, i Kwezi lomso,
'Zwe malixole, 'kolo ludume.
Tatalahote lavela!

Tatalahote! huntsh' e Nyangweni!
Pakam' ukanyo[1] lukufikele,
Tatalahote lavela!

Bongan' u Yise, nimang' u Nyana,
Rolan' ibhaso nenz' umnikelo,
Tatalahote lavela!

Ngumfo wentombi livela tanci
'Ngcambu ka Jese, litye lembombo;
Tatalahote lavela!

1. *ukanye*

Christmas 1907 (1908)

"She gave birth to her first born, a son." Luke 2:7

The readers of this column were disappointed not to see it this year. This belated effort is aimed at repaying that debt, since a debt never rots.

Venus has risen, star of the morning.
Peace to the country, the triumph of faith.
Listen, it's risen!

Listen! Victory in heaven!
Arise, the light's come to you.
Listen, it's risen!

Praise the Father, embrace the Son,
take out the gift and make an offering.
Listen, it's risen!

It's a maiden's son, the first-born,
Jesse's root, the corner-stone.
Listen, it's risen!

Bingelelani, Kuf' izitandwa
Njengakwa Juda ekwaf' intsana,
Tatalahote lavela!

Wakal' umfazi latsaz' igazi,
Lahlab' igqira lapil' ilizwe,
Tatalahote lavela!

Nawe Topiya unenxaxheba,
Tabat' okwako wabel' abako,
Tatalahote lavela!

Tabat' okwako ndiyaqokela,
Tabat' okwako udlis' abako.
Tatalahote lavela!

Tyapil' uzalwe zibulo ndini,
Tyapil' ukaule ntwazana ndini.
Tatalahote lavela!

Magwalandini, marwanqandini.
Zimfama ndini, matambondini,
Tatalahote lavela!

Namhla luxolo, namhla luyolo,
I Nkos' izelwe sinekokwetu,
Tatalahote lavela!

Wa Tiyopiya! wa Tiyopiya!
Ngange ulazi oko lingako
Iqasho lako, iqasho lako.
Tatalahote lavela!

Make a sacrifice:[1] dear ones have died,
as babies died in Judea.
    Listen, it's risen!

The woman cried out as blood spouted,
the doctor stabbed, the world was healed.
    Listen, it's risen!

You've also been honoured, Ethiopia,[2]
take your share to hand to your people.
    Listen, it's risen!

Take your share, I repeat,
take your share and feed your people.
    Listen, it's risen!

It's good you were born, first-born,
it's good you conceived, young maiden.
    Listen, it's risen!

You cowards, you Bushy Beards,
you sightless, you bones,
    listen, it's risen!

Today there's peace, today there's joy,
the Lord's been born, we have a home.
    Listen, it's risen!

Hey, Ethiopia! Hey, Ethiopia!
I hope you know the magnitude
of your chosen share, of your chosen share.
    Listen, it's risen!

---

1. Kropf defines *ukubingelela* as "to slaughter and offer for a child (not for twins) at its birth, on the day the mother ceases lying-in, which is done by the father or a man of the village, not by the priest-doctor" (1915: 36).
2. Kropf defines *inxanxheba* as "the right hindquarter of a slaughtered bullock claimed by the chief or one of his servants for him and eaten in the fields away from the *umzi*; meat sent by a superior chief to one under him" (1915: 298).

12

Umnyak' Omtsha 1908

"Lenyanga yintloko yenyanga." Kes. 12:2

EBINIZALA kude kwalapa
Sisagciniwe pantsi kwe kwapa,
Zatsh' inqwitela kunye nendlala,
Zatsh' izanzwili zisivutela.
Zabhubh' inkomo lagqats' ilanga
Batsha nabantu zavuy' intlanga.

EBINIZALA kude kwalapa
Silondolozwe pantsi kwekwapa,
Bekuyizolo ngomhla weleqe,
Nomhla wemfazwe, owezirweqe.
Nemikalimo "Izwe lifile!"
Pezu kwenduli, namhl' ipelile.

EBINIZALA kude kwalapa
Siqoqoshelwe pantsi kwekwapa,
Nanz' izikali zingamakhuba
Nank' umhedeni namhl' uyahluba

New Year 1908 (1908)

"This month shall be the beginning of months." Exodus 12:2

Ebenezer's[1] been with us up to today,
we've been held safe in his armpit.
Tempest and famines struck us,
deafening roarings tumbled us.
Cattle perished, the sun scorched,
and people flared, while strangers rejoiced.

Ebenezer's been with us up to today,
we've been protected in his armpit.
Yesterday was the day of the dowry ox,
the day of war, of assegais,
of war cries, "The country's at war!"
On the hilltop these cries are heard no more.

Ebenezer's been with us up to today,
we've been secure in his armpit.
Here are the weapons, they're ploughshares,
here's the heathen, moulting today,

1. Ebenezer is the name of a stone Samuel set up to commemorate the Israelite defeat of the Philistines at Mizpah (1 Samuel 7:12).

Izivivane ezakudala
Zihayelelwe ziyonakala

EBINIZALA kude kwalapa
Sisakuselwe pantsi kwekwapa.
Izivivane zaleminyaka
Ziyaguguma ziya zinyuka
Neziqumiso kwa namadini
Ay' e Troneni yase Zulwini.

EBINIZALA kude kwalapa
Sinqatyisiwe pantsi kwe kwapa,
Leyo ngonyama isiposile
Dana Satana sikoyisile,
Apo sikona sesipambili
Zingesifik' ezak' izikwili.

EBINIZALA kude kwalapa
Sisancediwe pantsi kwekwapa
Nangu lomnyaka usifikela
Nantsi nemvula siyitotyelwa
Nali lipuma nalo ilanga,
Kuyo lentloko yazo inyanga.

EBINIZALA kude kwalapa
Sisancediwe pantsi kwekwapa

the cairns[2] of old
crumble disused.

Ebenezer's been with us up to today,
we're still sheltered under his armpit.
The cairns of the years
swell, growing in height,
the incense and the sacrifices
reach up to the heavenly throne.

Ebenezer's been with us up to today,
we're firmly in his armpit.
That lion has missed us.
Confound you, Satan, we've conquered you,
we're way in front where we are:
your lance is unable to touch us.

Ebenezer's been with us up to today,
we're still assisted in his armpit.
Here's this year approaching us,
here's the rain sent down on us,
here's the sun emerging too
in this beginning of the months.

Ebenezer's been with us up to today
we're still assisted in his armpit.

---

2. Pahl (1989: 506–7) offers a detailed exposition in his definition of *isivivane*: "a cairn piled up by travellers alongside the road, especially at certain steep or dangerous places, on difficult, tiring, or important journeys; a small stone is cast onto the heap by every passer-by who utters a little prayer to the ancestral spirits for a safe or successful journey, for strength and blessings; on the return journey the traveller casts another stone onto the cairn, and utters a prayer of gratitude saying: '*Enkosi Mhlekazi, omhle, Mhle omkhulu*' (Soga: *Intlalo*), expressing his gratitude for a safe journey or for a successfully concluded mission; formerly such cairns were a feature of the Xhosa countryside but most of them have disappeared; one is still to be seen on a hill at a place called *eSivivaneni* above the Clarkebury Mission Station, Transkei."

Yizani nonke abakowetu
Sizigutyule ububi betu
Sizibekise ku Mncedi wetu
Sizisingise kwi Kaya letu.

Come, all my people,
to purge our iniquities
and turn ourselves to our Helper
and direct ourselves to our Home.

13

I Kilisimisi ka 1908

"Ndiya kumisa ubutshaba pakati kwako nomfazi, napakati kwenzala yako nenzala yake; yona iyakukutyumza intloko, wena ke uyakuyityumza isitende." Gen. 3:15

I Kilisimisi sisizalisekiso sesisiteto sidala singetla apa, esixela ukuba nangona obawo bamqumbisayo u Tixo, noko kuseko ububuya, kuba sisiti kusaya kubako:

Uxolo emva kobutshaba
Ukuputunywa emva kokugxotwa
Ibuyambo emva kokwaliwa
Ukukanya emva kobumnyama
Ukuzola emva koqwitela
Upumlo emva kokudinwa
Uloyiso emva kokucitwa
Intluta emva kwendlala
Ikaya emva kobumbacu
Inzuzo emva kwelahleko
Uvuko emva kokufa.

Ukufika kwe Kilisimisi ludaba olumnandi ke ngoko kwabo bakolwayo sesisiteto singentla se Ncwadi Endala. Ufanelwe kukuti oluqondayo lumcwayitise, onwabe akululeke ukupa izipo ze Kilisimisi, kuba naye amkele ngesisa, efanelwe ke kukuba ape ngesisa, iti yonke into exalabisayo yelipakade ayifumane ukuba iyimvutuluka engemcukumisi nganto yena:

Christmas 1908 (1908)

"I will put enmity between you and the woman, and between your offspring and hers; he will crush your head, and you will strike his heel." Genesis 3:15

Christmas is the fulfilment of the above old quotation which states that although our forefathers angered God, restoration is still possible, and we put our faith in it.

Peace after enmity
Reclamation after banishment
Restoration after rejection
Light after darkness
Calm after storm
Rest after weariness
Victory after defeat
Abundance after famine
Home after exile
Gain after loss
Resurrection after death.

The arrival of Christmas is good news, therefore, to those who believe in the above quotation from the Old Testament. Those who appreciate that should rejoice and be free to give Christmas presents generously, because they received generously, therefore they ought to give generously; everything of this world that gives rise to concern they should regard as dust that in no way affects them.

Nakutshiswa ngamililo,
Nakumkiswa yimilambo,
Nakubetwa yimibane,
Nakucitwa ngamatyala,
Nakupanziswa lirele,
Nakubulawa zindlala,
Nakhafulo lutetwayo.
Hili bateketiswayo,
Namamlambo batengw ayo,
Nazimfene zikwelwayo,
Nantlanga ziqatshulwayo,
Namacanti alanywayo,
Nazingwenya zibizayo,
Nanyoka ziboloshayo,
Nampundulu zicelayo.

Hayi, yonke lonto ayimcukumisi yena, uqamele kupela ngesi siteto simnandi; saye singayikuze simdanise kuba kaloku:

Sesa Lowo ungu Lowo;
Ovula kungavali bani
Avale kungavuli bani.

Ngako oko ke, Imbongi yakwa Gompo, icwayitile, IYABULISA!

Yabinz' inkwenkwezi iteta kuteta!
Yabinz' inkwenkwezi inqhin' elidala.
Yavakal' intsholo yabase Nyangweni

When you are burnt in flames
When you are borne off by rivers
When lightning strikes you
When debts defeat you
When the sword scatters you
When famines destroy you
And muttered incantations
Coddled *tikoloshes*
And hired *mamlambos*
And baboons ridden on
And blood-letting incisions
And glimpsed *chantis*
And alluring crocodiles
And snakes that bore into children,
And lightning birds in search of victims[1]

No, none of those affects them, they lay their heads only on the appealing quotation above; and they will not be disappointed because

It comes from The One Who Is One;
who opens and none can shut,
who shuts and none can open.

Therefore the Gompo Poet[2] rejoices AND GREETS YOU!

The shooting star has much to tell us!
The shooting star confirms the old saying.
The heavenly chorus sounded,

1. The preceding lines mention fabulous, hostile creatures: the *tikoloshe* is a stunted man, also known as Hili; *mamlambo* is a river snake that brings its owner good or ill fortune; the baboon is a favourite familiar of witches, who ride them; *ichanti* is a multi-coloured, shape-changing, hypnotic river snake; *impundulu* is a bird that causes lightning and, by flapping its red wings, thunder. For detailed descriptions of some of these creatures, see Pahl (1989: 716–20); also the glossary of Xhosa terms following the Introduction.
2. Mqhayi's earliest pseudonym was *Imbongi yakwaGompo* (The Gompo poet, that is, the poet of East London): see item 2, note 10.

Ngendumas' enkulu eviw' emhlabeni,
Kuzelwe namhlanje imbanyar' enkulu
Umpati zitshixo zomhlaba nezulu.

Hoyi bemi bomhlaba! Hoyi bemi bomhlaba!
Nipongome ngani ligwetyiw' ityala?
Ngubanin' ongevang' izwi lesigodlo?
Ngubanin' ongevang' izwi lexilongo?
Utetil' entlang' umfo ka Zekariya:
"Yilungisen' indlel' ahamb' uMesiya.

Ityumkil' intloko yalonyok' inkulu,
Liq'aq'iw' itywin' elatyinwa kwamzuzu;
Kuvulek' indlela kwilwandl' ibomvu,[1]
Bonke otixwana namhla babuvuvu
Walete kumkani! siyidle luhlaza
Inzala yenyoka siyenze impanza.

Sivule kumkani siy' ezilalini,
Ezilokishini, ezitolosheni,
Kulapo bakon' abazalwana betu,
Kulapo ikona imfesane yetu,
Singa ngabavisa baluve ngendlela
Udab' olumnandi silu shumayela.

Izwe ligqibile ngu Belizab'ub'e
Zivusele naw' int' ezingenadumbe
Kuk' imipefumlo emayi sindiswe,
Kuk' imipefumlo emayihlangulwe,
Ezelwe nj' u Nyana namhla masivulwe
Izelwe nj' i Nkosi namhla masifunzwe.

"Bobiza njanina bengakolwanga nje?"
"Bokolwa njanina bengakuvanga nje?"

---

1. *Imihobe* has *ezibomvu*.

with widespread rumbling heard on earth,
today the All-Powerful's been born,
keeper of keys to earth and heaven.

Hey, earthdwellers! Hey, earthdwellers!
What's troubling you when the case has been settled?
Who hasn't heard the horn blast?
Who hasn't heard the blaring trumpet?
Zechariah's son[3] spoke in the wilderness:
"Prepare the way for Messiah to tread."

This great snake's head has been crushed,
the seal briefly sealed has been ripped,
a road's been opened across the Red Sea,
all today's idols are worthless.
Give us leave, king! Let's eat it raw!
Let the snake's offspring be scattered.

Admit us, king, to the districts,
to locations and to farm shacks,
that's where our relatives are,
that's where our birth cord is,
we wish we could make them hear clearly
the good news that we preach.

The world's been destroyed by Beelzebub,
raise for yourself tremble-free structures;
there are souls to be saved,
there are souls to be rescued,
with today's birth of the Son, we should be free,
with today's birth of the Lord we should be roused.

"How would they call as unbelievers?"
"How would they believe without having heard you?"

3. John the Baptist.

"Botinin' ukuva bengaviswanga nje?"
"Botinin' ukulwa bengafunzwanga nje?"
Iding' elidala namhla ligqityiwe
Bayete Kumkani! Walete! Walete![2]

2. The final six stanzas, from "*Yabinz' inkwenkwezi iteta kuteta!*" to the end, were included as a separate poem entitled "*Umbongo weKresimesi*" in Mqhayi's first anthology of poetry, *Imihobe nemibongo* (1927: 20–2).

"How would they hear without explanation?"
"How would they fight without being roused?"
Today the ancient vow's fulfilled.
Hail, King, Give us leave! Give us leave!

14

U 1908 no 1909

"Lenyanga yoba yintloko yenyanga kuni. Yoba yintlahlela yenyanga zomnyaka kuni." Kesod. 12:2.

Kuleminyaka abantu abaninzi bentlanga ngentlanga bamangalisiwe kukunqapela kwe Afrika ese Zantsi, bati inanina ukuba ikule kade kangaka? Inanina ukuba ibe sisidodo esisemva malunga nentsebenzo yezinye izizwe? Inanina ukuba ingabi seyinezenzo zamandla ezingapezulu kwelizwe lase kutini nelase kutini? Kute ke ngenxa yalemibuzo mininzi kangaka, kwade kwavela izipundlapundla, ezite kanti ukucinga kusidibi noko kukuhle zagagamela ozibani nozibani, zaqonda mva ukuba hayi kanti siyirwarwazelela ingekavutwa.

Umtana oke waziziliza ukukula ukolisa ukuti kanti ingqondo akazishiyanga ngasemva, unyuka kunye nayo, ati efika emhleni wake kube kungaseko dedengu.

Imbongi yakwa Gompo ke ngoko IYABULELA!!!

Kuni madoda:

Nina Mosisi bohlanga olumnyama,
Nt' ezikup' umzi ebukobokeni,
Zirwalaxu zinokoyikeka,
Ezabamb' inqwelo yaziziliza.
Nt' ezimabunz' asebuncotsheni,
Zitshetevu zezanxu zamadoda.
Ezayek' o Nyawontle bafundisa.
Zayibuz' imvelapi e Nkumandeni,

1908 and 1909 (1909)

"This month shall be unto you the beginning of months. It shall be the first month of the year to you." Exodus 12:2

In these years many people of different nationalities are concerned about the lack of progress in South Africa. They're saying, "Why is it taking so long to develop? Why is it a slow coach far in the rear compared to the achievements of other countries? Why does it lack the notable achievements of such and such a country?" Because of the multiplicity of such questions, blockheads came to the fore and, shallow in thought, they lorded it over so and so and so and so, and realised later, oh dear, that they'd raised false expectations.

A child who grows at leisure does not usually leave his brains behind, they develop along with him, and when he comes of age he is anything but diffident.

And so the Gompo poet's GRATEFUL!!!

To you, men:

You the black nation's Moses,
leading the people from bondage,
awe-inspiring champions,
whose grip slowed a wagon down,
with foreheads held up high,
sturdy men with bushy beards
who left missionaries to do their teaching,
they asked the commando where they came from,

Ngekhaka no ntlangoti-mbini.
'De kwasuke kwapel' ukunceda,
'Kuz' umzi uzale ngamarundasi,
Irafu zigwaze no Tshaka,
Kuvel' onotwal' impahlana.
Umfazi alaule indoda,
Unyana apate uyise.
Zipel' iziteti nobuntu.
Bungabi nto yant' ubukosi.
Niyabona ke zipakati ndini.
Bekumelw' ukuba kuhlwayelwe
Ukuze kuvunwe uluto.
Bekumelw' ukuba imbewu ife
Ukuze kuvel' iziqamo.
Nihlwayel' igazi nobuntu.
Emnyameni nasebutatakeni
Namhla ziyavel' iziqamo
Uhlanga selusemandleni.
Seluye lwema nge Melika,
Nge Ngilanene Skotilani,
Selunamatye ezishicilelo,
Selunendlukazi zemfundiso.
Selunabafundisi bohlanga
Selunababuzeli bo Mteto,
Selusoma nditet' u navati.
Seluputaputa apo lwavela kona
Seluxoxa kwa isiza sisizwe
Seluzoba kwa inxowa lobuntu.
Ngezindawo NDIYABULELA.
Maze nibe ndlela-ntle kakulu
Mhla nisinga kwase Nyangweni!!

with their shields and double-edged swords.
All help came to an end,
and the homesteads filled with vagrants,
taxes stabbed even Shaka,
and people packed up and left.
Women gave orders to men,
the son controlled his father.
Ubuntu[1] and spokespeople ended.
Chieftainship lost all meaning.
Now you see, you councillors.
It was supposed to sow a seed
so something could be harvested.
The seed was supposed to die
for the fruit to be produced.
You sowed blood and *ubuntu*
in darkness and weakness.
Today the fruits appear:
the nation's regained its strength.
It stands alongside America,
with England and with Scotland,
it possesses printing presses,
it possesses centres of learning,
it possesses priests for the nation,
it possesses advocates of law,
it speaks foreign languages fluently,
it's lost touch with its origins,
it discusses national borders,
it's restoring *ubuntu* as a way of life.
For all these things I'm GRATEFUL.
I wish you the easiest journey
on the day you travel to Heaven!!

1. Kropf glosses *isiteti* as "the orator of an assembly, who speaks to the chief for the people" (1915: 409). *Ubuntu* is the quality of human kindness and compassion that binds a people, a quality essential to communal living.

Kuni Bafazi:

Nina Meriyam bohlang' oluntsundu
Nina Debora besizwe endisiso
Enite wakuhlaty' umkosi
Nabhinqa emifutshanana
Nangena nan' ehlatini,
Olululwandle lwegazi
Nayakupumela ngapesheya
Noko ningapumelanga nonke.
Zaye zijwed' intsan' emihlana.
Kungeko nto zityiswa yona
Baqangqululwa abanye bemiti
Batumel' igaz' egazini
Behlwayel' imbewu efayo
Eyakuvunwa empilweni.
Nate ke nakupumela,
Nayitabata intambula
Napendula kuwo amadoda,
Ngamanyano lwenu bafazi
Natsho ngesiqumisokazi
Esinjengesika Elija.
Nangenzola yomtandazo
Esindise no Petelose
Niyabona ke bafazindini
Ezontsana namhla sezimandleni
Enanizinxulile emahlatini,
Mhla ngemini yosizi,
Nazifundisa ngevasi,
Nangokupehl' ixibiya
Nazipata ngamenyo.
Oyise bef' emfazweni.
Zikulile zahiliza
Nibuye naziyaleza
Ngalonzola yomtandazo,
Eyakup' u Petelose.
Niyabona ke namhla bayabuya

To you, women:

You Miriams of the black nation,
you Deborahs of the nation I am,
when the call to arms was sounded,
you girded yourselves there and then
and entered the forest,
the sea of blood,
to emerge on the far side,
though not all emerged.
On your backs babies wailed,
with nothing to eat,
the pregnant were slit open,
they gave blood to blood,
sowing perishable seed
to be harvested in health.
When you emerged on the far side
you took up tambourines,
answered the men with them,
with your solidarity, women,
with billowing clouds of incense,
just like those of Elijah,
and with incessant prayer,
which secured the release of Peter.
Now you see, you women,
today those children have power,
those you bore on your hips through the forest
on the day of sorrow,
you educated them through doing washing,
through churning buttermilk,
you carried them in your teeth.
Their fathers died in the war.
They grew up and tottered off,
you interceded on their behalf
through your incessant prayer,
which saw to Peter's release.
Today you see them returning,

Amanxil' ayayilahl' ibhotile,
Amadungudwan' akumbul' amakaya,
Izifebe ziyawagxot' amashweshwe,
Bonke bonke bayaputuluza,
Bafun' apo bawa bevela kona.
Ngezindawo ke NDIYABULELA!
Qinisani ningeti amandla.
Akufun' ukutot' amadoda
Vuka Debora hlabel' ingoma!
Zihanjwe nendlel' ebezingasahanjwa,
Ehle namaqongqolo azingangamsha.
Maze nibe ndlela-ntle nani
Mhla niwela lo Jordani
Bema kuy' ababingeleli.
Benomkombe wesinqulelo.
Nakubulisa ke kakulu
Kumadoda lawo selepambili
Kwakona nditi NDIYABULELA.

Kuni Mlisela:

Nina Joshuwa bohlang' endilulo.
Nilalele nina u Mosis' engaseko nje!
Zemk' inkomo Magwalandini!
Nibona kungaseko nto nj' ezintlantini
Nanz' inkomo kun' ebuchotsheni.
Balupele bebatsha onyoko
Ngokupela kwamasi ngenxa yenu.
Hay' int' intl' amadodan' akuputuma
Efuz' amagor' angoyise.
Ulalele ntonina Joshuwa
Ezimin' izimini zako nje?
Ananin' akupum' amadodana
Akangel' ukuhamba kwe Lizwi

drunks have tossed the bottle aside,
tramps remembered their homes,
fornicators expelled their concubines,
all people, all people strain
in the search for where they went wrong.
For all these things I'm GRATEFUL!
Persevere, and maintain your strength
when men are inclined to waver.
Wake up, Deborah, sing the song,
so untrodden ways are travelled!
Let the survivors come back down.
May you also have a safe journey
on the day you cross that Jordan
where all the priests are standing
with the ferry of devotion.
You will offer heartfelt greeting
to the men already there.
Again I say I'm GRATEFUL.

To you, young men:

You Joshuas of the nation I am,
why are you sleeping with Moses dead?
They're making off with your cattle, you cowards![2]
You can see nothing's left in the kraals:
you're imagining the cattle.
Your mothers wore themselves out while still young:
because of you there was no more *amasi*.[3]
It's good that our young men go searching,
resembling those heroes, their fathers.
Why are you sleeping, Joshua?
Are these present days not yours?
Why can't the young men go forth
to watch the Word's progress,

2. A popular war cry, rousing men to interrupt the rustling of their cattle.
3. Thick, curdled milk, a delicacy.

Ukuhamba kwe Lizwi ezikolweni
Alihluze alihlube amahluba
Kub' int' ingeniswe zizizwe zasemzini?
Alilungise ngokwendlel' asekaya.
Ananin' akulisa ezinkosini?
Ananin' akukangela imfundo
Ayihluz' amahluba kwa nayo
Kub' ize nabant' abangasaziyo?
Abangakwaziyo nokuteta kwetu.
Ananin' akukangel' ulimo nemfuyo,
Int' omiswe ngayo lomzi ngu Mosisi?
Kuze nj' usapo lugcinakale
Kuze nj' ubuntu bume bumi.
Ananin' akwayamana ngamacala
Aqweb' ozimali
Ateng' omihlaba
Abuyis' ilizwe loyise?
Enz' omashishini
Ateng' inqanawa
Ateng' inciniba
Ateng' ozinkomo zohlobo?
Atyal' imiyezo
Afundis' intsapo
Bonwabe nabafazi bawo?
Kambe ke noko nditshoyo nto zako wetu,
Noko nditshoyo nje sendivile
Kok' ukuteta ndingayi kukuqabelisa
Kuba ndingabuye nditukе banina ndakwenjenjalo?
Ndiyev' ukuba nipata kweyela
Nibuye nipata kunyolana
Kuba kaloku ledyokw' iyasinda
Ngakumbi nihamb' indlel' enengozi
Kuba kalok' ayihanjwanga ngoyihlo
Ngayo yonke lemigudu NDISABULELA.
Ukutet' okunamandla ndiyakukuteta kamva
Sakukov' ukuqabel' lentab' o Kucenga
Sakukov' ukuqabela lentab' e Nkohliso

the Word's progress in schools,
to refine it and strip off the husk,
introduced to our nations by strangers,
adapt it in keeping with our traditions?
Why can't they promote it among our chiefs?
Why can't they watch education,
strip it clean of its husk,
brought by those who know nothing of us,
who can't even speak our language?
Why can't they watch over crops and livestock,
with which Moses founded this nation,
to keep the family sound,
so *ubuntu* is promoted?
Why can't they stand side by side
and accumulate wealth,
and purchase property,
and bring back the land of their fathers,
and float companies,
and purchase ships,
and purchase ostriches,
and buy prime cattle,
and plant orchards,
and educate their families,
and live happily with their wives?
But having said that, fellow countrymen,
having said I've already heard,
though my talking won't serve any purpose,
but who would I hurt if I did so again?
I hear you lapse from time to time,
and from time to time you point your fingers,
because after all this yoke is heavy,
moreover your road is fraught with danger
because your fathers never trod it.
For all these efforts I'm still GRATEFUL.
Later I'll utter forceful words,
after we've scaled this mountain of Flatteries,
after we've scaled this mount of Delusion,

Sakukov' ukuqabela lentab' o Nyhwalazo
Ndiyakuqala ke nditi: NDIYABULELA.

Kuni Mtinjana:

OLOYI!!!
Nina Mariya bohlanga lwakowetu
Vuyani nina nisikelelweyo pakati kwentombi!
Ngokuba nini eniyakuzala ezonkunqele
Eziza kupakamis' izandla ze Tiyopiya
Seniwuvil' umsebenzi womlisela
Kanti k' umlisela kutetwa nina
Kub' onyoko bapelel' ezindle nje
Babencedisa kwimfazwe zoyihlo,
Bati wakupel' umlilo wobudoda
Wavel' u Debora wapat' irele
Zat' inkwenkwezi zangecala lake.
Ad' ehl' amaqongqolo azingangamsha.
Lembali ke ndiyibalisela nina
"Maqobokazan' angalali mzini
Angalal' emzin' alahlekile"
Hambani niye kubikel' izihlobo zam
Niye kubikel' abazalana nam
Nit' Imbongi yakwa Gompo iyagula
Iguliswa lutando
Ite yakoyiswa yakuxakwa
Yayam' elutandweni
Utando lwentombi zabantu bakowayo
Ziyanditanda, ndiyazitanda nam
Ziyandifunga, ndiyazifunga nam
Zindang' izandla xa ndifikayo
Ndizang' izandla xa ndihambayo
Ziyateta nam nasele kwentaba
Ndiyateta nazo napesha kwenduli

after we've scaled this mount of Hypocrisies.
Then I'll start by saying: I'm GRATEFUL.

To you, young women:

LISTEN!!!
You Marias of our nation,
blessed are you amongst women, rejoice,
for it's you who'll give birth to the champions,
who will raise Ethiopia's hands.
You've heard of the young men's task.
By the way, "young men" includes you,
for your mothers died on the plains,
supporting your fathers' wars.
When the flame of manhood died
Deborah appeared sword in hand.
Then the stars came to her side:
the valiant veterans descended.
I'm telling this story to you,
"Girls who don't sleep in a village,
if they sleep on the way they are lost."[4]
Go and report to my friends,
go and report to my kinfolk,
say the Gompo poet's sick,
he's been infected by love.
Overwhelmed and afflicted,
he chose the path of love,
the love of his people's daughters.
They love me, and I love them;
they swear by me, I swear by them.
They kiss my hands when I arrive;
I kiss their hands when I depart.
They speak to me beyond the mountain;
I speak to them beyond the hill.

4. "This phrase is used to thank girls for going on a message or bringing wood quickly" (Kropf 1915: 356).

Oloyi! bantu batandwa ndim
Izandl' ezinamandla zezenu
Zezo zandla zimbambazel' imvambilini
Izenzo zenu zivakele
Ezitat' ikondo lonyoko
Nok' ukutet' andikukupumeza
Ndiyakwenjenjalo kodwa ngokubuya
Nakukov' ukuqabel' ezontaba
Senditete ngazo ku Mlisela.
Oloyi ke Bantakwetu!
Ngezenzo zenu ezihle NDISABULELA
Noti ke nakuxel' intombi zama Hebere
Nibone ngam ndibuya ndifika
Ndibuya ndifika ndisiti NDIYABULELA

Hamba xego lomnyaka
Usitetelele nati apo Pezulu.
Ngena gcabe lomnyaka
Usip' imfundiso zobubom
Ungas' libali ngezobom obuzayo.

Listen, beloved people!
The hands holding power are yours,
those hands that soothe a newborn babe.
Your deeds ring out loud and clear,
following in your mothers' footsteps.
I'll never cease proclaiming them;
I'll do so when I return,
after you've scaled those mountains
I mentioned to the young men.
Listen then, my people,
for your good deeds I am GRATEFUL
when you take after the Hebrew daughters.
You will see me on my return,
saying on my return that I'm GRATEFUL.

Go, old man of a year,
speak for us up above.
Enter, brand new year,
give us the lessons of life,
not forgetting those of the life to come.

15

Abatunywa Betu base Ngilane

Nkosi Mhleli,—Imfazwe zezikali okunene sizilwile, asalungelwa. Site namhla siyimbumba yomzi ka Ntu, saqala iqalo lemfazwe zempucuko, eziliwa ngokuteta. Andinalo nelincinane itandabuzo lokuba onyana baka Ntu bayawoyisile kwa kwigalelo labo lokuqala eliyi "nyaniso"; suke u Rulumente wa Pesheya waxela u Pilati, waxakwa kukugweba ngokoyika indimbane, wade wafumane wahlamba izandla ukuzigwebela.

Ziseza kutwasa ezona mbongi zeli lizwe, kodwa ke tina bazibambeleyo siyakuke siti ngemihla enje sizamane sityandyuluka sisiti:—

Tyapile niwele
Lusapo luka Ntu;
Tyapile nibuye
Bafo be Afrika;
Kukade sizilwa
Imfazwe zengqanda.
Namhl' olu lugadla
Kumadul' azayo.

Our envoys to Britain (1909)

My Lord Editor, to be sure we've fought the wars of weapons, and we could not win. We said today we are the African Bond, and we made a new beginning with this war of enlightenment, fought by word of mouth. I have not the slightest doubt that the sons of Ntu[1] triumphed in their first bout, which is "the truth"; but the overseas government behaved just like Pilate, reluctant to pronounce judgement for fear of the crowds, to the extent of washing its hands in exculpation.[2]

The finest poets of this country are still learning their craft, but we who act in their stead will, on such days, make an effort and cry out saying:–

You've done well to cross the sea,
family of Ntu;
you've done well to return,
sons of Africa;
for long we've been fighting
wars of the assegai.
Today marks a fresh start[3]
to future battles.

---

1. Ntu is the eponymous ancestor of black South Africans.
2. The Coloured and Native Delegation assembled in London in July 1909 in an unsuccessful effort to oppose the South Africa Act of 1909, which created the Union of South Africa on 31 May 1910. Its members included W.P. Schreiner, Abdullah Abdurahman, Walter Benson Rubusana, Thomas Mapikela, Daniel Dwanya and John Tengo Jabavu, with John Dube in attendance (see Odendaal 2012: 415–34).
3. Kropf defines *ugadla* as "the first thick milk poured out of a new milk-sack" (1915: 113).

Tyapile nitete
Matol' amagora;
Usan' olute tu
Lufela emhlana.
Namhlanj' inkedama
Niye nazibika,
Nabahlolokazi
Nikwababuzele.

Tyapile nibeko
Bafo bakowetu,
Sonituka namhla
Ngomso sobulela;
Sinilahle namhla,
Kuse siputuma;
Ingengqala ngani,
Buza ko Mosisi.

Tyapile arole
Amaza olwandle,
Abek' inyaniso
X' idlula pezulu.
Hay' kodw' inyaniso!
Hay' kamb' inyaniso!
Tyapile nibuye
Nipet' inyaniso!

Tyapile ka Tshaina
Inja ikuvuke,
Sazi kwa uyihlo
Engumvusi wetu.
Tyapile ka Dube
Uye kulunguza,
Nawe Dulamane
Nangomso nangomnye.

You've done well to speak out,
calves of heroes;
a silent baby dies
on its mother's back.
Today you delivered a statement
concerning the orphans,
you've intervened
on behalf of the widows.

You've done well to be there,
you local fellows,
today we'll insult you,
tomorrow we'll thank you;
today we'll discard you,
tomorrow we'll fetch you.
You weren't the first:
ask Moses and his lot.

It's a good thing the sea waves
tugged at the truth
as it passed up above
and placed it in view.
Oh! The truth!
Indeed, the truth!
You've done well to return
with the truth in your hands!

Well done, son of Schreiner,
the dog in you roused,
we know your father,
our motivator.
Well done, son of Dube,
you went to inspect,
and you, Abdurahman,
help someone else tomorrow.

Tyapile Radebe
Nto ka Mapikela,
Epikel' umteto
Eyapuma nipike;
Kwati kuzi Komfa
Kwabe kubatunywa.
Quba seuqalile
Sewambet' ityala.

Tyapile Cisana
Mfo wase Mjadwini.
Izwe liyazuza
Izwe linenimba;
Likaule amava
Lozala amandla.
Nantso k' i Afrika
Isakulindele.

Kutyapile Jili
Ka Njengelenduna,
Kabini katatu
Nakude kufiwe,
"Ngez' ifi Afrika
Izele kangaka."
Bayakutsh' e Mpuma
Nase Ntshonalanga.

Tyapile Qanqolo
Wakwa Nyakanyaka,
Intaba ka Ndoda
Neyakwa Lukanji,
I Nxuba ne Nciba
I Xesi no Mbashe,
Zibeta izandla
Ziti: "Tshotsh' uzalwe."

Well done, Radebe,
Mapikela's son,
who contradicted the law,
came forth to oppose;
conferences were held,
messengers sent.
Continue, you've made a start.
Already you're taking the blame.

Well done, Chisana,
Jadu fellow,
the country's parturient,
the country's in labour;
it conceived experience,
it will give birth to power.
There is Africa
still waiting for you.

Well done, Jili,[4]
Son of Njengelenduna,
twice, thrice,
people died even far off,
"Africa can never die,
having so many children."
So they'll say in the East
and in the West.

Well done, Qanqolo,
of the Nyakanyaka,
Ntaba kaNdoda,
Lukhanji Mountain,
the Fish and the Kei,
Middledrift and Mbhashe,
all clap their hands
saying, "It's good you were born."

4. John Tengo Jabavu.

Andikulityila
Ihlazo lekaya,
Lokuti nilambe
Nibuye ngentambo,
Kodwa benitunywe
Ngumz' ongakanana;
Soqunywa kwanini
Ingqond' inqapele.

Mandenz' umnqakati ngale ivesana,
Uyanibulisa wonke umtinjana,
Wonke umlisela, namaninakazi
Abeninqulela esopa igazi.
Bayabulis' oyihlo, amagqala-mteto
Abebet' inkomo engenzi mfeketo.
Tyapile nifike, tyapile nibuye!
Nitshayel' ekaya nisenze sivuye.

I shall not expose
our domestic disgrace,
being so starved
to the point of death,
but you were sent
by such a vast homestead;
you'll screen our disgrace.
Our brains are stunted.

I add this verse as an uneven number,
all the girls greet you,
all young men and women,
who shed blood invoking the spirits for you.
Your fathers greet you, custodians of law,
who offered cattle in all gravity.
You've done well to arrive, you've done well to return!
You swept the house clean and gave us heart!

16

Yibonen' Injombe Yakomkulu

"Xa nite nalibona isikizi lesipanziso limi endaweni eyingcwele olesayo makaqiqe."

Ema Xhoseni ubusiti umzi onetyala wotuswe kukufika kwenjolana yakomkulu seyipete injombe (umsila wengwe utungelwe elutini), ifike iyitsho gxume enkundleni iti cwaka ke ingateti. Umninimzi lowo ke xa sekude kwalapo, angabuye enze nto yimbi ngapandle kokuhlaula lonke elotyala ati engenako awe pantsi ngedolo azicelele uxolo kwinjolana leyo yakomkulu, ibe yiyo eyakuteta kakuhle ngaye e Bhotwe, kuba ibesazi ukuba ukudungudelisa kuyakuba

Yincitakalo yomzi wake
Nokupanza kosapo lwake.

Ama Xhosa ke ngoko ngabantu abalindwebele kakulu isikizi lesipanziso. Isikova siviwa silila emaxhantini, itole lenkomo lilila[1] pambi konini xa kusengwayo, intsikizi nokuba yinja ibonwe pezu kwendlu emini, neminye imihlola elolohlobo, ibisiti yakubhaqwa itetiswe kabukali, kungapeli apo, kugxagxanyiswe kutatyatwe intonga ukuya kuviwa ko Siyazi ukuba ingaba yintonina eza kuhla.

Kutiwa kuleminyaka eli 1910 emva kokunyukela kwe Nkosi yetu, ndawonye neminyaka ema[2] 240 pambi kokuzalwa kwayo, lo Mgca usabonakele amaxesha ali 14 qa, kube ukubonakala ngakunye kwawo uya ushiye indaba ezingati ngco mxhelo kubani.

---

1. *lilela*
2. *ena*

Note the Great Place summons (1910)

"When you see 'the abomination that causes desolation' standing where it does not belong – let the reader understand."

In Xhosa villages a homestead charged with an infraction would be surprised by the arrival of a steward from the Great Place carrying an *injombe* (a leopard's tail stitched to a pole). He would thrust the stake into the courtyard on arrival without saying a word. Since matters had come to this point, the householder would do nothing but settle the debt in full, failing which he would fall on his knees and beg for clemency from the Great Place steward, who would put in a good word for him at the Great Place, knowing that enforced vagrancy would be

the ruin of his homestead,
the devastation of his family.

And so the Xhosa are people extremely wary of an ominous sign. An owl heard hooting at the kraal gates, a calf crying in front of its mother at milking time, a ground hornbill or dog observed on a hut at daytime and similar jinxes, when suddenly encountered, would be roundly shouted off and, in addition, with staves in hand they'd stride off to learn from sages what the incident foretold.

It is said that in the 1910 years since the ascension of our Lord, as well as in the 240 years before his birth, this Comet[1] has been seen 14 times only and every time it is sighted it leaves unpleasant news in its wake.

1. Halley's Comet was visible on 20 April 1910.

Ute kwa ukutwasa kwawo lo wanamhla Umgca kwehla isigigaba ungekabonwa ngeliso lenyama: Unyana ka Sandile inkosi yetu no Noposi unina sebelele kobandayo; kwano Kumkuni wase Britani u Edward wesi Xenxe, onge ute mfixi yingqelana engepi, yati kanti leyo seyiyi njombe yakomkulu.

Ukwenjenje oku Mhleli, anditeti luto, ndalatisa kupela umzi wakowenu kulanjombe[3] itiwe gxume esibhakabhakeni. Ewe, inxenye yetu ite iseva ukuba kuko inkwenkwezi enomsila ezakuvela igile ezinye, yawa ngamadolo nendololwane yatandaza. Ndiyabancoma abantu abalungisayo abo benjenjalo. Ngako oko ke:—

Yibonen' injombe Yakomkulu!
Luxolo na, lutshabana situnywa sezulu?
Masenze ntonina tina bonyana baka Adam?
Masenze ntonina tina lusapo lwenkohlakalo?
Yavel' inkwenkwez' eyavela ngo Sandile
Yavel' inkwenkwez' yase Mpumalanga.

Yibonen' injombe Yakomkulu!
Batetil' o Hali bayandulela,
Bangqin' o Ntsikana bat' ibinzile,
Bat' ibinzil' ixelela tina;
Az' itinina kuti midak' emnyama?
Zitaten' intonga nising' egqireni.

3. *kulanjolombe*

Weird occurrences were connected with today's appearance of the Comet even before it was visible to the naked eye: our chief Sandile's son and Noposi his mother[2] had gone to the land of the dead, as well as the king of Britain, Edward VII,[3] who seemed to suffer a mild bout of flu, but it turned out to be his summons to the Great Place.

In so doing, Mr Editor, I'm saying nothing at all. I'm merely drawing your homestead's attention to the summons thrust into the sky.[4] Yes, some of us, when we heard that a star with a tail was going to appear, barged others aside, fell to our knees and elbows and prayed. I commend those righteous people for that action. That is why I say:–

Note the Great Place summons!
Is it peace, a foe, a heavenly messenger?
What should we do, we sons of Adam?
What should we do, we sons of godlessness?
There's the star that appeared in Sandile's time.[5]
There's the star of the East.

Note the Great Place summons!
Halley was first to record it,
Ntsikana and others concurred it had flashed,
they said it had flashed to inform us;[6]
what does it say to us black people?
Take your staves and seek the diviner.

---

2. Edmund Sigonyela (Gonya) son of Sandile died at Centane on 13 March 1910 (Hodgson 1987: 183).
3. Edward VII (1841–1910) died on 6 May 1910 in Buckingham Palace.
4. The ideophone defining this action, *ukuthi gxume*, is the same as used in the first paragraph to describe the driving of *injombe* into the courtyard (*inkundla*) as a summons to attend the Great Place. Mqhayi identifies the stake with a leopard's tail attached to it with Halley's Comet and the star visible to the three wise men.
5. Sandile son of Ngqika was born in 1820; the prior appearance of Halley's Comet occurred on 16 November 1835.
6. Ntsikana's Hymn contains the line "*Yabinz' inkwenkwez' isixelela*" (The star flashed informing us).

Yibonen' injombe Yakomkulu!
Ndinenkunqele yegqira endilaziyo:
Laxelwa ngu Yisaya kwabakwa Juda,
Yalixel' inkwenkwezi mini lafika
Walalat' u Johane mini latwasa,
Kuba kutiwa latwas' emlanjeni.

Yibonen' injombe Yakomkulu!
Ugqitil' u Kumkani wase Britani,
Ingangalal' enkul' engatshonelwa langa;
Kunge kumayana kwanje ngamazolo,
'Mva kokupikis' abase Mpumalanga.
Lilani kakulu umkil' umnt' omkulu.

Yibonen' injombe Yakomkulu!
Mabandl' embedesho yiwani ngedolo.
Nani bomnqamlezo yiwani ngedolo;
Nina bomanyano yiwani ngedolo;
Vukani manxila nitandaze nani,
Inkomo negusha mazizile nazo.

Yibonen' injombe Yakomkulu!
Lusapo lwase Mbo zikisan' ingqondo,
Yivani be Sutu, nani bakwa Zulu,
Bafo bakwa Xhosa bo Mteto ka Mteto,
Gqalani lomhlola nitatise kude.
Nal' itshoba enkundleni lize kupanzisa.

Yibonen' injombe Yakomkulu!
Ukutet' okunamandla kusezenzweni,

Note the Great Place summons!
There's an expert diviner I know very well:
Isaiah of the Jews mentioned it,
the star's arrival announced him,
John pointed to it on his day of induction:
it's said his induction took place in a river.[7]

Note the Great Place summons!
The king of Britain's passed on,
grand monarch on whom the sun never sets;
it began as a matter of little concern,
after wrangling with the Easterners.[8]
Raise a loud cry, the great man has gone.

Note the Great Place summons!
You worshippers, fall to your knees;
you of the cross, fall to your knees;
you who unite, fall to your knees;
wake up, drunkards, and join in prayer,
cattle and sheep must also fast.

Note the Great Place summons!
Mfengu peoples, ponder deeply,
listen, you Sotho and Zulu,
men of Xhosaland, of the Law of Laws,
pay heed to this omen and learn from the past.
That tail in the courtyard heralds despair.

Note the Great Place summons!
The strongest talk resides in action.

---

7. The verb used in these two lines to refer to John the Baptist's baptism, *ukuthwasa*, defines the process undergone by a novice in becoming a diviner. As part of this process, the novice enters a river and stays under water for a lengthy period of time: see Hirst (1997).
8. King Edward visited Russia in June 1908 and Germany in February 1909; the tsar paid a return visit in August 1909. The king's terminal illness was not initially thought to be serious.

Namhla silusapo luka Joji wesi Hlanu,
Ubeza kuwela wabuya wanqandeka;
Kutet' i Silamsi emazibukweni,
Lati: Maze lomhla ube ngowenzilo."

Yibonen' injombe Yakomkulu!
Kwa Jay' omkulu wezihlwele,
Kwa Temba-tamsanqa kudliwa kobom
Kwa Duma barwaqele kwi Ntab' e Sinayi;
Unqhin' izingel' imipefumlo,
Uzibel' imihlamb' eyalanayo.

Yibonen' injombe Yakomkulu!
Lomsila wale ngwe wuqondeni,
Libuzen' ityala sitaruzise
Tina siqashe ngecala letamsanqa;
Nditi ndinenkunqele yegqira,
Ngu Makanda-Matatu igama,
Latwasa ngo Moya nanga Manzi,
Le njombe Yakomkulu mayibonwe!!!

Today we're kin to George V.[9]
He was blocked when set to cross the sea;
a Muslim spoke in the harbours,
saying, "This day should be for mourning."

Note the Great Place summons!
From the Great Jayi[10] of the council,
from Hope and Luck, the essence of life,
from Roar And They Flinch on Mount Sinai;
the hunting party hunting souls,
who reconciles squabbling flocks.[11]

Note the Great Place summons!
Know what this leopard's tail means,
learn our offence so we plead forgiveness,
and draw the straw on fortune's side;
I say I know an expert diviner,
who goes by the name of Three Heads,
he learnt his craft through Spirit and Water.
May this Great Place summons be noted!

9. George V (1865–1936), second son of Edward VII, succeeded to the throne on the death of his father in 1910.
10. An alternative name for God.
11. These two lines occur in Ntsikana's Hymn: "*UloNgqin' izingel' imiphefumlo. / UloHlanganis' imihlambi eyalanayo*" (Bennie 1935: 1).

17

Umqondiso

"Inkosi iya Kuninika Umqondiso Ngokwayo." Isaya 7:14[1]

I "Krisimesi" sisiganeko esicingisa kunene; kodwa singayikuze sigqitywe ngumntu womhlaba. Ngoko, Mhleli, kaunike lomidana ingqoto ngelixesha, ukuze kuti xa kudunyiswayo ngabo banako sifononontele senjenjalo nati magwilita; sigasa ngelokuti nokuba umntwana m'bi elila kakubi, uyasikwa yimfesane yena unina.[2]

Sapinda saunikwa tina lomqondiso,
Inkos' itandile ukwenz' usindiso;
Kuba oka Jona wanced' i Niniva
Amagaz' ebhokwe eba ngqivangqiva.
Izelwe i Nkosi puman' ehlatini
Buyani zimpanza kuse luxolweni.

Ongubo ngambini makap' ongenayo,
Opet' isonkana makap' ongenaso,
Amalizo-nqoma nangezogushana,
Kwanyiswanyiswane nangezebokwana;
Batshil' o Yohane ukutshayelela;[3]
Bati lo Mhlekazi utanda londlela.

---

1. *vii., 12*
2. *Inzuzo* omits this prose preamble.
3. *ukutshayelelo*

The sign (1910)

"Therefore the Lord himself will give you a sign." Isaiah 7:14

Christmas is an occasion that calls for deep reflection; but no human being of this world can fathom it. Therefore, Editor, please grant me space for these few inconsequential lines at this time so that, when those who can sing praises are doing so, we who are not clever enough can follow suit, priding ourselves in the fact that even if the child is ugly when bawling lustily, the mother still bears compassion for it.

Once more we've been given this sign,
the Lord's been pleased to fashion salvation;
for the son of Jonah assisted Nineveh,
the blood of goats became ineffective.
The Lord's been born, come out of the forest,
come back, you scatterlings, peace is restored.

If you have two robes, give to someone with none,
if you have a breadcrust, give to someone with none,
cows and lambs must be lent as charity,
and kids must share the last drops of milk.
In clearing the way John and others said so;
they said that path pleases this Lord.

Sison' ukuvimba yinyhweba ukupa,
Sison' ukutiya yinyhweba ukutanda,
Sisono umsindo yinyhweba uxolo,
Sisono iratshi yinyhweb' intobeko,
Sison' ukuzidla yinyhweb' ululamo.
Zitsh' izimiselo zale Nkos' izayo.

Iwil' i Babeli kwane Peresiya,
I Grike ne Roma nazo zasishiya
Izizw' ezikulu zibhukuqekile
Zizinxilisile, zipepetekile;
Kuvele ilitye elingange ntaba
Zisekelwe kulo namhlanj' ezintaba.

Ility' elikulu lingange hlabati,
Licumze izizwe zatsho zalutuli;
Ility' elipume lingaziwa bani
Suke layintloko yaz' izikumkani:
"Intombi yomita izale unyana"
"Imtiye igama iti ngu Mesiya!"

Nalo k' elolitye laliwa ngabaki
Namhla liyintloko pesha kwehlabati,
Livele ngemihla ka Kesar Ogosto
Kunge kumayana kunyukelw' ubalo,
Yavel' inkwenkwezi yaxelel' izazi
Zagubuk' izazi zajong' estalini.[4]

Namhl' i Nkos' izisekel' ubukosi,
"Yizani sigobe ku Krestu i Nkosi."
Obu bukosi namhlanje boma-bumi,
Ne Nkos' igama ngu Sonini-nanini,
Kodlula izulu lidlul' ipakade
Obu bukosi namhla bobapakade.

---

4. *estaiini*

It's a sin to be stingy, a blessing to give,
it's a sin to hate, a blessing to love;
anger is sinful, peace is a blessing,
pride is sinful, humility's a blessing,
conceit is a sin, meekness a blessing.
So say the coming Lord's precepts.

Babylon and Persia have fallen,
Greece and Rome have also left us,
the foremost nations extinguished.
They overindulged and were whisked away;
a rock the size of a mountain appeared,
these mountains today are founded on it.

A massive rock the size of the world
has pounded nations to dust;
the rock that emerged unknown to all
was suddenly king of kings:
"A virgin will conceive and bear a Son
and give him the name Messiah!"

That stone that builders scorned
today rules beyond the world,
it appeared in the time of Caesar Augustus,
humbly travelling for a census,
a star appeared informing wise men,
they followed the star and saw the stable.

Today the Lord's established his kingdom,
"Come let us bow to Christ the Lord."
This kingdom today will last forever,
and the name of the Lord is Everlasting.
The sky will pass, this world will pass,
this kingdom today is eternal.

Inganga namhla zishwabene ubuso,
Inkosi ize kunika umqondiso.
Imimoy' ibete yadamba elwandle,
Zakwanqa intlanga, nelwimi, nezizwe.
Zonke iziyata kunye nembedlenge
Zityil' imfihlelo zenziwe indedebe.

Gecani indlela ecand' e Afrika,
Nay' iza kukanya u Yes' akufika.
Wagqibela mzuzu eselusanana
Nanamhl' akupinda siya kwamkelana.
Umzi mauvan' osentla nosezantsi
Sibike usapo apo ku Msindisi.

Sobika incindi nezifo zempahla;
Sobika intswelo nonqabo lwemvula;
Sobik' amadoda ukuf' intliziyo;
Sobik' ukuteta okungena zenzo;
Sobik' ama Krestu ukuxoka kwawo.
Anced' u Mhlekazi satsha zezi ndawo.

Namhlanje lomhlaba uze kongululwa,
Ozintsikelelo baza kutululwa,
Omiti nozingca namhla bakululwe,
Ozinambuzane sebesikelelwe.
Yoba litamsanqa yonk'[5] ingqalekiso
Kuba namhl' u Lizwi wenza umqondiso

Lonyoka inkulu ijulwe ngapandle;
Ubuxoki bayo buntywilisw' elwandle;
Nayo ibotshiwe inyawo nezandla
Yajulw' emlilweni ngu Baw' u Somandla
Ngoko siyabonga njengo Sirayeli
"Let no one be found among you who sacrifices his son or daughter in the fire, who practises divination or sorcery, interprets omens, engages in witchcraft, or casts spells, or who is a medium or spiritist or who consults the dead. Anyone who does these things is detestable to the Lord, and because of these detestable practices the Lord your God will drive out these nations before you. You must be blameless before the Lord your God. The nations you will dispossess listen to those who practise sorcery or divination." Deuteronomy 18:10–14
"When men tell you to consult mediums and spiritists, who whisper and mutter, should not people inquire of their God? Why consult the dead on behalf of the living?" Isaiah 8:19
"While evil men and impostors will go from bad to worse, deceiving and being deceived." 2 Timothy 3:13

Lend me your ear, brother!
Lend me your ear, sister!
The Poet is eager to sound the war cry –
the Poet of the Whole Nation;
he prefers to stay silent today,
preferring too to lend his ear –
because the voice that speaks today
speaks with strength and authority,
speaks with promise and dignity!
It's the Creator's mighty voice;
it's the powerful voice of I Am;
Great Uttermost of the Heavens!
Roar And They Flinch is his name!
What do you see?

Bek' indlebe kuba ndikubonile!
Ubuyicandis' emlilweni inkwenkw' akho!
Nentombi yakh' ubuyihuntshuzisa,
Uthi iz' ikhanyel' int' eyaziyo.
Ndikubonil' uquqela koosiyazi;
Ndikubonil' utyeth' umnqayazana,
Kuthiwa ungu—"Siyavumisa."
Uthene mbende noneshologu,
Akwahlukani negqwirha,
Kwanonemilingo.

Ndimemez' inguquko!
Inguqukokaz' enkulu!!
Ndimemeza ngomtyangampo,—
Ngelizw' elimpongampo!
Ndithi, namhlanje: "Lahla!"
Ilizwe lakho namhl' asilakho;
Ugqogqwe ngenxa yenkolelo;
Ugqogqwe kulo ngenxa yenkolo;
Ngenxa yezithethe, namasiko, nemikhwa,
Kad' ulahlek' ulahlekiswa,—
Ziint' ezalahlekayo ngokwazo,
Zahambela phambili ebubini.

Lahla ntokazi kabawo, Lahla!
Lahla elo qhina lisembinqweni Lahla!
Lahla nto kabawo yininale!
Lahla loo ntwan' isetasini!
Shiya gxavalala, shiya xaxasholo!
Shiy' onomathotholo nemilozi!
Aniyiva na le ngqumb' ingakanana?
Aniziva n' ezizohlwayo?
Aniwoyiki na lo msind' ungakanana?

Lend me your ear, for I've seen you!
You passed your son through the smoke[1]
and you did the same for your daughter
so they spurn what they know!
I've seen you frequenting sages;
I've seen you going stave in hand;
it's said you're consulting diviners.
You keep close ties with the spirit-inspired,
you never part ways with the witch,
the practitioner of black magic.

I'm proclaiming repentance!
A substantial repentance!!
I proclaim with a prolonged cry,
with a voice that drags on and on!
Today I say, "Reject!"
Your land today's no longer your land;
you're purged through belief;
you're purged through faith;
through traditions, customs and habits,
you've long gone astray, misled
by things that have gone astray themselves
and progressed in the path of iniquity.

Reject, sister, reject!
Reject that knot concealed in your skirt, reject it![2]
Reject, brother, in the name of heaven!
Reject that potion concealed in your bag!
Just dump it all over the place!
Dump witches' agents and divining whistlers!
Don't you know of this untold wrath?
Don't you hear the retributions?
Don't you fear this untold anger?

---

1. On the day of its birth an infant is washed and passed through the smoke of a special fire: see Soga (1931: 293).
2. The knot binds bewitching materials.

Iyatheth' iNkosi yam aniyiva na?
Ith' iyazicekis' ezi zinto,—
Ith' ikuthiyil' ukuvumisa;
Ithi lisikiz' kuy' ukukhafula!
Sinnika!!!

Awu!!!
Hay' ke wen' uzakuthi ngentlaulelo!
Wena Xhwane leXhwane;
Wena Mvana yeeMvana;
Wen' uzis' uxolelo;
Wena Manyuweli, Thix' usebantwini!
Namhl' uzufike ngesithwakumbe!
Sonini-nanini,—
Ngonyama yeza kwaJuda;
Ngesaqhobe sesaqhwithi,—
Atsh' amakholw' awujong' uMnqamlezo,
Azilahl' iincok' ezingendawo;
Awulahl' umona nentlebendwane;
Akulahle konk' ukunukana;
Nezincoko zooHili neeMpundulu;
Neenyoka zabantu nokuthakatha;
Wen' umzimb' ungasonka!
Namhl' ufika nje ma sibenamandla;
Kuba sinommeli phakathi kwethu noThixo;
Silibuyel' izwe leth' elihle;
Lihlanjw' ukunchola;
Ligutyulw' inkunkuma;
Xa sitshoyo ke siyabulisa!
Sikunikela konk' okwethu!

My Lord is speaking, can't you hear him?
He says he detests these things,
he says he hates divination;
he says he abhors the protection of charms![3]
What do you see?

Oh!
Honour to you who brings our redemption!
you, Lamb of the Lamb;
you, Kid of the Kid.
You bring forgiveness;
You, Emmanuel, God among people!
May you come today in our tribulation!
O Eternal,
Lion of Judea,
who comes in raging tempest –
so believers watch the Cross,
and cast loose talk aside,
cast aside envy and slander,
cast aside smelling each other out,
and talk of Hilis and lightning birds,
personal snakes and witchcraft,
you with a body like bread!
Now you've arrived let's be strong:
we and God have a go-between;
we've returned to our beautiful country;
it's been purified of iniquity,
the trash has been taken out.
In saying so we're offering greetings!
We hand to you all that is ours!

3. Kropf defines *ukukhafula* as "to render warriors invulnerable (and thieves undetectable) by making them pass through the smoke of certain herbs and sprinkling them with the gall of certain animals given as offerings to the doctor" (1915: 177).

Ngegama loYise,—
Ngegama loNyana,—
NeloMoy' Oyingcwele!
Haleluya!!
Ha-le-lu-ya!!!

In the name of the Father,
in the name of the Son,
and of the Holy Spirit!
Hallelujah!!
Ha-lle-lu-jah!!!

35

"1929"

"Kuba ndinguYehova igqirha lakho." Eksod. 15:26

Ilizwi leNkosi[1] *liphelelwe sisidima; ngenxa yale nto ke izikolo ziwile,—iindemoni zibuye ngazixhenxe ngazixhenxe; ivuke yema ngenyawo imvelo, nendalo ifuna okwayo, kuba asingenanga egazini, apho sasithe siphuma sisiya khona. Ngako oko:*

Ma ndiphinde ntombi kabawo,—
Ndithi kuwe, "lahla!"
Nakuwe nyana kabawo,
Ndithi kuwe, "lahla!"
Ndinankunqele yegqirh' endiyaziyo.
NguMakhanda-Mathathu igama lalo.
Ndandingumntwana kuqala,
Namhla ndisekwaluphaleni,
Andizange ndilive likhohlisa,
Ndingazange ndive likhohliswa;
Ndiya lazi yingwangqaz' enkulu,
Int' etsho ngesidlokolo samazulu;
Int' ethetha ngemibane nangendudumo;
Kanti xa kulaph' iya vumisa,—
Ingwangqaz' enkulu yaseSebayothi!
"Vumani!" "Siyavuma!"
"Vumani!" "Siyavuma!!"

1. *leeNkosi*

"1929" (1929)

"For I am the Lord who heals you." Exodus 15:26

Respect for the word of the Lord has failed; as a result, schools have collapsed – demons have returned seven times seven; nature has leapt to its feet, and nature demands its due, because we did not enter into the blood, which we said was our objective. Therefore:

Let me say it again, sister –
I say to you,"Reject!"
And also to you, brother,
I say to you," Reject!"
I know of an expert diviner,
Three Heads is his name.
In the beginning I was a child,
today I've reached old age,
I've never heard him deceive,
I've never heard him deceived;
I know him to raise a great clamour
in his heavenly baboon-skin cap
speaking with lightning and thunder;
yet at that point he's being consulted –
the great clamour of Sabaoth!
"Agree!" "We agree!"
"Agree!" "We agree!"[1]

1. In a consultation, the diviner (*igqirha*) makes a statement and commands his clients to agree: they clap their hands and proclaim their agreement, loudly if they do, softly if they don't.

Sikhe sazithath' iintonga sabekelela,
Sabekelela say' emzin' ent' enkulu;
Sifike kumakhazikhaz' angenakujongeka;
Suk' af' amehlo kwavel' angaphakathi;
Sifike kwintshinyela yomzikazi,—
Kumzikaz' onamanzi nemithi,—
Umthi wobom kulaph' ukhona.
Ukwalaph' umthikaz' omagqabi mahle,—
Omagqab' angawokuphiliswa kwentlanga.
Ukhe wawunikw' uMoses eMara,
Kuz' aguqul' amanz' akrakra,
Bathi ubukrakra bayincindi yobusi!
    Siwubon' aph' uMfisi waseGiliyadi!
Siyibon' aph' iMisedare yaseLebanon,
"NdinguYehova igqirha lakho:"
    "Vumani!" "Siyavuma!!"
    "Vumani bo!" "Siyavuma!!"

Ndaza ndabona mabandla kaHam!
Ndaza ndabona lusapho lukaKhushe!
Ndaza ndabona kubanjw' ilishwa,—
Kubanjw' ilishwa kulahlw' ithamsanqa!
Eli Gqirha mna ndaliva ngobawo;
Nobawo waliva ngoyise;
Noyise walixelelwa nguyise;
Nam unyan' am se ndimxelele,—
Ndathi nguMehl' anje ngesibane,
Sisinunza-nunza sesinunzela,
NguThemba-thamsanqa kudliwa kobom,
Nguyeza mhlonyan' ecaleni leziko,
Isitshatshel' esikhulu sakulo mazulu,
Int' ezihlwele zigwaba ngamaphiko.

We once took our staves and set off,
set off for the old fellow's home;
we found radiance too brilliant to view;
then our eyes died and inner eyes came;
we came to a vast, dense homestead –
a large house with water and trees –
where the tree of life is standing,
also a great tree with splendid leaves –
leaves for healing the gentiles.
Once it was given to Moses at Marah,
when he changed the bitter water,
and bitter became honey juice![2]
    There we saw the Balm of Gilead,
there we saw the Cedars of Lebanon,
"I am Jehovah your healer":
    "Agree!" "We agree!"
    "Agree!" "We agree!"

In the end I saw the children of Ham!
In the end I saw the offspring of Cush!
In the end I saw calamity clutched –
calamity clutched and fortune rejected!
My father told me of this healer,
and his father told my father of him,
and his father told his father of him.
I've already told my son about him –
I said he is Eyes Like A Lamp,
he's Dignity With A Dignified Bearing,
he's Hope And Luck, our source of life,
he's the wormwood cure at the hearth,
the valiant champion of heaven,
whose choirs sing with their wings.

2. After crossing the Red Sea, Moses led the Israelites to Marah, where the water was too bitter to drink. God showed Moses a tree, which he threw into the water, and the water became sweet (Exodus 15:22–5).

"NdinguYehova igqirha lakho!"
"Vumani madoda!" "Siyavuma!"
"Vumani zintokazi!" "Siyavuma!"

Simbonil' uNinz' ekhutshw' iidemoni!
Waqalel' eDekapoli walishumayela.
Siyibonil' inkazan' enethombo legazi!
Yabamb' entshingeni kwaba kugqityiwe.
Siyibonil' imfama kwelakwaThunyiwe
Sambon' uNahaman' eYordane.
Silibonil' ishumi lamaqenq' eSamariya
Ngubani n' ongevanga ngomf' onedumbe?
Ngubani n' ongevanga ngomSarofinikazi?
Ibisisifo sini n' obukhala ngaso wena?
Es' uchithe ngas' uyihlo nonyoko?
Es' uchithe ngas' umzi wakho, wakowenu?
Es' ugqibe ngas' izihlobo nabamelwane?
Ubutyatyanjelwa yindawo nina?
Le ungezi nayo kweli gqirha lezizwe neentlanga?
"NdinguYehova igqirha lakho!"
"Vumani mzi kaKhushe!"
"Siyavuma!!"
Iyapheza kule ndaw' iMbongi yeSizwe
Umnqayi mkhul' unga ngenkanunu;
Ubeth' amanz' aselwandle,
Atshiz' abaphesheya kweGqili neLigwa
Ithi nonyaka madoda ma kulahlwe!
Nonyaka ma kuyiw' eGqirheni!
KwiGqirh' elikhulu laseSebayothi,—
UMakhanda Mathathu igama lalo!
Ncincilili!!

"I am Jehovah your healer!"
"Agree, men!" "We agree!"
"Agree, ladies!" "We agree!"

We saw demons driven from Legion![3]
He began his mission in the Decapolis.
We saw the woman gushing blood!
She touched his tassles and she was cured.[4]
We saw the blind man at Sent,
we saw Naaman at the River Jordan.
We saw the ten Samarian lepers.
Who hasn't heard of the paralytic,
not heard of the Syrophoenician woman?[5]
What ailment did you suffer
with which you destroyed your father and mother,
with which you destroyed your home and theirs,
with which you finished your friends and neighbours?
Where does your body ache
that you can't approach this healer of nations and races?
"I am Jehovah your healer!"
"Agree, house of Cush!"
"We agree!"
At this point the National Poet ends.
The stick is as big as the cannon;
it thrashes the ocean's waters,
so they splash those beyond the Orange and Vaal.
It says this year, men, all must reject!
This year all should go to the Healer!
The great Healer Lord of Sabaoth –
Three Heads is his name!
I end here!

---

3. In Mark 8:29–30 Jesus drives demons from a man named Legion.
4. Matthew 19:20–2.
5. Jesus commanded a blind man to wash his eyes in the pool of Siloam, which means Sent (John 19:7). Elisha cures the leper Naaman by commanding him to wash seven times in the River Jordan (2 Kings 5:1–14). Jesus cures ten lepers in Luke 17:11–14, heals a paralytic in Matthew 9:2, and exorcises a Syrophoenician woman's daughter in Mark 7:25–30.

36

A! Dumbu-Domboti!!

U Mr. Jansen e Qonce

Ngomhla wolwesi Bini evekini ngosuku lwesib'ozo kwinyanga ye Dwara (8th October) into ka Jansen u Mongameli wezizwe ezintsundu, ubese Qonce ebizwe yimpi entsundu ukuba aze kuyicacisela eyonanto itetwayo ngalomcimbi we Tayitile. Okwenene ke indedebe leyo yakomkulu itumekelele, yafika e Qonce apo ngentsasa yolosuku luxeliweyo. Abanini kubiza babeko nabo kanobom,—zanqoza[1] kulo ofisi ka Dike! Noko ke andenzi ndaba zolosuku kodwa,—

1. *zangoza*

Hail, Dumbu-Domboti! (1929)

Mr Jansen[1] in King William's Town

On Tuesday 8 October Mr Jansen, the Minister for Native Affairs, was in King William's Town at the invitation of the black community to explain to them this issue of Titles.[2] Indeed the Great Place councillor responded willingly, and he arrived there in King William's Town on the morning of the appointed day. Those who had invited him were also there in large numbers – they came to blows at Dick's office![3] I won't provide the day's news, but –

1. Ernest George Jansen (1881–1959), minister of native affairs in the Hertzog government from 1929 to 1933.
2. The report of the meeting in a King William's Town newspaper quotes Jansen's speeches extensively, but mentions none of the black delegates by name. The meeting started at 10.00 and concluded at 21.30. The report opens with these words: "The Minister of Native Affairs and Irrigation (Mr. E.G. Jansen) gave up the whole of yesterday to an 'indaba' with delegates of the individual tenure Native land title holders in the Ciskei, representatives being present from as far north as Herschel." In summary, "The subjects discussed covered a wide field and were by no means confined to the regulations mentioned. The chief grievance voiced by the Native speakers was in connection with the proposed new titles to land. The Natives clearly regard the regulations as a move to rob them of land and other privileges, including the franchise, and though the Minister repeatedly asserted that Government has no intention of taking away any privileges, it was evident at the close of the long day that the Natives were still suspicious." Jansen stated categorically, "I want to give you the assurance that there is no intention of taking away your land or your rights; there is no intention of interfering with your vote in any way whatever" (*Cape Mercury*, 9 October 1929: 3).
3. R.J. Dick, special magistrate, King William's Town.

Awu!
Zanuka ke wena sikuxelele;
Zanuk' intshongoqa zanuk' itshegqini!
Yatozam' inzwan' enkulu,—
Idomboti lakomkulu ngenyaniso;
Int' efanelwe sidanga sonyiwa,
Nangesobuhlalu ingema kakuhle.
Sakal' isinandile ndimamele,
Sati nqa-nqa-nqa-nqa-nqa-nqa!
Apuma' amehlwantsi apandl' abamgama,
Wavel'[2] oka Mji watyand' umteto,
Wongez oka Koti benoka Sigila;
Langcangc' itol' lo Songcangcashe,
Wavungam'oka Maci pezu komtonyama;
Zay' into zakwa Jili zibambe ngempondo
Lavutuz' ib'aku lama Bongwe,
Lalata pantsi, lalat' ezulwini.
Sakal' isinandile ndimamele.
Yalil' imfakadolo itelela;
Yalil' ilefele incedisisa;
Ilefele ngulompu mhle wasemlungwini;
Zafun' ukunuka ngokwakudala
Ndafun' ukuconiseka ndikalime,—
Ndikalime nditi, "Sibolek' indodana!"
Siboleke sokunika pezolo!
Sasikade sinixelela madodana!
Sasikade sinixelela tina!
Sasitet' okukuteta tin' e Mnyameni,
Nase xelexwa nase Rolotena,

2. *Wazel'*

Oh!
It stank, we're telling you;
it stank acridly, it stank to high heaven!
The handsome dignitary sat still –
the truly hefty man of the Great Place,
a necklace of small beads fits him so well,
he'd even look good in a royal necklace.
A snider rang out as I listened,
saying click click click click click!
Splinters struck people's eyes far away.
Then Mji's son laid down the law,
the sons of Koti and Sigila[4] chipped in,
the Ngcangcashe clansman's son looked on,
Maci's son growled invoking tradition,
Jili's sons grabbed the bull by the horns,
the Bongwe spaniel switched about,
rampaging like a hurricane.
A snider rang out as I listened,
a breechloader sounded in chorus,
a rifle sounded in full support.
The rifle's a splendid white man's gun;
it stank as in days long past:
I felt warned off and wished to rebuke them –
rebuke them by saying, "Lend us a young man!
Lend him to us, we'll return him last night!"
We've been telling you, young men!
We've been telling you!
That's what we said at Alexandria,
at Xelexwa and Rholotana.[5]

4. C.A.W. Sigila, who served as secretary of the Cape Native Voters' Convention, was a prolific contributor to *isiXhosa* newspapers between 1913 and 1951, and author of the humorous travelogue *Ndalikhenketha elasentla* (A long journey upcountry, 1954).
5. *EMnyameni* is Alexandria (Skead 2001: 442); *iXelexwa* is the Gamtoos River on the boundary between Port Elizabeth and Humansdorp (Skead 2001: 803–4); *iRholotana* is the Groot River at Steytlerville (Skead 2001: 683).

Yagqush' inkanunu e Nxuba,—
Yabodl' imililo yavungama;
Yakup' amalahle ngempumlo,
Kwakal' inzwinini ngendlebe!
Avutelw' amahlati alitafa;
Zat' intsunguzi[3] zazinqantosi;
Zat indada zayimicangalabe;
Hayi ke bet' umfo wapesheya!
Hayi ke bet' umfo wasemlungwini!
Umfo wasemlungwini!
Zatsho, zatsho zagolozelana,—
Wat' umntu kautshaye Laundini!
Yay' ikul' ikwekw' akwa Ndungwana,
Itol' lantomb' akwa Cisana,
Yakwa Ndebe yakwa Helele;
Wadwanguz' umkweta kanene,
U Dlamin' ovelel' i Bolo;
"Sisandlulube Dlamini!"
Sasiteta lonto ke bawo ngeka Hintsa,
Kok' indlebe zazibetabetana;
Sasiteta lonto ngeye Zembe,
Kok' inyanis' ibingekazalwa.
Namhla kugungqwa nje kuyazuza,—
Ngati kum iza kuzalw' inyaniso,
Inyaniso ke litole lika Tixo
Sasikade sinixelela madodana,—
Yiyo lonto kade sinixelela[4] yona.
Taru mfondini wasemlungwini
Taru mfo wakomkulu ndikuvumile
Besizi ntanyongo sibatatu,—
Kub' ute kanti naw' ukwa yintanyongo;

---

3. *intsungazi*
4. *sinizelela*

The cannon stamped its feet at the Fish –
belched flames and bared its teeth;
it spewed coals from its nose,
making a deafening din in the ear!
Forests were blown into open veld;
dense forests turned to sunbaked ground;
thickets changed into open plains;
oh, the fellow from overseas!
Oh, the white fellow,
the white fellow!
They fought and fought to a standstill.
Someone called out, "Let's take a break, fellows."
And the Ndungwana boy grew in stature,
the calf of that Chisana girl,
of the Ndebe Helele families;
the initiate flung wide his blankets,[6]
Dlamini towering above Stutterheim;
"It's the Sandlulube mountain, Dlamini!"
That's what we said in Hintsa's War, fellow,
but the ears heard conflicting sounds;
that's what we said in the War of the Axe,
but the truth had not yet been born.[7]
Today as we frolic tragedy looms –
it strikes me that truth's about to be born,
truth is the calf of God,
we've always told you, young men –
that's what we've always told you.
Peace, white man,
peace, Great Place fellow, I've come to accept you.
Three of us were maize cobs begrimed by time
and it turned out that you're also one –

---

6. Initiates are expected to keep themselves wrapped in blankets and out of sight of the community; flinging his blankets open would be an act of defiance for an initiate.
7. Hintsa's War (1834–35); the War of the Axe (1846–47). On the latter, see Le Cordeur and Saunders (1981). For an account of all the frontier wars, see Milton (1983).

Untsap'[5] iluhlanini lugqib' ilizwe,
Iqalele kozi ndlovu yesa kozinyekevu.
Ubufanel' ubuntanyongo mfanandini!
Akusagungqi ngakugungqiswa;
Akusaqumbi ngakuqunjiswa;
Akusakatazeki ngakukatazwa.
Yozela yalal' into ka Hebese,
Yang' iti azi koti kupi kube kupina?
Yangqung' into ka Ode yagungqa!
Yang' iti, Yintonin' umsebenzi wenkanunu?
Kuba namhl' umsebenzi way' ufikile!
Yatozam'into ka Jansen inzwan' enkulu,
U Dumbu-Dombot' igama layo!
Hay' ke bet' izwe lakulo Mfetsho!
Lisibonis' obawo bebengeka sikumbuli ngaluto.
Lomhlaba ka Tshatsh' usaza kubalisa,
Kanjal' ubalis' izint' ezinkulu,—
Ad' akamis' umlom' opulapulayo.
Ndiyanibulela bafana ngokukwaz' ukuteta,
Nitete kakuhle noyihlo, u Baba wenu!
Ndiyakubulela bawo ngokukwaz' ukuteta,
Ukwaz' ukuteta kwa nokupendula;
Nok' abantwana bapetwe luzindlo;
Ubabonanje sebefile ke wena,—
Abasamaz' uyise noyisekazi;
Bazalwa bashiywa mpangampanga!
Ngoko ke bafun' unina!
Ngoko ke sifuna Mha-a-a-a!
Sifuna Ma-a-a-a-a! Ncincilili!!

5. *Untsapi*

with family scattered world wide,
ranging from elephants right down to snails.
You're fit to be a grimy maize cob, chum!
You no longer shake when shaken;
you're no longer angry when angered;
you're no longer vexed when vexed.
Herbst's son dozed and dropped off
as if to say where's all this leading?
Ord's son[8] fiddled restlessly
as if to say what's the use of a cannon?
Because we need it today!
The striking dignitary sat still, Jansen's son,
Dumbu-Domboti's his name!
Oh the Mfetsho family land,
which shows us our fathers before they summon us.[9]
This land of Tshatshu will still tell us stories,
in so doing raising serious issues –
the listener's jaw will drop.
Thanks, fellows, for being able to talk,
and speak well to your father, your Dad!
Thanks, father, for being able to talk,
to talk as well as respond;
although the children are giving it thought
they're just as good as dead –
they no longer know their father or uncles;
they were born and discarded, as in the fable![10]
And so they want their mummy!
And so we want our M-a-a-a!
We want our M-a-a-a! I end there.

---

8. Major J.F. Herbst, secretary for native affairs, accompanied Jansen to the meeting. J.W. Ord, additional native commissioner, presided over the evening session of the meeting.
9. The ancestors are believed to summon those who die; if they are shown the ancestors before the ancestors summon them, they die prematurely. In other words, the world is perplexing: the old order has changed.
10. In a folktale, children who were left by their mother on an antheap went in search of her.

37

"1930"

Ke ukuhlala konyana baka Sirayeli abakuhlalayo e Yiputa yimi nyaka emakulu mane an[e]minyaka emanci matatu. E[k]upeleni kwe[m]inyaka em[a]kulu mane aneminyaka emanci matatu, kwati kanye ngayo lomini, yapuma yonke imi[k]osi ka Yehova ezweni las[e] Yiputa . . . Bubusuku buka Yehova obo. Kesodosi 12:40–42

Wavel' umnyak' omtsha! Wavel' umnyak' omtsha!
Yivani zintlanga,—wavel' umnyak' omtsha!
Udlul' odl[u]le[y]o,—udlul' odluleyo!
Noko besiwutanda,—udlul' odluleyo!

B[e]siwut[a]nda na lomnyak'[1] ufileyo?
Ubusitanda na lomnyak' udluleyo?
Ningadl' amaxesha ngokupikisana,—
Lomnyak' unit[a]nde ngokwabantwana.

[N]d[i]tsho ngokupila enipile kona;
Nditsho nangenzuzo eniz[u]ze yona;
Nibe netamsanqa ngemp[i]lo y[e]m[i]hla;
Nanentsikelelo zemihla ngemihla.

Nize[n]' abantwana bonwabis' ikaya;
Niz[i] z' izivuno z[i]z[a]lis' ekaya;

1. *lomuyak'*

"1930" (1930)

Now the time the people of Israel dwelt in Egypt was 430 years.
At the end of the 430 years, on that very day, all the hosts
of the Lord went out from the land of Egypt . . .
This is Jehovah's night.[1] Exodus 12:40–2

There comes the new year! There comes the new year!
Listen, nations – there comes the new year!
The past year has gone – the past year has gone!
Although we loved it – the past year has gone!

Did we love this year that's just died?
Did this past year love us?
Don't waste time in contention –
this year loved you as children.

I say that because of how you lived;
I say so based on what you gained;
you were lucky in your daily health;
you were blessed from day to day.

You brought children to gladden the home;
you are the harvests that fill the home;

1. Mqhayi abbreviates the last sentence, which in the Revised Standard Version reads "so this same night is a night of watching kept to the Lord by all the people of Israel throughout their generations".

Nendisa intombi nazekel' onyana;
N[i]cumile nanda ngabazukulwana.

Wubongen' umnyaka, umnyak' odluleyo!
Beninaz' intshaba kumnyak' ofileyo;
Zininqwenelela amashwa ngamashwa,
Kodwa bonani ke! [A]nibanga nashwa.

Fundani kakulu nifund' umbulelo!
Ziza ngawo zonke, zonk' intsikelelo.
Fundan' umbulelo mazi zakowetu!
Fundan' umbule[l]o bafo bakowetu!

Tetani ilizwi ngomnyak' odluleyo,—
[L]iz[w]' e[l]imnandi ngandod' emkileyo.
I[z]' iti fi[k]a indod' efik[a]yo,
[I]h[l]a[l]' ilindele nayo mhla imkayo.

Tetani ilizwi kwi Nkos' eminyaka,
Eno[n]dle nakula kumnyaka ngomnyaka!
Napetshiswa futi kwintshaba ngentshaba,
Namhla senih[a]mba kwintaba ngentaba.

Namhlanje nibona nibone nakude;
Nihamba ngengangqu nityud' amatyude;
Nibon' imigongxo enasinda kuyo;
Kwanamacwebeshu enap[e]pa ngawo.

Ngoko bulelani bafo bakowetu,—
Lomnyak' udlulanje akungamandl' etu;
Lomnyak' ungenanje akungangqond' etu,—
Nabunt[o]ni betu, nabulumko betu.

Zinkokeli zetu fundisan' a[b]antu,
Xelelan' abantu, tund[e]zan' abantu.
Mabazuze kuni okupindiweyo,
Nibanqake; ngalomnyak' ung[e]nileyo.

you wedded your girls, your sons married;
you flourished, increased by your grandchildren.

Praise the year, the year that's past!
You had enemies in the year that's just died;
they wished you misfortune every which way,
but note! You suffered no ill.

Acquire learning and learn to be grateful!
All sorts of blessings flow from it.
Learn to be grateful, my home's women!
Learn to be grateful, my home's fellows!

Utter a word on the year that's past –
a good word about the man who's left.
When the incoming man arrives
he can expect the same on the day he departs.

Utter a word to the Lord of years,
who year after year nurtured your growth!
You were ever defended from hordes of foes,
today you still journey through mountain ranges.

You see today and see long distances;
you leave gaps as you go, battling through;
you see the sinkholes you avoided,
how narrowly you survived.

Therefore give thanks, fellow countrymen –
we had no control over this year that's past.
we have no design for this year coming in –
it's beyond us, exceeding our wisdom.

Leaders of ours, teach the people,
inform the people, guide them gently.
Let them gain twice as much from you;
feed the helpless this coming year.

Fundisan' ukuwa ng[a]z' indololwane,
Kumpati ndudumo kunye nemibane;
Komtwasisi kwezi kwa nozilimela,—
Fundisan' abantu konk' ukumlilela.

Nango namhl' utwasa omny' umnyaka omtsha!
As[a]zi nto ngawo, usapet' ubutsha;
Use njengosana olusazalwayo;
Bizan' owaziyo, ongu Mnini wayo.

Bizan' u Mkanyisi akanyis' indlela;
Bizan' u Moy[i]si ahamb' enilwela;[2]
Bizan' u Mkululi wamakamandela;—
Bizan' u Somandla nguy' u mninindlela.

Twas[a] mnyaka ndini! Twasa mnyaka ndini!
Ulindwe ngamandla ngabase [l]u[n]dini.
Ulindwe ngamandla siti makoboka,—
Silind' ukúlulo lwetu makoboka,

Asilaz' ityala kunye nesigwebo,
Latetwa kobawo, ababene[n]dyebo;
Banikw' iminyaka esingayaziyo,—
Ngo[k]o twasa mnyaka z[i]temb' intliziyo

Sisajong' usuku, umhla wetembiso,
Umhl' oza nenene, oza nenyaniso;
Ngoko twasa mnyaka ude lomhl' ufike!
Sixel' imixelo ilishwa lijike.

S[i]kangele Bawo! Sikangele Bawo!
S[i]yakulilela sikwanga nenyawo.

---

2. *ebiiwela*

Teach them to fall on elbows and knees
before the ruler of thunder and lightning,
who brings into view the Pleiades and Venus –
teach all the people to cry out for him.

A new year comes into view today!
We know nothing about it, it brings with it novelty;
it's still like a baby being born;
call its Owner, the one who knows.

Call the Lighter to light up the way;
call the Victor to come fight for you;
call the Redeemer from every shackle –
call the Almighty who owns the road.

Come into view, year, come into view!
You're keenly awaited by marginal people.
You're keenly awaited by us, the slaves –
we wait for freedom from slavery.

We don't know our crime and punishment,
pronounced on our fathers when they had plenty;
they were sentenced to untold years –
so come into view, year, and lend our hearts hope.

We still anticipate the day of hope,
the day that brings truth and sanction;
so, year, come into view so that day arrives!
We butcher our hearts to drive off misfortune.

Look at us, Father! Look at us, Father!
We appeal to you clasping your feet.

Namhla yima nati, ung[e]cala letu,—
Wutume lomnyaka ube ngomnye wetu.

Wutume lomnyaka unobo busuku,
Kanye ke lomini ibe kwezontsuku;
Lip[e]le ityala ipum' imikosi,—
Ipahl' izihlwele[3] ze Nkosi ka Nkosi.

3. *ixihlwele*

Stand with us today, on our side –
send this year to become one of us.

Send this year and with it that night,
so that day should fall within those days;
so the case be settled and hosts emerge –
to encircle the aides of the Lord of Lords.

38

U Jansen ema Xoseni

"Kwavela indoda efuna undiko"

Wavel' u bawo,
Wavel' umfo ka Jansen.
u-Dumbu le Domboti,
Igwangq' elimhlope lase Ligwa,
Int' ezel' imidaka yodwa,
Imidondosholo yase Afrika.
Kuvel' ibhunga ku Tsalitoro
Wat' olusapo malufe,—
Kuba lunamandla nengqondo,
Lunempilo nobugora,
Mhlamnye luyakusiwela,
[L]uval' indlela yezizukulwana;
Cutan' umsebenzi nandis' irafu.
Hlutan' umhlaba nandis' ugxoto.
Dipan' inkomo nigwenx' umteto.
Yatsho ngojwebevu lomjikelo
Indod' efun' undiko,—

Jansen in Xhosaland (1930)

"There came a man confronting all."

Our father appeared,
Jansen's son appeared.
Dumbu of Domboti,
lightskinned white man of the Vaal,
who gave birth to blacks alone,
gigantic African hulks.
So Hertzog called a meeting
and said, "This race must die –
because they're strong and clever,
they're robust and courageous,
one day they will attack us,
and block the path for generations,
decrease employment and increase tax,
take the land, increase division,
dip the cattle, pervert the law."[1]
The man who confronted all
travelled widely throughout the country,

1. The 1920s witnessed continuing legislative inroads unfavourable to blacks. Walshe observes that when Rev. Mahabane "explained African agitation to the Minister of Native Affairs (Jansen) in 1930, he claimed it was the outcome of the Government's policy of exclusion. The Bantu had 'been excluded from the rights, duties and privileges as citizens of this country . . . from certain forms of employment, from the benefits of the Old Age Pensions Act and from the land by the Natives Land Act of 1913'" (Walshe 1970: 153). On land and franchise policies as they affected black people, see Tatz (1962).

Yat' ise Mbo yasema Mpondweni,
Yacancata kumajora,
Yawel' imixauka namageduka,
Yawel' imilamb' enamagama;
Kute kupi yajonga kwasemva,
Yajong' e Bu-Nguni!
Kwelenkanunu lasema Xoseni,
Kwelezirwalaxu lo nyonga nde,
Int' ezifa zibuye zivuke,
Zivuke z[e]zibuye zife;
Yajong' e Bungun' into ka Jansen!
Itol' lo Vrartara le Bhulu,
Int' esuswe ngokwaziwa,
Yaziw' uk[u]suka nokuhlala.
Nanko-nanko Kofoti ka Sishuba!
Ndod' eno Tixo no Manyano.
Nanko nanko nto ka Sigila!
Njengele ngamapapu nezibindi!
Nanko-nanko nto zika Jabavu!
Ngaz' agqum' abābâm' u Pakamisa.
Enyuk' u Dontsa no Nontongwane,
Etwel' izibèn' ezibènel' umhlaba,
Zihlaul' ityala lika yise;
Ityala lesizwe nohlanga.
Nanko-nanko Qinashe ka Koti!
Ityala lincinci lino Ndobe,—
Akavumi nomhlaba ka Kanyangwa,
Wagweb' oka Ode wapula neliso,
Sayiwel' iNxuba sikanyela,
Sisit' uyazika ke bawo.
Wat' ose Rini ndikwakwelo nam.
Sat' uyazika ke bawo,—

right up to eastern Pondoland,
pussy-footing among the touchy,
traversing screes and hillsides,
traversing famous rivers;
at one stage he looked behind,
cast his eyes on Nguniland,
at the cannons in Xhosaland,
the land of the brave and compassionate[2]
who die but rise again,
who rise but die again;
Jansen's son looked at Nguniland!
Calf of a *wragtige*[3] Boer,
dispatched because he was known,
known inside and out.
There! There, Sishuba's Crowbar!
Man, you hold God and unity.
There! There, Sigila's son!
A general in pluck and spleen!
There! There, the sons of Jabavu!
Pakamisa should exercise restraint,
as he scales the Katberg and Dacre's Hill,
bearing appeals, appeals over land,
attempting to settle his daddy's debt,
debt borne by clan and nation.
There! There, Qinashe, son of Koti!
Ndobe's debt is small,
he refuses to surrender Kanyangwa's land,
Ord's son passed judgement and winked.
We crossed the Fish in protest,
saying, "You're drowning, father."
The Grahamstown chap said, "I'm in agreement."
We said, "You're drowning, father."

---

2. *Nyonga nde*: literally, with long hip bones. The expression "*Mathol' anyongande kukudlelana*" (the calves are emaciated because they share with others) suggests compassionate conduct.
3. Afrikaans for genuine, true.

Saliwel' i Gqili sivutelene,
Sixobe sema nangomqala;
Wat' ose Blomfanteni ndikwatelela.
Hlutan' umhlaba nandis' ingxoto,
Zebafe ngamaqwa nangamazolo.
Mhlamnye bosihlisel' intlekele.
Wat' u Tsalitor' aliwelwa,
Wat' um-Afrika liyawelwa,
Yanduluk' injengele noka Havenga,
Bepet' ubugqi bobuti,
Bezam' ukuval' amazibuko.
Kok' um-Afrika seletyobozile;
Ekonyel' inkunz' ezingapesheya,
Pesha kwelwandl' ezinkulu.
Taru Zikali Mazembe!
Umlandu ngowanina nto ka Maci,
Azikabuyi n' ifam' ezimbini?
Zesitembiso sama Ntinde!
Vela Mkweta lixesha vela.
Rol' umgubo ka Pezulu, vela.
Rol' u Malingatshoni vela.
Posela ngezulu nango Sindiyandiya.
Yimpahl' ed' isebenze ninina le?
Lixesha ngoku rolan' imfihlo,
Zemk' inkomo Magwala ndini!
    Pakati ma Lau-ndini pakati!
Mna Xegwana ndiyabukela,
Iyanyashaz' injobende ka Jansen.
Ifunzel' emakaya pakati kosapo,
Pakati matol' ezilo kuf' ayayo,
Kuf' ayayo madela kufa.
Emakaya sekuvalwa ngentloko zamadoda.
Ngentloko zo Ndobe no Maci;

We crossed the Orange enraged,
armed to the hilt.
The bloke in Bloemfontein said, "I'm in agreement.
Take the land, increase division,
so they perish from frost and ice.
One day they'll bring us ruin."
Hertzog said no one must cross,
the African said it must be crossed.
The general departed with Havenga,[4]
bearing a magic potion,
trying to block the fords.
But the African had already barged through,
bellowing to bulls on the other side,
beyond the boundless oceans.
Peace, Zikali Mazembe!
What's the payment for, son of Maci?
Have the two farms not yet been returned,
farms promised to the Ntinde?
Come out, young men, come out, now's the time.
Take out Heaven's Powder, come out.
Take out Instant Killer, come.
Cast a spell with lightning and potion.
When will these tools ever take effect?
Now's the time, take out what you've hidden.
They're making away with your cattle, you cowards!
    Onward, fellows, onward!
As a little old man, I look on with pleasure,
Jansen's tall strip is pawing the ground.
He's charging at family homes.
Onward, calves of wild beasts, there's no turning back.
There's no turning back, despisers of death.
The homes are barred with the skulls of men,
with the skulls of Ndobe and Maci;

4. Nicolaas Christiaan Havenga (1882–1957), minister of finance in General Hertzog's government from 1924 to 1939.

Oka Sicin' uligwele pambili!
Ayarashaz' amatamb' entilini!
Rolani nime ngamakul' amahlati;
I Afrik' iyazuz' iyalunywa;
Iza kuzal' u Gilikanqo;
Isil' esingaziwa mnxhuma.
Zitsho kamnand' izitonga zemfazwe,—
Ziti: Gidli-gidli,—Gi-dli-gidli!!!
Beniba koba njanina?
Ncincilili!!!

the son of Sicina fumes in the lead!
In the meadow the bones are stirring!
Form a chain around the huge forests:
expectant, Africa feels the onset of labour;
it's going to give birth to Gilikanqo,
monster with lair unknown.
The sound of war appeals to us,
saying, "There's always much more! Always much more!"
What result did you expect?
I end there!

39

U 1931 no 1932

Ukuqoshelisa unyaka omdala nokwandulela omtsha i Mbongi ye Sizwe oka Mqayi uti:—[1]

"Kute ngosuku lokuqala kuyo lenyanga yokugqibela emnyakeni ka 1931, (1st Dec.) ekutiwa ngesi Xosa yeyomNga, kwavakala ilizwi elingaziwayo, nelingaqondwanga mntu, kuba lize ngendudumo. Lite kanti elolizwi livela kwa Ndikoyo kwa Menzi ko Pezu Konke lisiza ku 1931 lisiti. "Yolela ngokuba uza kufa." Liqokele ilizwi elo lisiti,— njengoko waziyo ukuba ngokwesiko lakowenu, nina nipila inyanga ezilishumi elinambini qa, akuko nenceba netaru kuyo lonto, nokukwazisa oku senza nje imvuselelo yokuba utete nonyana wako u 1932.

Okunene ke indoda leyo inkulu u 1931 ivakele inqùruleka ngesinqàla esikulu, kuba ukufa asinto yake[2] yamnandi naku sipina isidalwa. Ihle kodwa yazicenga yazixolisa yavakala imbiza unyana wayo u 1932 yenza esisiyalo:

"Nyana wam, uyazi wena ngokwesiko lakowetu lendalo, ukuba imini zam zokulaula ilizwe sezipelile, sekusele intsuku zimashumi matatu kupela ndigoduke, ndiwushiye nawe umsebenzi omkulu nonzima kunene wokupatela onyana baka Adam ixesha; andikushiyi nalifa nyana wam, ndikushiya nomsebenzi obuhlungu wokulaula ilizwe,— lonto iyakufuna unyamezelo olukulu, kuba onyana baka Adam abafunani, bamonelene, bafuna ukulwa izolo nomhla bapalazane amagazi; ize

1. *Imibengo* omits this introductory sentence, and depersonalises the years, substituting *emnyakeni we-1931* for *emnyakeni ka 1931*, for example, and *owe-1931* for *u 1931* throughout.
2. *Imibengo* has *yakha* with the same meaning.

1931 and 1932 (1931)

To wind up the old year and be first in line for the new year, the Poet of the Nation, son of Mqhayi, says:

On the first day of this last month in the year 1931 (1 December), which is known as the Acacia Month in *isiXhosa*, a strange voice was heard, understood by no one, because it came in thunder. It turned out that the voice came from I Am, Maker Of All, approaching 1931 and saying, "Set your affairs in order: you're close to death." The voice continued, saying, "As you are well aware, according to your procedure you live for twelve months only, and there is no mercy or sympathy beyond that. By letting you know, we're prompting you to talk to your son, 1932."

Indeed, this old man, 1931, was heard gulping and sighing heavily because death is pleasant for no creature. Nonetheless, he pulled himself together and was heard calling his son 1932 and he made the following death wish:

"My son, you know that according to our natural procedure, my days of ruling this land are over; there are only thirty days left before I go home, and leave to you the truly grave and difficult task of managing time for the sons of Adam; I leave you no legacy, my son, I leave you the painful task of ruling the country – a task that will demand considerable patience, because the sons of Adam are at loggerheads with one another, they envy each other, they want to scrap on a daily

lonto ibalelwe kuwe, inge nguwe owenza ukuba kupalale lawo magazi, abalelwe kuwe ngonanini. Unyaka nyana wam uncomeka ngokuti ube nemvula, nesivuno esihle, nakuba naleyo into ikwa nengxaki yayo; kuba onyana nabantu kokona bafuna imfazwe bakuhluta, baze babe negxeke bakubalelelwa ngamalanga; lonto benze obunye ububovubovu, nezipitipiti. Ngoko ke nyana wam uze uqine, womelele, ume njengendoda. Onyana baka Adam bayakwazi ukuyidumisa kakuhle indoda eyenze ubuhle."

"Kuni bantu bomhlaba, indoda leyo ingu 1931 ishiye elilizwi: "Ndiyayibulela zinkosi zam, nyana baka Adam, imihlali nemivuyo enandamkela ngayo mhla ndafika; ndibulela nezenzo ezihle esite senzelana zona kwisituba esi somnyaka. Abazelwe kwesi situba solaulo lwam ndiyavuyisana nabo, ndibanqwenelela impilo entle, bangamana bangaba ngamadoda namankazana ayakuba yityuwa yomhlaba. Abo bate baxwaleka, balahlekelwa zizihlobo zabo, namakaya abo kwesisituba, ndilila kunye nabo; nabate babanjwa zizikuhlane ezinzima, bafakwa nasezi tolongweni bengena tyala ndivelana nabo. Ndibayalezile kunyana wam u 1932 ukuba maze azikangele indwadunge ezinjalo, nzame ukutotobisana nazo, njengokuba nam ndandiyaliwe ngu bawo u 930[3] ukuba nditantamise kwabaxakekileyo, okunene oko ndikuzamile ko ndingafezanganto.

"Nditsho ke lusapo luka Adam,—nani ndiyaniyaleza ukuba maze igcinane,— ndiyamyaleza kuni unyana wam u 1932, nditi maze nizame ukusebenzisana kakuhle naye, nipatane ngobubele—yena ke imini zake ziyakuba mfutshane kunezam; kuba noko nina niyakuti lusukwana lunye amfutshane[4] ngalo, tina kowetu usuku olunye lungangonyaka ukuxabiseka kwalo nomsebenzi walo. Ayandipelela ke amazwi kweso situba zinkosi zam!

Awu!!!
Ewe kaloku kuyavakala,—
Kuyavakal' ukuteta kwendoda.
Isepin' indod' esayolelayo?
Esalubizay' usapo lwayo?

---

3. *ngu bawo u u 1930*
4. *Imibengo* substitutes *qha amde* for *amfutshane*.

basis and draw blood; and you will be blamed for that as if you were responsible for the bloodshed, they'll blame you constantly. A year is praised, my son, for rain, and bountiful harvest, though even that has its own problems, because the sons of humans become bent on war when their stomachs are full, they tend to criticise and complain in times of drought, and that impels them to further violence and uproar. And so, my son, you must be strong and steadfast, and stand firm like a man. The sons of Adam can speak highly of a man who has done well.

"To you inhabitants of the land, this man 1931 leaves the following word: I thank you, my lords, sons of Adam, for the delight and joy with which you welcomed me when I arrived; I thank you too for the goodness you showed to one another in the course of this year. I congratulate those who were born in my term of office and I wish them good health; may they become men and women who will be the salt of the earth. I sympathise with those who suffered misfortune and lost their friends and their homes in this period; and I feel for those who suffered severe flu, and were tossed into jail though innocent. I have charged my son 1932 to look after such destitutes, and strive to support them just as I was charged by my father 1930 to tread gently with those in difficulty; indeed I've tried to do so, but with little success.

"To the children of Adam I say: I also charge you to care for each other – I commit to you my son 1932, and ask you to strive to work harmoniously with him, and to treat one another with kindness – his days will be more than mine; because although you'll say he'll be longer[1] by one day, for us at home one day is as important and valuable as a year. I'm running short of words at this point, my lords!"

Oh!
Yes indeed it's remarkable –
the speech of a man is remarkable.
Where does a man still make a death wish?
Who still assembles his family?

1. Mqhayi errs in suggesting the leap year 1932 will be shorter by a day; Bennie's emendation in *Imibengo* corrects this, as we do.

Basepin' onyan' abasavumayo,
Ukuzitwal' inzima zoyise?
Nakal' izolo namhla nisiti,
Iminyaka mib' ibukuqekile.
Yay' iminyak' ilila isiti,—
"Onyana baka Adam babukuqekile"

Zilungisen' indlela zenu bantu;
Upel' umona nentlebendwane,—
Lipel'iratshi nokutand'amawonga.
Ngubanin' ozakupat' ihlabati?
Alipate ngezandl' ezimsulwa
Kuba zipelelw' izikumkani
Zingenelwe ngumhlwa nempehla
Nango kamb' ungen' umnyaka,—
Taruni nto zakowetu!
Ncincilili!!!

Where can you still find sons who agree
to bear their fathers' burdens?
You cried today and yesterday, saying,
"These are bad years, they're topsy-turvy."
Yet the years in turn cry out, saying,
"The sons of Adam are topsy-turvy."

People, mend your ways;
end envy and backbiting,
end pride and lust for status.
Who will rule the world,
rule it with blameless hands?
Because kingdoms have been obliterated,
destroyed by rust and rot.
A year makes its entrance there, to be sure.
Peace to you, my people!
    I end there!

40

I-Kilisimesi

"Wamzala unyana wake wamazibulo, wamsongela eziqiyeni wamlalisa emkumbini wesitali, ngenx' enokuba bebengena-ndawo endlwini yabahambi." Luka 2:7

Yizani mawetu!
Yizani mawetu!
Yizani samkele,
Samkel' u Kumkani.
Yizani nivuya,
Nisenz' imihlali;
Lo Yesu uzelwe.—
Lo Yes' ufikile!

Kufik' ingqonyela!
Ayingo Herode,
Ayingo Pilati,
Ayingo Kesare;
Ngu Mangangalanywa,
Yint' eyalatwayo;
Yint' eyaxelwayo.
Yinto eyabikwayo.

Kufik' u-Magama;
U-Mangangalanywa,
I Tole le Ntombi,—
Yase Nazarete.
Kufik' u-Ngonyama!

Christmas (1931)

"And she gave birth to her first-born, a son, and wrapped him in swaddling cloths, and laid him in a manger, because there was no place for them in the inn." Luke 2:7

Come, my people!
Come, my people!
Come let's welcome,
let's welcome the king.
Come rejoicing,
creating merriment;
this Jesus is born –
this Jesus has come!

The One Above All has come!
He isn't Herod,
he isn't Pilate,
he isn't Caesar;
He's Anticipated,
the one indicated,
the one foretold,
the one announced.

Many Names has come;
Anticipated,
Calf of a Maiden
of Nazareth.
Lion has come!

U-Ngcambu ka Jese;
Int' ebiko kade,—
Ngapambi kwe ntlanga.[1]

Ufik' elusana,—
Ezalwa, yintombi;
Etabat' ubuntu,—
Inyama negazi;
Ufike walala.—
Esongwe nge qiya;
Walal' estalini,—
Kub' engenandawo.

Mawetu yizani!
Kufik' indab' enkulu;
Izizwe zomhlaba;
Mazime nge nyawo;
Intlanga mazive,
Mazishunyayezwe;
Kuz' ingangalala,
U-Mangangezulu!

Be-Sutu yivani,
Nixelel' abanye;
Yivani Ma-Zulu
Lomtet' utsho kuni,
Xelelan' abanye
Kufike Ongaka;
Ongu Manyuweli
U-Tixo unati.

Xelelan' izizwe,—
Nani ma-Tshangana!
Aviwe u-Yesu
Kwela ma-Ndebele.

---

1. *ntlange*

Jesse's Root;
who's always been there –
before every race.

He came as a baby,
born of a virgin;
he took on humanity,
flesh and blood;
he came and slept,
wrapped in a cloth;
he slept in a stable:
there was no other place.

Come, my people!
The great news has come;
the world's nations
must stand on their feet;
the races must listen,
they must be preached to;
the mighty one's coming,
Vast As Heaven!

You Sotho, listen,
tell the others;
you Zulu, listen,
this commandment's for you,
tell the others,
His Majesty's come,
who's Emmanuel,
God With Us.

Tell the nations –
you too, Tshangana!
Let Jesus be heard
in Ndebeleland.

Nanko k' u Kumkani.
Makev' ama-Swazi
Udabol' olumnandi.

Nanko k' u-Sonini,
Sonini nanini!
Kumzuzu nikala
Niti "Sikelela"!
Nibik' i-Afrika,—
Kwa nopondo lwayo.
Namhl' iza nge siqu,—
Namhl' iza ngo qobo.

Namhla kuz' u-Yesu!
Weziq' ezitatu;
Ix'wane le Xwane,
I Mvana ye Mvana;
Namhla kuz' u-Jayi!
U Jay' wezihlwele;
U-Nyan' oyintanda,
Intanda ku Yise.

Yizan' abuliswe
Siti ma-Afrika;
Umbongo Nge Abyssinia

Amazwi amakhulu e Mbongi-Yesizwe Jikelele

Awu!!!
Kwakha kwanje phina nkomo zo Noqazo?
Nang'amadela kuf'akwa Kushe!
Izidla-mlilo zase Topiya.
Izirhanini-zezirhanini!
Ndathanda ma NoNgqika,—
Ndathanda nkomo zika Phalo.
Zatsho ndikude,—
Zatsho phezulu kweleentaba:
Kwelama Kafa nama Gala;
Zatsho ngaphaya kwelama Jiji;
Nganeno kwelama Somali,—
Ngasentla kwe Sikhalimanjalo!
Sathanda simabandla ka Phalo!
Koko zitsho sise Zangcibeni;
Ekungeneni kwemilamb'elwandle.
Lanuk' igazi[1] lotshaba,—
Sayisezel'imfazwe ngevumba,
Ngokwamahash'emfazwe kanye.
Kanisibolek'indodana soninika phezolo!
Amadodan'okudl'imityekezo yomlilo
Zatsho kamnandi!
Zatsho kamnandi matol'ase Sheba:

1. *Lank'igazi*

A poem on Abyssinia (1935)

Ringing words from the Poet of the Whole Nation

Oh!
Where else did this ever occur, Noqazo's children?
Here are the House of Cush daredevils,
the fire-eaters of Ethiopia![1]
Proper disrupters of order!
I rejoice, mother of Ngqika,
I rejoice, sons of Phalo.
It started when I was far away –
high up in mountain ranges
in the land of the Kafa and Gala,
beyond the land of the Jiji;
it started this side of Somaliland –
on the other side of Kilimanjaro!
We rejoiced as people of Phalo!
But we were at Zangcibeni when it started,
where rivers join to enter the sea.
The blood of the enemy stank –
we smelt war by its stench,
just as war horses do.
Lend us a young man, we'll return him last night,
young men to devour what fire casts up.
They commenced with confidence!
They fought fiercely, calves of Sheba,

1. On 3 October 1935 Italy invaded Ethiopia, also known as Abyssinia.

Emaz'ephet'amaqhalo namaqhina!
Emaz'ephat'ubulawu nezifikane:
Ephat'ityeleba negusawe:
Nathi besihlala siyiva ngezi Bhalo.
Koko bezingaxeli nesiqingatha.
Kuba bezingathethi nto ngesondo.
Kanti isondo litheth'int'ezinkulu:
Kuba sibone kuphum'ingonyama.
U Kwalukwalu ngokwe Xhalanga:
U Ngalusiba lwa Ngqanga:
U Ngxavula ngokwasilonyana:
Ngokwe Mpemb'enkulu nesinyobolokondwane.
Ndathanda Ras Seyome!
Ndathanda zingqadaza zase Afrika!
Makwedin'aKomkhulu kwa Kushe.
Ndathanda nakurhol'int'etsolo.
Nakuyidlis'inyama-gazi lendoda.
Ayephin'amagqwir'asekhay'apa?
Singakhe sikwele ngabusukwazana.
Sihambh' emafini ngaphezulu:
Simxak' u Masolini limkhohle
Siyibet' igesi ngomgubo ka Phezulu:
Ii Eropleni sizithule ngezilutu.
Simtyhaphaz' amehlo ngengcongolo zohili:
Simke nezidumbu sidlis' ingonyama.
Senze namayez' entelezi nezibindi.
Taruni magqwirha[2] nani magqwirhakazi!
Makube luxolo phakathi kwekhaya,—
Umz' usafa nganina kulendyebo,
Kulendyebo yendyikitya yokubulalana!
Masiy' e Bhasiniya ngabusukwazana:
Senz' iziged' ema Taliyaneni:

2. *magawirha*

the lady who came with proverbs and riddles,
the lady who wafted scent and perfumes,
the lady bearing fragrant tea and mint.[2]
We also heard it from the scriptures,
but they weren't revealing half of it:
they didn't mention sex.
Yet sex suggests grave concerns:
we saw the lion emerge,
a bustard like a vulture,
with feathers like a bateleur,
splayed teeth like a massive beast:
like Mpembenkulu and Sinyobolokondwane.[3]
I rejoice, Ras Seyome![4]
I rejoice, mobile African forces,
boys of the Great Place of Cush!
I rejoiced when you drew your lance
to feed on a man's blood and flesh.
Where are our local witches?
Why can't we fly out one evening
and ride in the clouds high above,
and surprise and confuse Mussolini,
and thrash the gas with Heaven's Powder,
and down planes with *iziluthu*?[5]
We'll blind his eyes with Hili's reeds.
We'll gather the corpses and feed the lions.
We'll fashion charms for protection and courage.
Peace, witches and wizards!
Let there be peace in the homestead –
in this rich harvest why should the village perish,
this rich harvest of rampant killing?
Let's go to Abyssinia one evening,
raise mounds of Italian corpses

2. The visit of the Queen of Sheba to King Solomon is recounted in 1 Kings 10:1–13.
3. Grotesque characters in a folktale.
4. Ras Seyoum Mengesha (1886–1960), a member of the Ethiopian royal family, commanded the army of Tigre when Italy invaded Abyssinia.
5. Witches are said to fly around at night in baskets, *iziluthu*.

Ngo Wayiwayi no Malingaphumi:
Sofik' emakay' ekuzeni kokusa:
Ngezifingo no Mpondo zankomo.
Betha Selasi Mhlekazi,—
Betha kaloku kukulungele!
Thum' iinyoka nonomadudwane:
Thum' iinyosi nonomanxedlane:
Thumel' izibawu nezigcawu:
Thumel' ooqebeyi noonqinishe;
Thumel' imihlwazi namaqungequ:
Siyambon' u Masolini uyabhekabheka:
Selezizond' ubuyata nobudenge;
Tshisa mfo wakwa Kushe Komkhulu!
Sikhe satetana ngawe noQamatha
U Qamatha o Phezu konke kulomazulu;
Ingwangqaz' emaphik' alunanabezi;
U Jehova wezihlwelehlwele,—
U Jehov' uThixo wemikhosi!
Sishiyene kumazw' amahl' athembhisayo,
Esithi zekungabiko Thixo bambhi:
Kuba Yena ngu Thix' onekhwele.
Taruni ma Zants' e Afrika taruni!
Tarhuni ngemfobe nangemfesane:
Taruni be Sutu nani ma Zulu:
Simabandla ka Phalo ka Butsolobentonga.—
Siyayilwa lemfazwe ngezigulo,—
Ngencwina nangemixhelo.
Kuf' ayayo! Kuf' ayayo madela kufa!
Simzi ka Phalo ka Nojoli,—
Siyaninqulela mabandlandini!
Hai ke bet' imfazw'ase Bhasiniya!
Ncincilili!!!

with Kill Me Quick and Kill by Night:[6]
we'll reach home before the break of day,
at dawn, when cattle horns become visible.
Press on, Selassie, Awesome One –
press on while you're doing so well!
Send in snakes and scorpions,
send in bees and wasps,
send the gadflies and spiders,
send serpents and poisonous lizards;
send water snakes and monitors:
we see Mussolini casting about,
regretting his folly and recklessness;
set fire, lad of the Cushite Great Place!
We conferred with Qamata about you,
Qamata supreme in the heavens;
the loud-voiced bird with widespread wings;
Jehovah of the multitudes –
Jehovah, God of hosts!
We parted with splendid, encouraging words
saying there'll be no other gods:
for he is a jealous God.
Peace, South Africa, peace!
Peace for your mercy and sympathy:
peace to you, Sotho, and to you, Zulu:
we're the peoples of Phalo and Rharhabe –
we fight this war with our indispositions –
with our groaning and our conscience.
War's for the brave! It's for the brave, daredevils!
We're the nation of Nojoli and Phalo –[7]
we say invocations on your behalf, fellows!
Alas! The Abyssinian war!
I end there!

---

6. Deadly concoctions.
7. Nojoli was the wife of Rharhabe and mother of his sons Mlawu, Ndlambe and Nukwa and his daughters Ntsusa and Khinzeka (Mqhayi 2009: 262). Phalo was the Xhosa king, son of Tshiwo and father of Gcaleka and Rharhabe.

47

U "1935" Neenkosi zakwa Xhosa

"Ucela ntonina . . . woyinikwa."

U Mn. S.E.R. Mqhayi i Mbongi ye Sizwe uthumele itheko lakowabo i "Mvo," lama nqaku ane mfundiso enkulu:—"Kuyo lenyanga yokugqibela yawo lo mnyaka, kubekho ndaweni ithile, ingqungquthelakazi enge nganganto yosapho lwama Xhosa kunye neenkosi zawo zonke, ezinkulu nezincinane. Ummemi wentlanganiso leyo uthe ibizwa ngu "1935" lo waye ke ebengathandayo ukuba kusimelele nesiqwala, kukhokhobo nexego, kuba uthanda ukudibana naso sonke esisizwe sika Xhosa phambi kokuba asishiye aye kwabaninzi; kuba ke imini zakhe apa kweli lizwe uyeva ukuba sezimbalwa.

Okunene usapho luka Xhosa lufunquke ngendlu ukusisabela eso simemo. Amakhosikazi, nabo bonke abantu base tyhini ababangakho, kuba isimemo sithe bangakhe basale bona ngokwa namhla, ukwenzela ukuzalisa "isiko" lawo lomzi lokokuba intlangano yamadoda mayibe yeyamadoda.

Imini yaba yentle kunene; lazola kwa ukuphuma kwalo kwade kwaya ekutshoneni kwalo, ixesha ke elo ichithakele ngayo ingqungquthela leyo.

Zifike ngokufika izizwe nezizwana zosapho luka Phalo luka Tshiwo luka Ngconde, luka Togu luka Sikhomo, luka Xhosa, kunye nazo zonke izizwana ezi ngamangenelela phakathi kwalo. Iseso isizwe, iyileyo inkosi ne nkosana ifika nesayo isihlwele, itsho tinte kwindawo yayo, ihamba kuhle, icwashula ukunyathela, ngobuhomba nobunono, kuba bonke ezi ntliziyweni babe noloyiko nohloni, ingulowo nalowo ezibuza entliziyweni ukuba, azi yintonina ke le namhlanje? Yakhe yakhona

1935 and the Xhosa chiefs (1935)

"Ask for anything . . . and it will be given."

Mr S.E.R. Mqhayi, the National Poet, has sent his forum, *Imvo*, the following instructive remarks:– In this final month of this year, in one venue or another, a massive convention was held, attended by sections of the Xhosa people and all their chiefs, both junior and senior. The convenor of this meeting was 1935, who also wanted the lame walking with sticks and the old bent with age to attend, because he wanted to meet the entire nation of Xhosa before leaving us to join the throng, because he senses his days here in this world are numbered.

Indeed Xhosa's family arrived in large numbers in response to this invitation. Ladies, none of the women were there, because the invitation said they should stay at home this time, in accordance with the "custom" of the community that a meeting of men should be for men alone.

The weather was ideal; it was a calm day from sunrise to sunset, when this convention ended.

The groups and sub-groups of the family of Phalo, Tshiwo, Ngconde, Togu, Sikhomo and Xhosa[1] arrived at various times, together with other lesser groups who had amalgamated with them. The chief and petty chief of every group arrived with his entourage, and they sat in their allocated places, tiptoeing silently in orderly files, with great care and dignity, because all their hearts were filled with apprehension and caution, each one wondering at heart why he had been invited.

1. This is the abbreviated lineage of the descendants of Xhosa, the eponymous founder of the Xhosa people.

khona embalini yama[1] nyange. Kuthe nokuphakama kwabantu ukuyiza lembizo, kothukeka, koyikeka, kwamhlophe ukuba asisiso simemo nje kodwa le,—yinto inento yayo; ibe noku kubizwa ibizwe ngomphanga othile onegunya elenze ukuba kungabiko namnye olimangalayo, nonesixakeko, nonesizathu, ngegama elinye kusuke kwaakho umoya apha ovuma ukuya, phofu lukho ufuba, novalo, nongcangcazelo, olungaqondakaliyo nalo ukuba lubangelwa yintonina. Ite kanjalo lento ukwenza kwayo yenza ukuba ixesha lokufika linge beliqingqiwe, yantle yonke lonto.

Bathe bakubon' ukuba bonke bahleli ezindaweni zabo; baakhe isakhombekazi esikhulu ukuhlala kwabo; bete cwaka, zole, bengaphakamisi ukuthetha, bengena zinqawa emilonyeni; besoyika nokujongana; bebonakala ukuba ngabantu abalindele nto ithile bangayaziyo. Kwalile kweso sithuba ke kanye,—savakala isandi esilulwandile ngokungathi liyazongoma, kunye neso sandi kushume ilizwi elicacileyo lisithi: "Bhotani lusapho luka Xhosa!" Ibe kwa lulwandile olukwanjalo ukuphendula ngelithi: "Bhota wena Mhlekazi!"

Lihambisile ilizwi elo, ngemvakalo emnandi, necacileyo, nenendili enkulu nokuzola lisenjenje: "Nimenywa ndim, noko ningandiboniyo; njengoko isimemo ke besisitsho, mna ndingulomnyaka we "1935." Niyazi ke ukuba le nyanga seyiyi nyanga yomNga, seyiyi nyanga ye Kilisimesi, nje ngoko senisitsho ngoku ukuyibiza; lonto ke ithetha ukuthi iintsuku zam zokuphila kweli hlabathi sezimbalwa kakhulu, ngokwesoko lommiselo wesako wethu isizwe. Thina iintsuku zethu zokuhlala elizweni siyazazi; kodwa yimbhekokazi enkulu kuni ukulifihlelwa oku ixesha lenu; umntu omkhulu akaxelelwa yonke into le ngakumbi intwana ephantsana njengomhla wokumka elizweni.

"Indawo endininqwenela ngayo ke yile, ndiya kooyihlo, nooyihlo booyihlo, kwanje ngokuba ndisiya nam kwabam ookhokho bookhokho. Ndithe lento mandi nganifihleli, njengoko oobawo begqithe badlula benga bhekisanga zwi kuni, amaxesha oobawo nooyihlo yayingalawo ezinto ezi fihliweyo; namhla awethu nga wezi Tyilelo, nokukhanya.

"Yenzani ke ilizwi lomyalezo, ningathanda ukuba ndifike ndi thinina kumawenu lawo? Maniphawule kanjalo ukuba anditsho ukuthi

1. *ama*

They wondered if a similar meeting had ever been held in ancestral history. The way people responded to the invitation gave rise to concern and consternation, it was clearly not just an ordinary invitation – there was some serious purpose; no one could refuse the invitation which was distributed officially by someone with the authority to command everyone's attendance, without excuse, none having a reason for absence, in short, everyone felt an eagerness to attend, although with some anxiety, palpitation, trembling. Everything happened on time as if they had fixed their arrival time in advance. All went well.

When everyone had taken his place, seated in a large semicircle, silent and still, no one raising his voice, no one with a pipe in his mouth, afraid to look at one another, they appeared as people anticipating the unknown. Right at that moment – a sound rumbled like thunder, and at that noise a voice was heard saying clearly, "Greetings, family of Xhosa!" An equal chorus responded, saying, "Greetings to you, Sir."

That voice continued in a pleasant tone, clear, very calm and polite, saying, "You have been invited by me although you can't see me; as the invitation stated, I am the year 1935. You know that this month is the Mimosa Month, the Christmas Month, as you call it now; that means that my days of living in this world are extremely limited in terms of our nation's established code. We know our days of living in this world; but out of deep respect for you that period is concealed from you; one does not tell an old person everything, especially something as insignificant as one's day of departure from the world.

"What I wished for you is this: I am going to your fathers and forefathers, as I am also going to my fathers and forefathers. I decided not to hide this from you as my fathers in the end left without a word to you. The times of my and your fathers were times when things were concealed; today our times are of revelation and light.

"So convey your commission: what would you all like me to say to your people when I arrive? Note that I am not saying that your people,

amawenu lawo, nooyihlo booyihlo banagunya lanto lokunenzela iminqweno yenu,—nto banayo yiminqweno yokuninqwenelela okuhle xa nithe nahamba ngeendlela ezifanelekileyo. Kuze kuthi ke ngayo loominqweno yabo kukholise ukuba kubekho ubuhle kuni, nako nyana benu, nakwimizi yenu.

"Ndipheni ke ilizwi lusapho luka Xhosa, nithanda ukuba ndi niphathele myalezo mnina oya kwabadala benu asebehleli e Nyangwaneni?"

Uthe esitsho u "1935" wabe esitsho wum eshenxa, ukuba umzi lo ukhe udlane indlebe, eza kubuya kwa kamsinya phofu.

Akubanga mzuzu uphi umzi usengxoxweni kuphunywe kamsinya nesigqibo esithi:—

"Hamba Bawo, Mhlekaz' omhle usicelele apho kuma Nyange akowethu, asinqulele apho ku Qamatha wakowet' omhle, sizuze intlalo yethu yamandulo, siphume ekuphathweni naseku lawulweni zizizwe ezisiphetheyo ngokunje, ezisilawula ngentonga yentsimbi."

Emveni koku kubekho imibuzo neempendulo eziloluhlobo:

Intlalo yenu yamandulo naniyithanda na?

Kakhulu Mhlekazi.

"Yathinina ukuze yonakale nje?"

"Hayi Bawo, kwafika ezi zizwe zisilaulayo zalwa nathi zasoyisa; zasiphatha ke ngayo lendlela imbi zisiphethe ngayo ngoku?"

"Akukho lizwi na lalikhe lafika linikhalimela ukuba nibuye ezindleleni zenu ezingakholisiyo?"

"Likho bawo ilizwi elafikayo no Nxele no Ntsikana no Mlanjeni."

"Nawaphulaphula na ke loomazwi?"

your fathers and grandfathers, have authority to grant your wishes – all they have is the desire to wish you well if you pursue the proper path. Because of their strong desires, sometimes some good accrues to you and your sons and your households.

"Family of Xhosa, give me a word that you would like me to convey on your behalf to your elders who are now seated Above."

With those words, 1935 suddenly withdrew so that the crowd could confer, promising to return soon.

The crowd debated for a short while and soon arrived at the following decision:

"Take leave, Father, Sir, and intercede on our behalf with our ancestors there to invoke our glorious Qamata to give back to us our ancient way of life so that we might emerge from the rule and government of the nations who treat us thus, ruling us with a rod of iron."

After this there was an exchange of questions and answers as follows:

"Did you like the ancient way of life?"

"Very much so, Sir."

"Why was it destroyed then?"

"Well, Father, these nations ruling us came and fought with us and defeated us; then they treated us in the cruel manner in which they handle us now."

"Did you ever receive a word of rebuke to turn you back from your unsatisfactory ways?"

"There was such, Father; it came through Nxele, Ntsikana and Mlanjeni."[2]

"Did you heed those words?"

---

2. Three Xhosa prophets: Nxele (or Makhanda) and Mlanjeni favoured military resistance to the encroaching whites; Ntsikana preached accommodation on Xhosa terms. Nxele and Ntsikana were active in the first two decades of the nineteenth century: Nxele participated in an attack on Grahamstown in 1819 for which he was imprisoned on Robben Island, and drowned in an escape attempt in December of that year; Ntsikana died in May 1821. The teenage Mlanjeni doctored the troops in preparation for hostilities in the War of Mlanjeni (1850–53). On Nxele see Wells (2012); on Ntsikana see Bokwe (1914); for an epic poem on Mlanjeni's War, see Yali-Manisi (2015: 60–203).

"Hayi Bawo, Mhlekazi, ubudenge babusasi bambe ngamandla omakhulu ngaloomihla, singakwazi ukunene kwethu kwikhohlo lethu."

"Avulekile na ke amehlo enu namhla?"

"Kakhulu Bawo, Mhlekazi."

Ubuzile kwesi sithuba u 1935 ukuba "kodwa ke ningathi niyinikwa ngomso lo ntlalo yenu yamandulo, kunganixolisa kangakananina ukuhlala ngapandle kweendywala, nokuhamba ze, nokungafundi, nokungabi namihla yee Sabatha? Ningaba sakuthanda kangakananina ukuhlala ningalimi, okanye ningabi nazinto zakulima? Igolide le ningaba sakuthanda na ukuhlala nayo ningayimbhi niyazi ukuba iphantsi kwenyawo zenu? Xa nje nithi nanibanjwe ngamandla obudenge baleyo mihla, niyithandela nina imihla yobudenge obungako?

Kuthe kulembizo ngoku yamana ukuwa ngokuwa impendulo. Kwade kwacaca ukuba umzi ka Xhosa awumnye, awunqweneli nto inye, nezomini zamandulo kwamhlophe ukuba awusazifuni.

Usuke ke ngoko u "1935" wagqiba ngeli lithi: "Anindinikanga ke mzi ka Xhosa elona lizwi lingumnqweno nesicelo senu ku Qamatha lowo wakowenu. Kumhlophe[2] ukuba nisahamba emnyameni, anikayazi into emaniyithandazele nibe nayo, nemaningabi nayo. Ndiyakufika ndithethe loomazwi kooyihlo booyihlo, baninqulele ukuba nizazi nina iziqu, nizikhumbule nina ngokwenu, nikuqonde ukuhamba kwe "Vili" yamaxesha ka Qamatha.

"Ndiya kuniyaleza kakhulu kunyana wam u 1936 ukuba maze abe nenceba phezu kwenu; kodwa anganiyeki nithandane nentlalo yobudenge naxa afikileyo amaxesha entyilelo nawokukhanya."

---

2. *Kuhlophe*

"No, Father, Sir, we were still held firmly in the bonds of ignorance in those days, unable to distinguish between left and right."

"Have your eyes been opened now?"

"Very much so, Father, Sir."

At this point 1935 asked, "But if tomorrow that ancient way of life could be restored to you, how happy would you be to live without home brew, going naked, not going to school, not having Sabbath days? How happy would you be with a life without planting, or the means to plough? Would you like to live with gold and not dig it, knowing it was under your feet? If then you say you were shackled in the bonds of the ignorance of those days, why do you hanker after such days of ignorance?"

Now in this meeting various responses started coming forth until it became clear that the house of Xhosa is not of one mind, it does not desire the same thing. It was obvious they did not favour those days of old.

1935 finished by saying, "House of Xhosa, you have not precisely expressed to me what you most dearly wish from that Qamata of yours. It is clear that you are still walking in darkness, you don't yet realise what you should pray for, what to have or what not to have. When I arrive, I'll convey that message to your fathers and forefathers, then they will utter invocations for you so that you come to terms with yourselves, and bear yourselves in mind, so that you can understand the motion of the 'Wheel' of Qamata's times.

"I will commend you strongly to my son, 1936, so that he may have mercy on you; but you should not allow yourselves to hanker after the ignorant way of life when the times of revelation and light have arrived."

48

U-"1936"

U Mnumzana u S.E. Krune Mqhayi, wase Ntabozuko, Berlin, uphindile ukusithumela lemigca, ngawo lomnyaka utwasayo ka 1936,—esithi nathi bephepha afanelwe kukukhe akhangelwe:

Kuthe ekuthwaseni kwawo lomnyaka zamenywa zonke izizwe ezintsundu ezikwi Afrika ese Zantsi,—oko kukuthi kude kwaya kuma ngomlambokazi ongum Zambezi; zamenyelwa ndaweni ithile isisazulu selizwe. Ummemi kuthiwe ngu "1936." Iintlanga ezibe lapho azinakubalwa ngobaninzi bazo,—baye abantu befikile kwizigidi ezihlanu (5,000,000) amadoda odwa; intetho icace kumntu wonke, kungekho kh[u]msha.

Livakele esikhinindini sendimbane ilizwi lisenjenje:—Taruni lusapho luka Adam, luka Kushe, luka Ntu! Ndiyataruzisa ngokunidlela amaxesha enu anqabe kunene, ngakumbi kuba nina ngokwesoko lakowenu, ndise lusana mna 1936, ndise yimveku, untemekana ongekabi nangqondo, nakuva nakubona, nakuthetha. Kanti ke ngokwelakowetu isoko, lakwa "Mnyaka" ukuba ezizinto niyazipaula,—

(1) Umtana akazange avele esekho uyise.

(2) Evelile ke umtwana, akusekho buncinci kuye selesendaweni kayise ngokuzeleyo. Makathethe aqanane agqibe, kuba nengqondo seyingako.

(3) Eyethu iminyaka yokumka elizweni iqingqiwe; sihleli siyazi; ima 365 nakuba mna nabathile sinetamsanqa elikhulu kunene lokuba nomnyaka omnye ngaphezu kwale Siyibulela nzulu londawo.

1936 (1936)

Mr S.E. Krune Mqhayi from Ntabozuko, Berlin, has once again sent us the following remarks on this incoming year of 1936 – and those of us at the newspaper say they are worthy of consideration:

At the beginning of this year, all the black races in South Africa – that is, those in the region that extends to the great Zambezi River – were invited to a certain venue in the centre of the country. The one who invited them was 1936. The groups who attended were so many they were beyond measure – about five million turned up, men only; the language was clear to everyone, there were no English speakers present.

A voice was heard in the middle of the gathering, saying: Peace to you, family of Adam, of Cush, of Ntu! I beg your indulgence for taking up your scarce time, especially because, according to your custom, I, 1936, am still a baby, an infant, a little child who lacks understanding, hearing or sight and the ability to speak. But you should note the following in accordance with the custom of the "Year" family:

(1) A child is never born while the father is still alive.

(2) When a child has been born, there is no youth in him because he succeeds his father at birth. He should therefore speak out boldly because his brain is fully developed.

(3) Our years of departure from this world are fixed; we know our year is always 365 days long, although I and some others were lucky to have one day[1] in addition to that. For that we are most grateful.

1. The original has *nomnyaka omnye* (one year).

Ukutsho ke ma Afrika amahle ndithi,—maningabudeli ubuncinane bam.

Apho sivela khona thina minyaka siphuma kwa Nyange Lemihla, Komkhulu lama Komkhulu onke apho yonke indalo iphuma khona, amazulu awo amazulu, inzonzobila zehlabathi nezeelwandle, amalanga, iinyanga neenkwenkwezi,—zaye zonke ezonto kwa nathi minyaka sinqula u Menzi lowo u Ndikhoyo, u Qamatha wezizwe. Ngakho oko ke zonke izizwe neentlanga ezilunqulo luchaseneyo nolu lwethu thina minyaka, ezo zizwe zimelwe kukuba zisingiselwe emva. Qondani thina minyaka sikhonza u Menzi—ngoko ke sisikelela izizwe neentlanga ezikunye nathi elunqulweni,—mayicace lendawo kuni lusapho luka Ntu.

Kwakhona iminyaka ngoku iyalelwe apho kwa Menzi ukuba mayizityhile eziya zinto bezifudula ziyimfihlelo; kuthiwa ngoku masithethathethane nani lusapho luka Adam, nizokuhamba nibona, mayiphele into yoobawo nooyihlo benu, bona bebengathethi, bengazani, bengathini,—awethu nani amaxesha ngawokhanyo, nokwandisa kobulumko nolwazi.

Kuvakele Komkhulu kwa Menzi ukuba nina ninesikhalo sokulilela imihla yenu yamandulo,—niyabona ke imihla le isesandleni sika Menzi, sika Ndingokhoyo, ngakho oko Khonzani u Menzi, nixele ezinye izizwe ezi zinilawulayo, kuba i Gunya lazo lokunilaula, liphuma Kuye. Lonto ke ingathi niyenzile, ningawubona ummangaliso elizweni; kuba mna lo 1936, untsukwana nizaziyo ubufutshane bazo, ndingathi ndisiya kwabakokwethu, ndiye seniyifumene imihla yenu yamandulo, nayifumana ihonjiswe ngohlobo eningeze nikholwe ukuba ise yiyo. Injalonje leyo mihla yona ayiyanga ndawo, nantso kwaphakathi kwenu; ilindele kwanina, kuba ibanjwe kwanini.

Ndicela ukuyeka lusapho lwa Komkhulu ukuze ndinganikruquli ngentetho ende, eninzi. Ngakumbi kuba ke ndisavela nokuvela, sisaza kululekana, siphathe kukhathazana,—sincomane sidela[n]e kwezinye izinto: kodwa mna ngelam, mna 1936, ngumnqweno wam omkhulu ukuba sihlalisane kamnandi, sisebenzisane kakuhle, nivuleke amehlo nibubone ubukhulu benu; kuba ngokwangoku anikabi nalo nofifi lokuzazi into eniyiyo.

In short, handsome Africans, I say – don't condemn my youth.

We years emanate from the Ancient Of Days, the Great Place Of All Great Places, the source of all creation, the vast heavens, the depths of the earth and the oceans, the suns, moons and stars – all those things, and we the years invoke the Creator who is I Am, Qamata of the nations. Therefore all nations and races whose faith is opposed to ours, the years, should be held at bay. Note that we years worship the Creator. And so we years bless all nations and races who share our faith with us – let that be clear to you children of Ntu.

Second, the years have now been instructed by the Creator to reveal all those things that once were mysteries; it is now said we must hold discussions with you, family of Adam, so that you journey with open eyes; you must end the practice of our fathers and yours, who did not talk to each other, who did not know each other, who had no relations with one another – your times and ours are times of enlightenment, the spread of wisdom and knowledge.

The Great Place of the Creator has received word that you regret and lament the loss of your olden days – but, you see, days are all in the hands of the Creator, of I Am Present, therefore worship the Creator like other nations that rule you, because the authority to rule you comes from Him. If you could do that, you would see wonders in the land, because my days, as 1936, are few, as you know, but before I return to my people I could acquire your olden days for you, and you could have them decorated in such a way that you would not believe they were the same. In actual fact, your olden days have not disappeared, they are still there in your midst; they await your embrace.

I beg leave to end there, children of the Great Place, so as not to bore you with a long and wordy speech, especially since I have only just been born. We have still to set each other straight, annoy one another – praise and dismiss each other from time to time; but as for me, 1936, my strong desire is for us to live together in harmony, in full co-operation, and for your eyes to be opened to perceive your greatness, because, as of this moment, you haven't the faintest idea what you are.

Hambani ke nigoduke,—
Mzi ka Mthetho wakwa Mthetho!
Ninekamva elingcwele,—
Eningekalityhilelwa.
Linqwenelwa ngamazulu
Nazinzulu zaz' iilwandle;
Linqwenelwa ngamalanga
Nazunzuthela zentlanga.
Nilibekelwe ilifa,—
Guqukelani nganeno!!!
1936.

Return home then,
people of the Law of Laws!
You have a sacred future
that's not yet revealed to you.
It's desired by the heavens
and the depths of the oceans;
it's desired by the suns
and the hosts of nations.
Your heritage is reserved for you –
just cross over to this side!
1936.

49

U Kumkani u Joji wesi Hlanu

Umhla we 14 kuyo lenyanga yom Qungu, eyinyanga yokuqala, kuwo lomnyakana ka 1936, ngumhla oyakusoloko unebala, ngenxa yesiganeko sawo sokususa elizweni iNgangalal' Enkulu—uGeorge V wase Britani Enkulu kwa nezi Thanga zayo.

Sawabon' amaf' efingiza,—
Ed' abethane nangamabunzi;
Sazibon' inkwenkwezi ziwasazela,
Zizizantanta ngokwamantshontsho,
Ngokwamantshontsh' ebon' ukhozi;
Sawabon' amaroz' ehexa,
Emi mangqangq' eyek' ukuroza.
Wafipal' uCanzibe;
Lamnchumev' iKwezi,
Iyemk' Ingangalal' Enkul' engatshonelwa Langa!

Mhla kwagilek' ilanga
Ladend' ukuphuma;
Lisaz' isiganekokazi;
Sokulila kwenkuku zokupinda.
Yangcangcazel' inyanga ngokoyika,
Yoyik' umbuzo wonyana babantu;
Xa bati "Nyanga Phendula,—
"Bekwenzeke ngokuthinina
"Kwimikhosi yonke yezulu?
Iyemk' ingangalal' Enkul' Engatshonelwa Langa!

King George V (1936)

14 January, the first month of the year, in this young year 1936, is a day that will always be blemished because it is the memorable day of the departure from this world of the Great Sovereign George V of Great Britain and her Commonwealth.

We saw the clouds clustering –
at times clashing heads;
we saw stars scattering in all directions,
rushing to and fro like chickens,
like chickens who've spotted an eagle;
we saw Orion's Belt flapping in the wind,
disrupted, out of line.
The month of May faded;
the Morning Star darkened,
Great Sovereign the sun never sets on is leaving!

The day the sun stumbled
and withheld its emergence
it knew the historic news
at the second cockcrow.
The moon trembled in terror,
fearing questions from the sons of men,
saying, "Moon, reply:
what actually happened
to all the heavenly hosts?"
Great Sovereign the sun never sets on is leaving!

Mhla lahex' ihlabathi,—
Kwakhal' imiqadi neentsika.
Zagoqoz' iziseko zalo,
Zaw' izixhaso zehlabathi;
Warhabax' umgqumo wolwandle.
Zaqhekezan' induli zamaza;
Axengaxeng' amandl' eNyanga,—
Ayabi nakuzibumb' iinduli zamaza;
Yanguqukulubod' indalo ka Thixo,
Ukumka kwe Ngangalal' Enkul' Engatshonelwa Langa!

Mhla kwahlab' umban' osimanga,—
Wathi ngxi kuzo zon' imbhombho zelizwe
Zaquban' izikumkani zomhlaba,
Zawohlok'[1] iiterone zangamavithi.
Zantywilantywilek' iziqiti zeelwandle
Mhl' iindlovu zasezilwandle,
Yat' iminenga yasemahlathini;
Iintlanzi zaty' incha ngokweenkomo,
Imivundla neembila zasezizibeni;
Ukumka kwe Ngangalal' Enkul' Engatshonelwa Langa!

Yiyeken' ingabaliswa ndim
Mayibaliswe zizukulu zezizukulu;
Imbhali yokumka kuka Joj' wesi Hlanu.
Umzukulwana ka Fitol' iLungakazi,
Lingelunga ngokwenkomo,
Lilungakazi kuba lalilungile.
Ndiyekeni bantu bomhlaba,
Kuk' iint' ezingathethekiy' elizweni;
Lontemekana womnyakana,—
Sewumke ne Ngangalal' Enkul' Engatshonelwa Langa!

1. *Zawohlok*

The day the earth flapped in the wind
its rafters and pillars creaked.
Its foundations clattered,
the earth's props collapsed;
the roar of the sea intensified.
The wave crests shredded each other;
the moon's strength waned,
unable to shape the wave crests;
God's nature flipped on its head,
at the death of Great Sovereign the sun never sets on!

The day a strange lightning struck –
it fell on all the earth's corners.
All kings of the world assembled,
thrones collapsed and shattered.
The oceans' islands sank
the day whales and sea elephants
were found in the forests;
fish ate grass like cattle,
dassies and hares were found in pools
at the death of Great Sovereign the sun never sets on!

Leave it be, I can't tell this story,
great-great-grandchildren will tell it,
the tale of George V's parting,
grandchild of Victoria the just,
not "just" as applied to cattle,[1]
but "a just lady" because she shows justice.
Leave me alone, earth dwellers,
some worldly things exceed reason;
this babe of a year has already taken
Great Sovereign the sun never sets on!

1. The noun *ilunga* can mean a just person as well as an ox with black and white spots.

Awu!!!
Ndiyekeni zi Ntaba nani zi Nduli;
Ndiyekeni milambo yelizwe;
Namhl' iintaba zizakuba yimilambo,
Imilamb' izakuba zintaba.
Namhl' iinduli zizakuba ngamathafa,
Ama thaf' azakuba zinduli.
Ilitye liwubethil' umfanekiso,—
Zingqondi yizani sifanekise.
Imkil' Ingangalal' Enkul' Engatshonelwa Langa!

Hamba Soganga noko sitshoyo!
Hamba Magob' egungxula,
Mbhambhalal' ephezu kweziziba,
Eyoyikwa nazi Mpundulu.
Usaya kulaul' izizwe ngezizwe,—
Kwizw' elizayo lemimoya.
Bafikil' abafo bakho kwi Afrik' ese Zantsi
Barobile, beva, babona,—
Nal' usapho luka Ntu ludwelile,—
Ludwelel' ukumangal' eBritani
Namhl' isigwebo basilindele:
    Makadl' Ubom uKumkani.
    A,—Zweliyazuza!!!

Oh!
Leave me alone, hills and mountains;
leave me alone, streams of the land;
today mountains will turn into rivers,
and rivers will turn into mountains.
Today hills will turn into plains,
and plains will turn into hills.
A stone has struck the portrait –
come, sages, let's set an example.
Great Sovereign the sun never sets on has left!

Go, Barrel Chest, despite what we said!
Go, Stoop And Crush,
Block Of A Man above pools,
feared even by lightning birds.
You'll yet reign over many nations –
in the future world of the spirit.
Your sons arrived in South Africa,
they peeped, listened and saw –
there in a line stands Ntu's family –
lined up to protest in Britain.
Today they await the outcome:
    Long live the king!
    Hail, Land In Labour!

50

"A, Zweliyazuza!" King Edward VIII

ASIN' EDEDELANA kakade!
    Asin' ededelana.
Yinto yalonto lonto,—
Yint' ifana nezinye.
A, Zweliyazuza! A, Zweliyazuza!!

Mtwesen' ubukulu bakokwabo,—
Mtweseni ngendyebo ngendyebo;
Mtweseni ngelanga nangenyanga;
Zingaze zimtshonel' ezonto;
A, Zweliyazuza! A, Zweliyazuza!!

Mtweseni ngezithethe zoyise;
Mtweseni ngokuzola noxolo;
Mtweseni ngentabalala yezizwe,—
Abe nentlang' ezingenakubalwa.
A, Zweliyazuza! A, Zweliyazuza!!

Ufike xa kanye lizuzayo,
Lizibhija ngokomfaz' ozalayo;
Ufike kanye ngexesha lake,
Ngu Zweliyazuz' igama lake.
A, Zweliyazuza! A, Zweliyazuza!!

Asin' ededelana mfo kabawo,
Ahlutan' intlak' emilonyeni.
Zizingqi nezagwelo kupela,

"Hail, Land In Labour!" King Edward VIII (1936)

Of course one yields to another!
    One yields to another.
That's common practice –
everyone does it.
Hail, Land In Labour! Hail, Land In Labour!

Crown him with his home's greatness –
crown him with bountiful harvests;
crown him with sun and moon,
so those things never set on him.
Hail, Land In Labour! Hail, Land In Labour!

Crown him with ancestral ways;
crown him with calm and peace;
crown him with hosts of nations,
to possess countless races.
Hail, Land In Labour! Hail, Land In Labour!

He came with the country expectant,
a woman writhing in labour;
he came when she was due.
His name is Land In Labour.
Hail, Land In Labour! Hail, Land In Labour!

Brother, one yields to another,
they rob the sweet gum from each other's mouths.
You hear only chomping and mumbled snatches.

Ihlabathi liyazungulezwa.
A, Zweliyazuza! A, Zweliyazuza!!

Yadlul' i Ngangalala yezizwe,
Yakwelel' eny' i Ngangamsha yentlanga
Ke sayipakel' inkobe nemipotulo,—
Yayingumf' omnandi kakulu ke wena.
A, Zweliyazuza! A, Zweliyazuza!!

Mbongen' u Langa Liyakanya;
Nkab' ezinqhukuva zaba Tembu;
Nqwel' Emhlope yehlummang' onkone,
Watet' ityal' elikul' e Diyala.
A, Zweliyazuza! A, Zweliyazuza!!

Makube luxol' e Bilitani,—
Eli lizwi maliqeleke.
Makube licamag' elihle,
Kube cosi kube hele.
Hamba kamnandi nkosi yam!
A, Zweliyazuza! A, Zweliyazuza!!

The world is rendered giddy.
Hail, Land In Labour! Hail, Land In Labour!

Sovereign of nations has passed away,
yielding to the next Sovereign of races.
We once gave him mielies and corn mash –
he was indeed an affable fellow.[1]
Hail, Land In Labour! Hail, Land In Labour!

Give praises to Shining Sun,
cropped oxen of the Thembu,
White Wagon descending a steep incline;
he dealt with a delicate case in De Aar.[2]
Hail, Land In Labour! Hail, Land In Labour!

Let there be peace in Britain –
let all get used to this word.
May the mediator be kind,
so there's mercy, so there's relief.[3]
Journey well, my lord!
Hail, Land In Labour! Hail, Land In Labour!

---

1. As Prince of Wales, Edward VIII visited South Africa in 1925: see items 27 and 28.
2. As Mqhayi explained in an article published in 1933, "*Ngomnyaka we 1925, oko i Prince of Wales ibikweli lizwe, imantyi zase Transkei zamlibala u Chief Ngomhlaba ukumvelisa ukuba aziwe, azuze imfanelo zake njenge nkosi enkulu. U Busobengwe wenza ukuba u Mhlekazi lowo aye e De Aar apo wazifumana kona zonke imfanelo kwa nentonga eyayinikwa yi Prince kwezinye inkosi. Esisenzo sasindisa ingxwabangxwaba eninzi yenteto nokunyolana*" (In 1925, when the Prince of Wales was in this country, the Transkeian magistrates forgot to present Chief Ngangomhlaba [with a commemorative cane] so that he could be recognised and receive credit as a senior chief. Busobengwe [W.T. Brownlee] arranged for the chief to travel to De Aar where he received all credit and the stick the prince handed to the other chiefs. This action stifled heated verbal exchanges and recriminations, Mqhayi 2009: 456–7). Ngangomhlaba was Mpisekhaya son of Salakupathwa, the Gcaleka king.
3. *Icamagu* is "the witch-doctor officiating at a propitiatory sacrifice"; patients commencing a consultation exclaim "*Makube hele! Makube cosi!*" (Kropf 1915: 55).

51

I Kresmesi "1936"

"Uxolo emhlabeni." Luka 2:14

Uzuko, uzuko ku Thix' e Nyangweni,
Uxolo, uxolo, uxol' emhlabeni!
Inkol' ebantwini nasebantwaneni,
Uxol' ezizweni nasezintlangeni.

Nanko kamb' efika uMnini Luxolo!
Ufika lungekho luphelil' uxolo.
Ufika izizwe zizijahahela,
Ziqumbe, zisilwa zilahla nendlela.

Ufika kakubi kukhandw' izixobo,
Ikrele lihamba phandle kwesinxhobo;
Ufika kukubi kuncencez' igazi,—
Igazi lendoda nomntwana, nomfazi.

Ufik' amagosa abepheth' ilizwe,
Evukelen' onke kwizizwe ngezizwe;
Kungekho sizathu ngaphandle ko mona.
Kwa nokunyoluka, okuzal' umnqweno.[1]

Taru ke, tarhu ke Sonini naniini!
Tarhu ke, tarhu ke, tarhu Gorha ndini!

1. *umnqwena*

Christmas 1936 (1936)

"Peace on earth." Luke 2:14

Glory, glory to God in the highest,
peace, peace, peace on earth!
Faith to men and children,
peace to all nations and races.

There comes Owner Of Peace!
He finds peace absent and gone.
He found the nations in disarray,
fighting furiously, losing their way.

He arrives at a bad time with weapons forged,
with the sword unsheathed;
he arrives at a bad time with blood discharging –
the blood of man, child and wife.

He arrives when officials ruling the land
rise in contention in nation on nation
for no cause other than envy
and greed that spawns cupidity.

Peace then, peace then, Everlasting!
Peace then, peace then, peace, you Warrior!

Kobona kwa Wena sizeyelisele.
Sibambene ngazo sizixakisile!

Sibik' i Afrika izwe lobumnyama,
Kawuyiph' intsuku ing' iyaphaphama.
Ayazi nokhohlo nokunene kwayo,
Ayazi na Thixo ungum Dali wayo.

Ufika nje namhla Njengel' a'Komkhulu,
Sithemb' iziqwenga zezintw' ezinkulu!
Sithembe ubuntu, sithembe uxolo,
Sithembe uxolo, uxolo, uxolo!

Uxol' emhlabeni uxol' ezulwini,
Ezingelosini, uxol' ezizweni,
'BuKumkani Bakho buza bunoxolo,
Ngoko ke Mhlekazi, uxolo, uxolo.

You'll find out yourself we've drowned ourselves.
We're at loggerheads, in a tangle!

We report on Africa, land of shadow,
please give her time to awaken.
She doesn't know left from right,
she doesn't know God her Creator.

Today you arrive, Great Place General.
We trust in the tatters of great ideals!
We trust in *ubuntu*, we trust in peace,
we trust in peace, peace, peace!

Peace on earth, peace in heaven
among the angels, peace among nations,
your kingdom comes in peace,
and so, Awesome One, peace, peace.

52

I-Kresimesi ka 1937

"Lo ngunyana wam oyintanda endikholiweyo nguye; mveni yena."
Mat. 17:5

Ngu Lizwi igama ka Khe!
Izinto zonke zizeza Khe;
Zaadalwa ngelizwi la Khe,
Nathi sikwa zinto za Khe.

Izul' eli lile la Khe;
Umhlaba lo ungowa Khe;
Ulwandl' olu lulolwa Khe;
Yonk' indalo iye ya Khe.

Umzi wa Khe wonakele,
Utshaba luwuvukele;
Imfazwe k'iphathelele,
Um Tyholi uchithakele!

Kwabakh' imfazw' ezulwini!
Ka lusifa no So Niini;
U Lusif' une nzwinini,
Yekratshi e-Nyangwaneni.

Uchitw' akabi nandawo;
Namawaka akhe lawo;
Balahlelwa kulondawo;
Esimise kuy' inyawo.

Christmas 1937 (1937)

"This is my beloved son with whom I am well pleased; listen to him!"
Matthew 17:5

His name is The Word!
All things are his,
brought into being through his name.
We too are his possessions.

The heavens are his;
the earth is his;
the sea is his;
creation is his.

His homestead's shattered,
the foe contested it;
war persists,
the Slanderer's vanquished!

There was war in heaven
between Lucifer and Everlasting;
Lucifer raised a clamour
of arrogance in the heavens.

He's cast out dispossessed
with his thousands of minions,
hurled down to that place
where we were set on our feet.

Bayigqogqa bayidyoba!
Bayithutha bayithimba!
Bayibopha bayibamba!
Yazaliswa ngama vumba.

Kuphum' u-Lizwi ngokwa Khe,
Walwa kwa imfazwe ya Khe;
Kwakuwo lomhlaba wa Khe,
Kanti' uloyiso lolwa Khe.

Namhlanje K'iyaphuthunywa;
Phezulu kuyashukunywa;
Kuluvuyo kwizithunywa,
Lon'utshaba luyalunywa.

Masivume amaculo!
Silumemeze uxolo!
Abantu babe nenkolo,—
Benze imini yophumlo.

Makabongw' ose Nyangweni,
Osikhup' etolongweni;
Wasibeka endleleni,
Esingisa ebomini.

They stormed and sullied it,
robbed and plundered it,
bound and imprisoned it!
It reeked with odours.

The Word emerged in person,
and fought his own battle
in this land of his,
and the fight fell to him.

Today he is fetched;
there are tremors above;
there's joy midst the angels:
that foe has been savaged.

Let us sing hymns
and proclaim peace!
Let people have faith,
declare a day of rest.

Praise to the One on high
who's released us from confinement
and placed us on the path
leading to life.

53

U 1937 No 1938

"Khumbula imini zasemaphakadeni,
Qonda iminyaka yezizukulwana ngezizukulwana;
Buza kooyihlo bakubalisele
Kumadoda amakhulu okowenu akuxelele."
Dut. 32:7

Uphoswe lukhulu lowo ungabangakho mhlana ixhego elingu 1937 lalisenza amazwi omyolelo, liwabhekisa kunyana walo u 1938.

Andikulibali ukufa, igosa elimagunya angummangaliso, igosa elimagwevuzo othusayo nakobehleli kakade ezazi iimini zakhe ezixelelwe. Kuthi kwakufika ukufa kufike namaqwebiso, nezothuso, nezoyikiso.

Indoda leyo inkulu ibize unyana wayo ongu 1938, yatsho isithi ke uvumelekile nabanina onqwenayo ukuza emkhuhlaneni. Kuthontelene inkungu nelanga, kuba bonke abakuvileyo oko bebekunqwenela ukuzivela ngokwabo ukuthetha kokugqibela kwenyange elo.

Ucele umf' omkhulu ukuba aphakanyiswe kancinane, aguqulwe, ajongiswe ngase bantwini. Uthe ukuba athi ntla ngonyana wakhe u 1938, owaye ngasemva kwakhe mganyana waqala wavakala! Lithe nelizwi beliqale libutshotho, laya livukela ngakumbi Esenjenje:—

Nyana wam! Kwekw' akokwethu.
Njengesoko nommiselo,—
Wemveli ka Mveli,—
Njengomtheth' ongaphulwayo;
Wendalo ka ndalo,—

1937 and 1938 (1938)

"Remember the days of old;
consider the years of many generations;
ask your father and he will show you;
your elders, and they will tell you."
Deuteronomy 32:7

Whoever was not present when the old man, 1937, expressed his death wishes, directing them to his son, 1938, really missed a great deal.

I can't forget death, the officer with exceptional authority, the officer with uppercuts terrifying even to one prepared, who knew his days and had been informed of them. When death strikes it strikes with menace, alarms and terrors.

This old man summoned his son, 1938, saying anyone with a strong desire to visit the invalid was welcome. People arrived in droves because everyone who heard that wished to hear the elder's last words in person.

The old fellow asked to be raised slightly, and turned to face the people. When his eyes fell on his son, 1938, who stood a little behind him, his voice became audible! Although his voice was hoarse at first, it grew more distinct, saying:

My son! Boy of ours,
according to custom and statute –
ancient of the Ancient –
like the law inviolable
of Nature's nature –

Uyemk' uyihlo.
Uya kwelizay' iphakade;
Uyakwenz' ingxel' eminyaka;
Kwiimini zase phakadeni.

Ndikushiya noluntu lomhlaba;
Ndikushiya noonyana baka Adam;
Ndikushiya neentombi zika Efa;
Abeva kanene mntanam!
Baxake no Mdal' owabadalayo;
Uyazizonda ngabo aph' akhona;
Phof' ubathanda ngokobom baKhe.

Zizikhulu ngamanene;
Ngamanenekazi okudalwa.—
Banenkani kanene mntanam!
Banokhanda bazizilumko!
O-Mntanam Abantu!
    Abantu,—abantu bomhlaba!
